



URhulumente
weNtshona Koloni



ISebe loPhuhliso loLuntu

IsiCwangciso Sokusebenza Sonyaka

2023/24



**URhulumente
weNtshona Koloni**

NGOWAKHO

UPhuhliso loLuntu

**URhulumente waseNtshona Koloni
ISebe loPhuhliso loLuntu**

**IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka
wama2023/2024**

Isibhengezo

Inguqulelo yesiNgesi yesiCwangciso sokuSebenza soNyaka sithathwe njengombhalo osemthethweni. ISebe alinakubekwa tyala ngalo naluphi na utoliko olungelulo olunokuthi lwenzeke ngexesha lenkqubo yoguqulelo.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka siqulunqwe liCandelo loMlawuli oyintloko weQhinga noCwangciso loShishino, iSebe loPhuhliso loLuntu.

Ukufumana iikopi ezongezelelekileyo zolu xwebhu nceda uqhagamshelane ne:

INTloko yeSebe

ISebe loPhuhliso loLuntu

Private Bag X9112

eKapa

8000

Mzantsi Afrika

Umnxeba: +27-21-483 5121

IImeyile: DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za

PR: 31/2023

ISBN: 978-0-621-50905-2

Igama loPapasho: IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe loPhuhliso loLuntu kuRhulumente weNtshona Koloni sowama2023/2024

Inombolo yaSimahla: 0800 220 250

IWebhusayithi: <http://www.westerncape.gov.za>

INgxelo yeSigqeba esiLawulayo

Iziphumo zexesha elide zobhubhani weKHOVIDI-19 zisaqhubeka nokuchaphazela amakhaya, eNtshona Koloni nakwilizwe lethu liphela.

Intswelangaqesho, ingakumbi eyolutsha, ibanga umngeni ommandla kwisizukulwana siphela. Intswelangaqesho, ubuhlwempu, nokungalingani, okuhambisana nokunyuka kwamaxabiso okutya kunye nemeko embi yokuhla kokukhula koqoqosho kubangela le ngxaki. Amazinga aphezulu olwaphulomthetho, ukwanda okuqaphelekayo ekubulaweni kwabantu, kulwaphulo mthetho ngokwesondo, kunye nolwaphulo mthetho olunxulumene neziyobisi, kunye nokungabikho kombane okuqhubekayo kwilizwe lonke, kwandisa amathuba okuhla ngakumbi kwezentshona noqoqosho, udushe ekuhlaleni, kunye nokwanda kwamazinga olwaphulomthetho.

Ukukhula okuphantsi koqoqosho kunye nokunyuka kwamaxabiso kuchaphazela kakhulu amaqela anemivuzo ephantsi, kodwa ngoku sibona ukwanda koxinzelelo lwezoqoqosho kunye nokuba sesichengeni phakathi kwamaqela anengeniso ephakathi kunye nephezulu. Ezi meko zandisa inani labemi abafuna iinkonzo kwiSebe loPhuhliso loLuntu eNtshona Koloni, oku kuyinyani phakathi kokwehliswa kohlahlo lwabiwomali. Ukongezwa koku kukukhula kwamanani abemi eNtshona Koloni ngenxa yokuphuculwa kweminyaka ephilwa ngabantu kunye nokufudukela kwelinye ilizwe.

Ngoku, kunanini na ngaphambili, iSebe lisahleli lizinzile ekuzibopheleleni kwalo ekuboneleleni ngeenkonzo nenkxaso kumntu ngamnye nakwiintsapho ezifumana ezi nyaniso zinzima mihla le, nangona kunjalo kufuneka siqhubeleke sikubethelele oko sikwenzayo, kwaye kufuneka senze izinto ezisisiseko ngeli lixa sizamazama ukugqwesa, inkathalo kunye novelwano. Umsebenzi osemthethweni usahleli ungowona ubalulekileyo kunye nokuhanjiswa kweenkonzo kwabo basweleyo, ngelixa kukho inkxalabo eyandayo malunga nokhuseleko lwabasebenzi bethu, uninzi lwabo olusebenza phantsi kweemeko ezinobungozi kunye neningeni ekunohlanganwa nayo.

Ndiyaxhasa isiCwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe sowama 2023/24, esichonga izalathi zentsebenzo kunye nezinto ekujoliswe kuzo esiya kuzifuna ukuziphumeza kulo nyakamali uzayo. Okuphambili kweSebe kuhleli kukwinkonzo emiselwe ngokomthetho, ukhuseleko lwabantwana, ulutsha olusemngciphekweni, uBundlobongela obuSekwe kwiSini, ubonelelo ngeenkonzo zokunyanga ukusetyenziswa kweziyobisi kunye neenkonzo kuBantu abaPhila noKhubazeko nakubaNtu abaDala. Ukungakhuseleki kokutya kunye nokungabi namakhaya kuhlala kwindawo yethu njengomngeni okhulayo

Kufuneka siqhubeke nokusebenzisana noluntu, abachaphazelekayo, iinkampani, urhulumente wasekhaya, kwaye okona kubalulekileyo uluntu, ukuze sifezekise okwethu ekujoliswe kuko. Ngentsebenziswano enjalo, uluntu lumelwe ngokubanzi, olukhokelela kuphuhliso olusebenzayo kunye nokuphunyezwa kwemigaqonkqubo kunye nezicwangciso zokusebenza

Kubalulekile ukusoloko sikhumbula ukuba sisebenza nabantu, hayi ii-asethi kwaye, izibonelelo ezifunekayo ukubanceda azixoxisi.



Sharna Fernandez
ISigqeba esiLawulayo soRhulumente waseNtshona Koloni:
ISebe loPhuhliso loLuntu
KweyoKwindla wama 2023

INgxelo yeGosa eliPhendulayo

Njengoko iphondo laliphuma kwimeko yentlekele kazwelonke kunye nokuvalwa ngci kweentsukumo ngowama 2022, abemi abaninzi baye bakwazi, kwaye baye bafikelela kwiinkonzo zophuhliso loluntu. Ukukhula okuphantsi koqoqosho, amanqanaba aphezulu entswelangqesho kunye nokunyuka kwamaxabiso ezinto eziye zandisa iingxaki zentlalo ezifana nokungakhuseleki kokutya, intlupheko, ukungabi namakhaya, ubundlobongela obusekelwe kwisini (GBV), ulwaphulomthetho kunye nobundlobongela ngokubanzi, kunye nokuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi (SUD), ngaloo ndlela ke kuqiniswa imfuno yeenkonzo zophuhliso loluntu. Ukukhula kwezoqoqosho okuphantsi kunye nenkangeleko yokunqongophala kwakhona kube nefuthe ekuqokelelweni kwengeniso yelizwe, kuthintele amandla oorhulumente ekuhlangabezani nemfuno ekhulayo yeenkonzo.

Impendulo yeSebe kule meko ikhoyo ikhokelwa ngumthetho, imigaqonkqubo eliqela engundoqo, nezicwangciso, isiCwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP), iSakhelo sesiCwangciso seQhinga esiPhakathi soNyaka (MTSF), kunye nesiCwangciso soBuchule sePhondo leNtshona Koloni (PSP). IziCwangciso zoBuyiselo noKhuseleko eNtshona Koloni (emva koku zaziwa njengesicwangciso soBuyiselo kunye nesiCwangciso soKhuseleko ngokulandelelanayo) zaye zaphunyezwa ngexesha leKHOVIDI-19 ukukhawulezisa ukuphunyezwa kongenelelo oluphambili oluchongwe kwiPSP yeNtshona Koloni ukunciphisa impembelelo yokungabi namakhaya, iGBV kunye nemingcipheko ebangelwayo kulutsha, kwiintsapho nakuluntu ngokubanzi. Ngokuhlangeneyo, oku, kunye nendlela yeSebe egxile kubemi, kufuna ukuqinisekisa ukhuseleko, isidima kunye nempilo entle yabantu, iintsapho kunye namalungu oluntu. Izinto eziphambili kulo nyaka uzayo zibandakanya ukhuseleko, ukhathalelo nokhuseleko lwabantwana kunye namaqela asemngciphekweni afana naBantu abadala kunye naBantu abaphila noKhubazeko; inkxaso kwiintsapho ezisesichengeni; ukukhuselwa kwamaxhoba eGBV; inkxaso yesondlo kumakhaya asemngciphekweni; kunye nokufikelela okuphuculiweyo kweenkonzo zokuhlala kubantu abadala neentsapho ezingenamakhaya.

Iinkonzo ezisemthethweni ezikhusela amalungelo kunye nokuphila kakuhle kwabantwana ziya kuqhubeka zibekwe phambili ngokubaluleka kunyakamali wama 2023/24. Iinkonzo zokukhuliswa komntwana ongengowakho ziya komelezwa kukuphunyezwa kwesiCwangciso soLawulo lweNkulisa kunye nokuqhubekela koqeqesho lwabazali ngokhuseleko. Ukufakwa ekhompuytheni kwawo onke amatyala okukhulisa umntwana kunye nogunyaziso lokufikelela kwiRejista yoKhuseleko loMntwana yenze ukuba kuphuculwe ngakumbi iinkonzo zololongo kwiphondo ngokunciphisa ixesha lotshintsho lokubekwa nokwandiswa kwabantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko. Ukwanda okuqaphelekayo kumatyala ononophelo lwabonwa kowama 2022/23 kwaye kubonisa amanqanaba aphezulu okuxhatshazwa kunye nokungahoywa kwabantwana. Ekupheleni kweyoMqungu wama 2023, bekukho imeko ezisebenzayo ezingama 39 148 kwiNkqubo yokuHlola iNkulisa. Imfuneko yokhathalelo olwaneleyo lwabantwana abaphila nokhubazeko abakwenye indawo yokhathalelo nayo iye yanda. Imodeli yenkxasomali yamaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha (CYCC) kubantwana abaphila nokhubazeko iye yaphononongwa kwaza kwabiwa izixhobo ezongezelelekileyo ukuze kuqinisekise ngezisombululo zololongo olulolunye lwaba bantwana.

Iinkonzo zokukhusela abantwana, kubandakanywa iinkonzo ezisekelwe kuluntu kunye neenkonzo zokungenelela kwangethuba ezifana neModeli iRisiha kunye nokubonelela ngeenkonzo zeZiko lokoThulela ziza kugcinwa. INkqubo yoKhathalelo lwaseMva kokuPhuma kweSikolo (ASC) iza kuqhubeka ibonelela ngeenkonzo zononophelo nenkxaso eziyimfuneko kubantwana abakwiminyaka yokuhamba isikolo ngokwezifundo, iingcebiso, isondlo kunye nemisebenzi yolonwabo ekhuthaza ukukhula kwabo.

ISebe liza kuqhubekela ngokuphumeza iinkqubo ezijolise ekomelezeni nasekwakheni iintsapho noluntu olukwaziyo ukuzimela. Ezi nkqubo ziquka ukunikezelwa kweenkonzo zonyango, uphuhliso, ulamlo kunye nenkxaso yengqondo ukuxhobisa iintsapho ezisemngciphekweni ngezakhono eziyimfuneko ukuze kugcinwe ulwakhiwo lwentsapho kunye nokuvumela imekobume ezinzileyo nesebenzayo eyenza igalelo kwintlalontle yawo onke amalungu entsapho, ngakumbi abantwana.

Ngokuhambelana nendlela yoBuyiselo loBulungisa, iSebe liza kubonelela ngeenkonzo zempilo yengqondo, ulingo, uphambuko kunye nenkxaso yothintelo lolwaphulomthetho kubantwana, ulutsha nakubantu abadala abasemngciphekweni okanye abakungquzulwano nomthetho,

ukudala nokugcina uluntu olukhuselekileyo nolulungileyo. Iinkqubo zothintelo lolwaphulomthetho olusekwe eluntwini nasezikolweni kunye nonyango lweSUD ziza kugcinwa kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu nakwiindawo zasemaphandleni kwiphondo. Oku kubandakanya izakhono zobomi, iingcebiso zengcebiso kunye neenkonzozo zenkxaso yengqondo, phakathi kwezinye.

Iinkonzozo zolingo ezibonelela abantwana ziza kwandiswa ngokuqaliswa kweNkqubo yoLawulo lwamaTyala olingo. Le nkqubo ye-intanethi ibonelela amagosa oluleko ngedatha yexesha lokwenyani ngabo bonke abantwana abakungquzulwano nomthetho kwiphondo, kuqulwa nawo onke amatyala angaphambili kunye nongenelelo olwenziwa ngabo bantwana, nto leyo encedisa ngakumbi amagosa oluleko ekuqinisekiseni ukuba ungenelelo olufanelekileyo lwenziwa lufumaneke emntwaneni. Uqeqesho kunye nokuxhotyiswa kwamagosa oluleko kuya komeleza ngakumbi iinkqubo zoluleko, ezibandakanya ukulamla kwaboni, iinkomfa zamaqela osapho, iingcebiso ngonyango kunye neenkqubo zokwazisa ngeGBV ezisekelwe eluntwini kubaphulimthetho kunye namalungu eentsapho zabo. Kuza kugxilwa kwakhona ekucinyweni kweerekhodi zolwaphulomthetho zolutsha ezigqibezela iinkqubo zoluleko ukuncedisa ekudityaniseni kwalo ixesha elide eluntwini.

ISebe lifumene ukwanda kwesidingo sezithuba zeebhedi kwiiCYCC zabantwana abanemingeni yokuziphatha kunye nokuphazamiseka kwengqondo kunye nabantwana abaphila nokhubazeko olummandla kunye nobunzima bobukrelekrele. Aba bantwana bafuna ukhathalelo lwempilo ama-24/7 kunye nezakhono ezikhethekileyo ukulawula iimeko zabo, nto leyo engaphaya kwamandla akhoyo ngoku eSebe. Ukuqinisekisa ukuba abantwana abakwiiCYCC bafumana ukhathalelo nenkxaso efanelekileyo, iSebe liya kuqhubeka liphuhlisa indlela yokudluliselwa kwabafundi ngentsebenziswano neSebe lezeMpilo neNtlalontle yephondo (DoH&W) kunye neSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED). Ukwandiswa kweziseko zophuhliso ngokwemiqathango yamaziko eSebe loPhuhliso loLuntu (zeDSD) kuya kuqhubeka kugxininise ekuphuculeni uphuhliso nokhathalelo olukhuselekileyo lolu lutsha ngelixa lukwimo ekhuselekileyo. Iziko loKhathalelo loKhuselo i-Outeniekwa yaseGeorge ivule iiyunithi ezimbini ezongezelelweyo kunye namagumbi okufundela aza kuhlalisa abahlali abangama 40 ngaphezulu. Izongezo zilungelelaniswe nezona zenzo zingcono zamazwe ngamazwe ezikhulisa ulongamelo oluthe ngqo, ukhathalelo kunye nophuhliso lwabahlali.

Nangona bengabaxhasi abaphambili kwintlalontle yoluntu lwethu, abasetyhini baseMzantsi Afrika bachatshazelwa ngokulinganayo yintlupheko, intswelanguqesho, ubundlobongela nokungalingani, beqaqambisa ukuba sesichengeni kweli qela. Malunga neepesenti ezingama 98 zamaxhoba afumana iinkonzozo zokuxhotyiswa kwamaxhoba ngabasetyhini nabantwana babo. Ngaphaya koko, umyinge wama 85 eepesenti wabaxhamli abafikelela kwiinkonzozo zaBantu abadala ngabasetyhini. Oomama nabanonopheli abangabasetyhini badlala indima ebalulekileyo ekuphuhliseni imekobume yosapho ekhulisayo kwaye ke ngoko bangabathathinxaxheba ababalulekileyo kwiinkqubo zobuzali nezokulondolozwa kosapho. Ngaphezulu, ngenxa yobume beenkonzo zentlalontle, uninzi lwabasebenzi bezentlalontle abaqeshwe liSebe kunye nemibutho engajonganga nzuzo kwiphondo liphela ngabasetyhini. Ngenxa yendima ebalulekileyo edlalwa ngabasetyhini kuluntu, ekuhlaleni, kwiyunithi yosapho kunye nokunikezelwa kweenkonzo zentlalontle yoluntu kunye nophuhliso loluntu, iSebe liza kuqhubeka lithumela izixhobo kubonelelo lweenkonzo ukuxhasa nokuxhobisa abasetyhini kwiphondo.

Ukwazisa okuthe kratya kunye nokufikelela okuphuculiweyo kweenkqubo zenkonzo ezihlanganisiweyo kumaxhoba eGBV kukhokelele ekubeni ama 34 eepesenti zabaxhasi abongezelekileyo bafikelele kwiinkonzozo zenkxaso kunokuba bekulindelwe emva kwephulo leentsuku ezingama 365 zeWCG lokulwa iGBV kweyoMnga wama 2022. ISebe liza kuqhubeka nokuxhasa ukusebenza ngama 26 eendawo zokuhlala zokhuseleko zeGBV kwiphondo liphela, ezibonelela ngendawo yokuhlala ekhuselekileyo nenkxaso yonyango kwabasetyhini kunye nabo baxhomekeke kubo, kubandakanywa namaxhoba okurhweba ngabantu. Iinkonzozo zeendawo zokuhlala zokhuseleko zeGBV ziza komelezwa ngakumbi ngoqeqesho lweengcali zenkonzo zentlalontle ekuphunyezweni kokuxhotyiswa kwamaxhoba kunye neenkqubo zeSUD, kunye namangenelo ajolise ekunikezeleni ngeenkonzozo kumaxhoba amadala obundlobongela basekhaya kunye nolwaphulomthetho ngokwesondo. Ukufikelela kwiinkonzozo zexesha elide zenkxaso ngokwasengqondweni nentlalontle ukunciphisa ifuthe elibi lokuxhatshazwa ngokwesondo kuza

kugcinwa kwakhona kwiindawo ezibalulekileyo zokungena, ezifana namaZiko oKhathalelo eThuthuzela (TCC), kwiphondo liphela. ISebe likwavavanye imodeli yokuqala eqhutywa ziiNPO ukulungiselela amaZiko eKhuseleka i-One-Stop elizweni. Iziko leKhuseleka i-One-Stop entsha liza kuvulwa eStellenbosch kulo nyakamali uzayo. Uthethathethwano kunye nokusebenza namahlakani ekunikezelweni koRhulumente weNtshona Koloni (WCG) isiCwangciso soPhunyezo lweGBV, ekhokelwa nguMphathiswa wePhondo leNtshona Koloni woPhuhliso loLuntu, iza kuqhubeka. Esi cwangciso senza ukuba kuphuculwe ulungelelwano lweenkonzo ezihlangeneyo zikarhulumente kumaxhoba eGBV kwiphondo. ISamithi yephondo yoBundlobongela obuSekelwe kwiSini nokuBulawa kwabaseTyhini (GBVF) yabanjwa kweyeThupha wama-2022 kwaye yayizinyaswe ngabathunywa abangaphezu kwe-1 500 ngokobuqu ngangonxibelelwano lobuxhakaxhaka balemihla. Le ngqungquthela yenze ukuba kubekho unxibelelwano phakathi koRhulumente, icandelo leNPO, icandelo labucala kunye noluntu kwimiba enxulumene neGBV efana nenkxasomali kunye nemiqobo yezibonelelo, imingeni yokufikelela kwiinkonzo zenkxaso ezibalulekileyo, utshintsho kubume bowisomthetho, uphuhliso olutsha kwicandelo kunye nesidingo sokuba uluntu luphela lujongane nobundlobongela obujoliswe kwabasesityhini nabantwana kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu kwiphondo. Igqiza elisuka kwiphondo liye lathatha inxaxheba kwiNgqungquthela kaMongameli kaZwelonke yeGBVF. Izisombululo zazo zombini ezi ngqungquthela ziye zazisa ukucokiswa kwesiCwangciso soPhunyezo lweGBV liQela loMsebenzi wezobuChwepheshe beGBV. IsiCwangciso soPhunyezo lweGBV esihlaziyiweyo siza kunikezelwa kwiKhabhinethi yePhondo kweyoKwindla wama 2023.

Ngenxa yomgangatho ophezulu wentswelangqesho kunye nesiphumo sokungakhuseleki kokutya kunye nokwanda kokungabinamakhaya, iSebe lihleli lizibophelele ekuboneleleni ngendawo yokuhlala yethutyana kunye neenkonzo kubantu abadala abangenamakhaya. Ezi nkonzo zandisiwe, zandisa inani lilonke leendawo zokulala ukusuka kuma 2 028 ngowama 2021/22 ukuya kuma 2 398 ngowama 2022/23, ezifikelekayo kwiindawo zokuhlala zokhuselo ezingama 37 ezixhaswa ngemali kwiphondo liphela. Ngowama 2022/23 ungenelelo lokutyisa elijoliswe kwiSebe libonelele ngokutya okuphekiweyo kubaxhamli abafanelekileyo kumaZiko ali 111 eSebe leZondlo noPhuhliso loLuntu (CNDC) kunye neendawo zokuhanjiswa kokutya kwiphondo liphela. Oku kuxhaswa ngamanye amakhitshi oluntu angama-512 abonelela abantu abahluphekayo nabasemngciphekweni kunye noluntu ngokufikelela ekutyeni okunesondlo. ISebe lizibophelele ekugcineni ezi ndawo zebhedhi zifuneka kakhulu kwiindawo zokuhlala zabantu abadala abangenamakhaya kunye nenkxaso yesondlo kumakhaya asemngciphekweni nakubantu kulo nyaka uzayo, nangona izixhobo zokusebenza zinqongophele. Iinzame ezingaphaya zokuphelisa intlupheko kunye nokuxhasa amakhaya asemngciphekweni abandakanya amathuba emisebenzi yethutyana, ingakumbi kulutsha, abasesityhini, kunye naBantu abaPhila noKhubazeko, kwicandelo lezentlalo ngeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP).

Phakathi kwabona basemngciphekweni kuluntu lwethu ngabantu abaphila nokhubazeko kunye nabantu abadala. ISebe, ngentsebenziswano namahlakani aphambili kunye nabachaphazelekayo, liya kuqhubeka ukubonelela ngokhathalelo oluhlangeneyo kunye neenkqubo zenkxaso ezijolise ekukhuthazeni amalungelo, intlalontle nokhuseleko lwaBantu abaPhila noKhubazeko nabaDala. Ngokuphathalele kuBantu abaPhila noKhubazeko, oku kubandakanya ukubeka phambili ukubhaliswa kwamaziko ononophelo lwethutyana/amaziko ononophelo lwasemini kubantwana abakhubazekileyo ukuqinisekisa ukuba iinkonzo ezisemgangathweni ziyabonelelwa. Izigqeba zenkxaso kubazali nabagcini baBantu abaPhila noKhubazeko kunye nokuphunyezwa kwezinye iindlela zokhathalelo nenkxaso, ziya kuqhubeka ziqiniswa. Ubonelelo ngeenkonzo zokuhlala nenkxaso ezisekelwe ekuhlaleni kuBantu abaDala nalo luza kuqhubeka.

Ii-SUDs zidlala indima ebalulekileyo kubukho beGBV, ulwaphulomthetho olunobundlobongela kunye nokuwohloka kwesakhiwo sosapho. Ukujongana neSUD ke ngoko kusisiseko kwindlela yophuhliso ebanzi ekuboneleleni ngeenkonzo kubathengi nakwiintsapho zabo. Ulwamkelo lweenkqubo zonyango lweSUD luye lwanyuka ngokuthe ngcembe njengoko amanqanaba okuvalwa aye acuthwa kwaye nemimiselo enxulumeneyo yarhoxiswa, nto leyo eyenza ukuba izigulane ezilaliswayo kunye neenkqubo ezisekwe kuluntu zikwazi ukwamkela abaxumi abaninzi. Kulo nyaka uzayo, iSebe liza kugxila kwiinkonzo ezisekelwe kuluntu, kwiindawo zoomasipala abambaxa namaphandle, ezibandakanya uthintelo, ungenelelo lwangethuba, kunye nokwandiswa koncedo lwasemva kononophelo nobuyiselo eluntwini. Oku kokugqibela kubandakanya unyango lomntu ngamnye,

umsebenzi weqela kunye nokungenelela kwentsapho ukubuyisela kwakhona abasebenzisi benkonzo kwiintsapho zabo okanye kwiindawo zemvelaphi. Ngaphaya koko, iinkonzo zeSUD ziza kuqhubeka zibonelelwa kwiindawo zokuhlala zokhuseleko zeGBV, kwiiCYCC eziqhutywa liSebe nanjengenxalenye yeenkqubo ezisekelwe ezikolweni zeSebe. Ukuxhaphaka kwamaziko onyango angabhaliswanga kuyaxhalabisa. Ngelixa umthetho ungaboneleli ngesigunyaziso esiyimfuneko sokuvala la maziko, iDSD iye ngempumelelo yakrweca iNkundla ePhakamileyo ukuze kuvalwe iziko lonyango elingekho mthethweni. Oku kuvule indlela yokujongana nokuvalwa kwamaziko angabhaliswanga ngendlela eyongezelelekileyo.

ISebe liza kugcina ugxininiso lwalo kuphuhliso olupheleleyo lolutsha olusesichengeni, ngakumbi olo lungaphangeliyo, lungafundiyo okanye lungekho kuqeqesho (NEET). IiKhefi zoLutsha, iziGqubu zoLutsha kunye nemibutho esekwe kuLuntu iyaqhubeka nokubonelela ngeenkqubo zophuhliso kunye nokungenelela okufana nezakhono zokufunda nokubhala ngobuxhakaxhaka balemihla be-intanethi kunye nobuchule, kunye neenkqubo zokucebisa ngokusebenzisa amaqonga okufunda kwi-intanethi. Iinkqubo ezilungiselelwe ukuphuhlisa ukuzimela kunye notshintsho ukusuka kulutsha ukuya kubomi babantu abadala nazo ziya kuqhubeka ziphunyezwa. Oku kuquka iinkonzo ezinxulumene nempilo yezesondo; ulwazi ngeGBV; iingcebiso ngeziyobisi notywala; kunye namaphulo okuthintela ulwaphulomthetho ekuhlaleni.

ISebe liza kuqhubeka linceda iiNPO ngokuthobela uMthetho weenNPO kunye nezinye izakhelo ezisemthethweni ezinxulumeneyo. Oku kuquka uncedo lweSebe lePhondo loNcedo lweNPO ngokubhaliswa nokuthobela uMthetho weenNPO, ngokwenjenjalo kusakha imibutho enobuchule nekwaziyo ukumelana nentlalontle yoluntu. Ngaphaya koko, iinkqubo ziqeqesho ezibanzi ziza kuxhasa iiNPO ukuze ziqhubele phambili ukukhulisa uxanduva lwazo nokuzinza.

Isiphelo

Ukuba nje ifuthe lexesha elide lobhubhane lisathe gqolo ukuchaphazela abona bantu basemngciphekweni kwiphondo lethu, iSebe lihleli lizinzile ekuqinisekiseni ngesidima, intlalontle, kunye nokhuseleko lwabo badinga kakhulu intlalontle neenkqubo zophuhliso loluntu kunye nongenelelo. Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka (APP) sibonisa ukuzinikela kweSebe ekuphumezeni kuzo zozibini izibophelelo zalo ezisemthethweni, nalapho kunokwenzeka, iinkqubo ezingamiselwanga ngumthetho, ngokuhambelana nezinto eziphambili zomgaqonkqubo kazwelonke nowephondo oqulethwe kwiNDP, ihlaziye iMTSF nePSP ngokulandelelanayo, ukuze kuphuculwe inkqubo yolawulo lweemeko zabemi. Oku, nangona uxinzelelo lonikezelo lweenkonzo lunyukile, iimeko ziyimingeni, kwaye nezibonelelo zinqongophele.



Gqr. Robert Macdonald
IGosa eliPhendulayo loRhulumente waseNtshona Koloni:
ISebe loPhuhliso loLuntu
KweyoKwindla wama2023

UTyikityo oluseMthethweni

Ngokwenjenje kukuqinisekisa ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- Saphuhliswa ngabalawuli beSebe loRhulumente weNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu phantsi kwesikhokelo sikaNksk S. Fernandez, umphathiswa weNtshona Koloni woPhuhliso loLuntu.
- Sithathela ingqalelo yonke imigaqonkqubo efanelekileyo, imithetho kunye neminye imiyalelo apho iSebe loPhuhliso loLuntu loRhulumente weNtshona Koloni linoxanduva khona.
- Sibonisa ngokuchanekileyo iziphumo kunye neziqhamo iSebe loRhulumente weNtshona Kapa loPhuhliso loLuntu eliza kuzama ngalo ukuziphumeza kwisithuba esiphakathi kowama 2023 ukuya kuma 2024.


Charles Jordan
UMLawuli oyiNtloko: Abantwana, iintsapho
namaQela asesiChengeni

Utyikityo: 

Leana Goosen
UMLawuli oyiNtloko: INTlalontle yoLuntu
neeNkonzo zoBuyiselo

Utyikityo: 

Mzwandile Hewu
UMLawuli oyiNtloko: UPhuhliso
neNtsebenziswano yoLuntu

Utyikityo: 


Annemie van Reenen
UMLawuli oyiNtloko: ULawulo noQuquzelelo
loHanjiso lweenKonzo

Utyikityo: 

Juan Smith
UMLawuli oyiNtloko: ULawulo lweMali

Utyikityo: 


Marion Johnson
UMLawuli oyiNtloko: IQhinga noCwangciso
loShishino

Utyikityo: 

Robert Macdonald
IGosa eliPhendulayo

Utyikityo: 

Yamkelwe ngu:
Sharna Fernandez
IsiGqeba esiLawulayo
KweyoKwindla wama-2023

Utyikityo: 

Iziqulatho

IsiBhengezo	Error! Bookmark not defined.
INgxelo yesiGqeba esiLawulayo	3
INgxelo yeGosa eliPhendulayo	4
ICandelo A: IGunya Lethu	10
1. IziGunyaziso zoMgaqosiseko, ezoMthetho nezoMgaqonkqubo.....	10
2. Imigaqonkqubo yeZiko kunye neQhinga kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu ..	Error! Bookmark not defined.
3. IziGwebo zeNkundla eziFanelekileyo.....	Error! Bookmark not defined.
ICandelo B: UGxininiso Lwethu lweSiCwangciso	26
4. UHlalutyo lweMeko.....	26
4.1 UHlalutyo lweMeko yangaPhandle	26
4.2 UHlalutyo lweMeko yangaPhakathi.....	32
4.3 UVavanyo loPhando luGqityiwe liSebe.....	33
ICandelo C: UMlinganiselo Wethu wokuSebenza	35
5. IiNkcukacha zokuSebenza kweNkqubo yeSebe.....	35
5.1 INkqubo yoku 1: Ulawulo	35
5.2 INkqubo yesi 2: IiNkonzo zeNtlalontle yoLuntu.....	41
5.3 INkqubo yesi 3: Abantwana neeNtsapho	50
5.4 INkqubo yesi 4: IiNkonzo zoBuyiselo.....	58
5.5 INkqubo yesi 5: UPhuhliso noPhando	67
6. Amaqumrhu oluntu	74
7. Iiprojekthi zeziseko ezingundoqo	75
8. Ubudlelwane Phakathi kukaRhulumente namaShishini aBucala (PPP).....	75
ICandelo D: linkcazelo ngesalathiso sobuchwepheshe (TID)	76
Izihlomelo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka	148
IsiHlomelo A: Izilungiso kwiQhinga lesiCwangciso.....	148
IsiHlomelo B: Izibonelelo zoXhomekeko	152
IsiHlomelo C: Izalathisi eziHlangenisiveyo	152
IsiHlomelo D: IModeli yoPhuhliso lweSithili	153
IsiHlomelo E: Izifinyezo	154

Icandelo A: IGunya Lethu

1. IziGunyaziso zoMgaqosiseko, ezoMthetho nezoMgaqonkqubo

IGunya loMgaqosiseko

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwiDSD
UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we 1996.	ICandelo lama 28 (1) loMgaqosiseko liwabeka amalungelo abantwana ngokuhambelana nokhathalelo olufanelekileyo (isondlo esisisiseko, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo kunye neenkono zentlalontle) kwaye ukuvalelwa kwabantwana linyathelo lokugqibela elinokuthi lithatyathwe.

AmaGunya oMthetho

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwiDSD
UMthetho waBantwana (38/2005).	<p>UMthetho uqhutywe ngokwesiBhengezo soBongameli ngomhla woku 1 kuTshazimpuzi wama 2010 waze wachaza:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Amalungelo noxanduva lwabantwana; ● Uxanduva nobulungelo lobuzali; ● Imithethosiseko nezikhokelo zokhuselo lwabantwana; ● Inkuthazo yempilontle yabantwana; kunye ● Nohlanganiso lwemithetho enxulumene nentlalontle nokhuselo lwabantwana; nemiba eyenzekayo. <p>Okona kugxilwe kuko kuhlaziyo lwesibini loMthetho waBantwana yayikukufunyanwa kweNkundla ePhakamileyo yaseMazantsi eRhawuti kuTshazimpuzi wama 2011 malunga notoliko olululo lweCandelo le 150 (Ioku 1) (a) loMthetho. Inkundla yafumanisa ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Umkhathaleli wabantwana oneemfanelo ezisemthethweni zokukhathalela (kule meko umakhulu) unakho ukonyulwa njengomzali okhulisa umntwana ongengowakhe; kwaye ● Ingenguwo uMthetho waBantwana nongengoMthetho woNontlalontle oNcedisayo okanye iMigaqo yayo edinga uphononongo lomvuzo womzali okhulisayo, ngoko ke imeko yezemali zabantwana zifumaneke ukuba inkathalo nokhuselo kufuneka zithathelwe ingqalelo ingenguye umzali okhulisayo. Apho abazali abakhulisa abantwana abangengobabo bafumana inkxaso ngokwasemthethweni bengakwazi ukukwenza oko ngokwezemali, kufuneka babenako ukufaka isicelo sesibonelelo senkulisa.
UMthetho oHlonyelweyo waBantwana we 17 wama 2016 noMthetho oHlonyelweyo weSibini waBantwana we 18 wama 2016.	<p>UMthetho siHlomelo waBantwana (17/2016) uhlomela uMthetho waBantwana (wama 2005) ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ufakele iinkcazelo ezintsha; ngokubonelela ngokuba umntu obanjelwe amatyala athile athathwe njengongafanelekanga ukusebenza nabantwana; ngokubonelela ngokuba uMkomishinala kaZwelonke weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (SAPS) kufuneka athumele kuMlawuli Jikelele zonke iinkcukacha zabantu abafunyenwe bengafanelekanga ukusebenza nabantwana; ukubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokususa umntwana ngaphandle komyalelo wenkundla; ukwandisa iimeko malunga nexesha lokwamkelwa komntwana; kunye nokwandisa iziphumo zomyalelo wokuthathwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho ngokubonelela ngokuba umyalelo wokuthathwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho awuziphelisi ngokuzenzekelayo zonke iimfanelo zomzali namalungelo omzali womntwana xa umyalelo wokuthathwa komntwana ukhutshiwe ngenxa yeqabane okanye iqabane lobomi basekhaya ngokusisigxina baloo mzali kwaye ubonelele ngemiba enxulumene noko.</p> <p>UMthetho siHlomelo waBantwana (18/2016) uhlomela uMthetho waBantwana (wama 2005) ngokuthi, phakathi kwezinye izinto, ufakele iinkcazelo ezintsha; ngokubonelela ngokuba ukususwa komntwana kukhathalelo olukhuselekileyo lwexeshana ngaphandle komyalelo</p>

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwiDSD
	wenkundla kubekwe phambi kweNkundla yaBantwana ukuze iqwalaselwe phambi kokuphela kosuku olulandelayo lwenkundla; ukubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokususa umntwana ngaphandle komyalelo wenkundla; ukulungiselela ukuba iNtloko yePhondo yoPhuhliso lwezeNtlalo itshintshe umntwana okanye umntu esuka kolunye uhlobo lononophelo olulolunye amse kolunye uhlobo lononophelo; kunye nokuba isicelo sokuba umntwana ahlale kukhathalelo olulolunye olungaphaya kweminyaka eli-18 singeniswe phambi kokuphela konyaka apho umntwana ofanelekileyo efikelela kwiminyaka eli 18 ubudala.
UMthetho siHlomelo waBantwana we 17 wama 2022.	UMthetho siHlomelo waBantwana (17/2022) uhlomela uMthetho waBantwana, (38/2005), ukuze uhlomele uze ufakele iinkcazelo ezithile; ukwandisa igunya lenkundla yabantwana; ukubonelela ngakumbi ngononophelo lwabantwana abalahliweyo okanye abaziinkedama kunye neminye imiba eyongezelelweyo enokulawulwa; ukubonelela ngemiba eyongezelelweyo ephathelele kubantwana abakumaziko ononophelo olulolunye; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho weMisebenzi yeeNkonzo zeNtlalo we 110 we 1978, iziHlomelo: se 1995, se 1996 nese 1998.	UMthetho waseka iBhunga laseMzantsi Afrika leMisebenzi yobuNtlalontle kwaye uchaza amandla kunye nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zentlalo kunye nobuchule.
UMthetho weMisebenzi yeNkonzo yeNtlalo we 110 we 1978): Imimiselo enxulumene nokubhaliswa kobuchule kwiinkonzo zoluleko (2013).	Le migaqo ipapashwe kwiGazethi yeMimiselo enguNombolo 36159, yowe 15 kweyoMdumba wama 2013, Vol. 572, Nombolo 9911 ejolise ekulawuleni nasekuphuculeni iinkonzo zoluleko.
UMkhomishinala weNtshona Kapa kuMthetho waBantwana wesi 2 wama 2019.	Ukubonelela ngokuqeshwa koMkhomishinala waBantwana kwiPhondo leNtshona Kapa; kwimiba enxulumene noko nokubonelela ngemiba ethile ephathelele kulo ofisi. ICandelo lama 78 loMgaqosiseko weNtshona Kapa, le 1997, liseka i-ofisi yoMkhomishinala waBantwana yephondo kwaye libonelela ngokuba uMkhomishinala kufunekaancedise iWCG ekukhuseleni nasekukhuthazeni amalungelo, iimfuno kunye nomdla wabantwana ephondweni.
UMthetho siHlomelo weNkonzo zoLingo wama 35 wama 2002.	Injongo yawo kukulungisa uMthetho weNkonzo zoLingo, we 1991, ukuze kufakelwe iinkcazelo ezithile: <ul style="list-style-type: none"> ● Yenza amanye amalungiselelo eenkqubo ezijolise ekuthinteleni nasekulweni ulwaphulomthetho; ● Ukwandisa amagunya kunye nemisebenzi yamagosa olingo; ● Ukubonelela ngemisebenzi yabancedisi bamagosa olingo; ● Ukubonelela ngovavanyo olusisinyanzelo lwabantwana ababanjiweyo; ● Ukubonelela ngokusekwa kwekomiti ngeengcebiso zolingo; ● Ukubonelela ngokuchongwa kwabafumani ntsapho; kunye ● Nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho woBundlobongela lwaseKhaya we 116 we 1998.	Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongelad lwasekhaya ukhuseleko oluphezulu kuxhatshazo lwasekhaya.

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwiDSD
UMthetho waBantu aBadala we 13 wama 2006.	Lo Mthetho, owaphunyezwa siSibhengezo sikaMongameli ngomhla woku 1 kuTshazimpuzi wama 2010, ujolise ekuxhotyisweni nasekukhuselweni kwabantu abadala kubandakanywa ubume babo, amalungelo, intlalontle, ukhuseleko, ukhuselo kunye nokulwa ukuxhatshazwa kwaBantu abaDala. UMthetho ukhuthaza indlela yophuhliso evumela: <ul style="list-style-type: none"> ● Ubulumko nezakhono zaBantu abaDala; ● Uthatho nxaxheba lwaBantu abaDala kwimiba yasekuhlaleni; ● Ukulawula ubhaliso lweenkonzo lwaBantu abaDala; kunye ● Nokusekwa nolawulo lweenkonzo nezibonelelo kuBantu abaDala. Ngokungafaniyo noMthetho waBantu asebeKhulile, onguNombolo wama 81 we 1967, ugxininiso luyashenxiswa kukhathalelo lweziko ukuya kukhathalelo olusekelwe kuluntu ukuze kuqinisekise ukuba uMntu omDala uhlala kuluntu ixesha elide kangangoko anako.
UMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa kweZiyobisi wama 70 wama 2008.	UMthetho ubonelela ngokuphunyezwa konikezelo lwenkonzo olubanzi noluhlangeneyo kummandla wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amasebe karhulumente. Eyona nto ugxininisa kuyo lo Mthetho kukukhuthaza iinkqubo ezisekelwe kuluntu kunye nokungenelela kwangethuba, kunye nokubhaliswa kongenelelo lonyango ngokubhekiselele kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.
UMthetho woBulungisa obunxulumene naBantwana wama 75 wama 2008.	Lo Mthetho useka inkqubo yobulungisa kulwaphulomthetho kubantwana abatyholwa ngokwenza ubugwenxa kwaye ujolise ekukhuseleni amalungelo abantwana. Ukwalawula kwakhona ubuncinci beminyaka yobudala begunya lolwaphulomthetho kuquka izibonelelo ezinxulumene nesigqibo sokutshutshisa umntwana oneminyaka eli 12 nangaphezulu.
UMthetho woLwaphulomthetho (uLwaphulomthetho ngokweSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho sihlomelo wesi 6 wama 2012.	Lo Mthetho uhlomela uMthetho woLwaphulomthetho (uLwaphulomthetho lwezeSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho, wama 2007, ukuze ubonelele ngokucacileyo ukuba ukuwiswa kwezohlwayo ngokubhekiselele kumatyala athile aqulathwe kulo Mthetho kuyekelwe ekuboneleleni kweenkundla; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
UMthetho woThintelo kunye nokuLwa ukuRhweba ngabantu wesi 7 wama 2013.	Lo Mthetho unika impembelelo kwiNkqubo yeZizwe eziManyeneyo (UN) yokuthintela, ukucinezela nokohlwaya ukurhweba ngabantu ngokungekho mthethweni, ingakumbi abasetyhini nabantwana, okongezelela kwingqungquthela ye-UN echasene nolwaphulomthetho olulungelelanisiweyo lwezizwe ngezizwe.
UMthetho we-Arhente yoPhuhliso loLutsha lukaZwelonone wama 54 wama 2008.	Injongo yalo Mthetho kukudala nokukhuthaza ulungelelwaniso kwimiba yophuhliso lolutsha.
UMthetho woNcedo lweNtlalo we 13 wama 2004.	Lo Mthetho ubonelela ngonikezelo loncedo loluntu ebantwini, kunye nendlela yokunikezelwa koncedo olunjalo; ukusekwa kwecandelo labahloli boncedo loluntu; kunye nokubonelela ngeminye imiba enxulumene noko.
UMthetho woNyuso lwengxowamali we 107 we 1978.	Lo Mthetho ubonelela ngolawulo lokuqokelelwa kweminikelo eluntwini; ukuqeshwa koMlawuli wokunyuswa kweNgxowamali; ukusekwa kweNgxowamali yokuNceda kwiNtlekele, iNgxowamali yoMkhosi woKhuselo waseMzantsi Afrika kunye neNgxowamali yokuNceda iMbacu; ukubhengezwa kweentlekele ezithile njengeentlekele; kunye neminye imiba enxulumene noko.
UMthetho weMibutho eNgenzi Nzuzo (NPO) wama 71 we 1997.	UMthetho ujolise ekudaleni imekobume evumelayo kunye nesakhelo solawulo lweenNPO kwigalelo lazo ekuhlangabezaneni neemfuno ezahlukeneyo zabemi kunye nokugcina imigangatho eyaneleyo yolawulo, ukungafihli kunye nokuphendula kuluntu. UMthetho weNPO utshitshisa iinxalenye ezithile zoMthetho Wonyuso lweNgxowamali, we 1978.

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwiDSD
UMthetho woLawulo lweNtlekele wama 57 wama 2002.	Lo Mthetho ubonelela ngomgaqonkqubo ohlangeneyo nolungelelanisiweyo wolawulo lweentlekele (ogxile ekuthinteleni okanye ekucutheni umngcipheko weentlekele, ukuthomalalisa ubuzaza beentlekele, ukulungela unxunguphalo, ukusabela ngokukhawuleza nangempumelelo kwiintlekele kunye nokuchacha emva kweentlekele); ukusekwa kwamaziko olawulo lweentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakumasipala; amavolontiya olawulo lweentlekele; kunye neminye imiba enokwenzeka.
UMthetho siHlomelo woLawulo lweNtlekele we 16 wama 2015.	Lo Mthetho usebenza ukulungisa uMthetho woLawulo lweNtlekele, wowama 2002 (umthetho ophambili ojongene nolawulo lweentlekele eMzantsi Afrika), ukuze kufakwe ezinye endaweni yazo kwaye kufakelwe iinkcazelo ezithile; ukucacisa ugqaliselo lomgaqonkqubo wokubuyisela kwisimo sangaphambili kunye nokusebenza kwamaziko olawulo lweentlekele; ukulungelelanisa imisebenzi ethile; ukubonelela ngamaqumrhu karhulumente ukubaancedise amacandelo olawulo lweentlekele; ukubonelela ngenkqubo yokunika ingxelo eyandisiweyo ngamaqumrhu karhulumente malunga nolwazi olumalunga neziganeko ezikhokelela ekubhengezweni kweentlekele, inkcitho ekuphenduleni nasekubuyiselweni kwakhona, amanyathelo anxulumene nokunciphisa umngcipheko kunye neengxaki ezithile ezifunyenwe ekujonganeni neentlekele; ukomeleza ukunikezelwa kwengxelo ngokuphunyezwa komgaqonkqubo nomthetho onxulumene nokuncitshiswa kweentlekele kunye nolawulo lwenkxasomali eyabelwe umasipala kunye namaqonga orhulumente wephondo aseke ngokoMthetho weSakhelo soBudlelwane boorhulumente, wama2005; ukomeleza ukumelwa kweenkokheli zemveli; ukwandisa imixholo yezicwangciso zolawulo lweentlekele ukubandakanya ukuqhutywa kovavanyo lomngcipheko weentlekele kwiindawo ezisebenzayo kunye nokwenziwa kwemephu yemingcipheko, imimandla kunye noluntu olusesichengeni seentlekele; ukubonelela ngamanyathelo okunciphisa umngcipheko weentlekele; ukubonelela ngemigaqo ngemfundo yolawulo lweentlekele, uqeqesho kunye nemicimbi yophando kunye nokubhengezwa kunye nokuhlelwa kweentlekele; kunye nokubonelela ngemiba ehambelana noko.
UMthetho woKhathalelo lweMpilo ngokwaseNgqondweni we 17 wama 2002.	Lo Mthetho ubonelela ngokhathalelo, unyango kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili sabantu abagula ngengqondo; ubeka iinkqubo ezahlukeneyo emazilandelwe ekwamkelweni kwaba bantu kwaye ubonelela ngokhathalelo nolawulo lwepropathi yabantu abagula ngengqondo.
UMthetho woLwaphulomthetho (uLwaphulomthetho ngokweSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho oLungisiweyo we 13 wama 2021.	Ukuhlomela uMthetho woLwaphulomthetho (uLwaphulomthetho ngokweSondo kunye neMiba eNxulumeneyo) noMthetho siHlomelo wama 2007, ukuze: <ul style="list-style-type: none"> ● Wandise umda wetyala lombulo; ● Wazise ngetyala elitsha lokugrogrisa ngokwesondo; ● Ufake endaweni yebinzana elithi "umntu ophila nokhubazeko ngokwasengqondweni" okanye "abantu abaphila nokhubazeko ngokwasengqondwebu" naphi na apho eli binzana livela khona nebinzana elithi "umntu ophila nokhubazeko ngokwasengqondweni" okanye "abantu abaphila nokhubazeko ngokwasengqondweni"; ● Ulawule ngakumbi ukubandakanywa kweenkcukacha zabantu kwiRejista kaZwelonke yaboPhulimthetho ngokweSondo; ● Wandise uluhlu lwabantu abaza kukhuselwa ngokweSahluko sesi 6 soMthetho; ● Wandise uluhlu lwabantu abanelungelo lokungenisa izicelo kuMbhalisi weRejista yaBophulimthetho ngokweSondo; ● Ulawule ngakumbi ukususwa kweenkcukacha zabantu kwiRejista kaZwelonke yaBophulimthetho ngokweSondo; uze

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwiDSD
	<ul style="list-style-type: none"> Ulawule ngakumbi umsebenzi wokunika ingxelo wabantu abaziyo ukuba izenzo zolwaphulomthetho ngokwesondo zenziwe kubantu abasesichengeni, kwaye ulungiselele imiba enxulumene noko;
<p>UMthetho oHlonyelweyo woBundlobongela baseKhaya we 14 wama 2021.</p>	<p>Ukuhlomela uMthetho woBundlobongela baseKhaya, we 1998, ukuze kuhlonyelwe kwaye kufakelwe iinkcazelo ezithile; Ukwabonelela nangendlela ekufuneka kujongwe ngayo izenzo zobundlobongela lwasekhaya nemiba enxulumene noko; Ukulawula ngakumbi imiyalelo yokhuseleko ekuphenduleni izenzo zobundlobongela basekhaya; ukulungisa izibonelelo zemithetho ethile; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.</p>
<p>UMthetho oHlonyelweyo woLwaphulomthetho neMinye iMiba eNxulumene noko we 12 wama 2021.</p>	<p>Injongo yalo Mthetho kukuhlomela:</p> <ul style="list-style-type: none"> UMthetho weeNkundla zikaMantyi, we 1944, ukuze ubonelele ngokuchongwa kwabameli kunye nokunikezelwa kobungqina ngokusebenzisa abameli kwiingxoxo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho; isifungo kunye nobuchule babameli; kunye nokunika ubungqina ngonxulumano oluvakalayo nolubonwa kwiinkqubo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho; UMthetho weNkqubo yoLwaphulomthetho, we 1977, ukuze kulawulwe ngakumbi ukuvunywa nokucinywa kwebheyile; ukunikezelwa kobungqina ngomabonakude ovaliweyo okanye usasazo lwe-elektroniki olufanayo; ukunika ubungqina ngengqina elinokuphila nokhubazeko ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni okanye ukuphazamiseka ngokwasengqondweni; ukuqeshwa, isifungo kunye nobuchule babameli; kunye nelungelo lommandla kwityala elinxulumene nolwasekhaya lokuthatha inxaxheba kwiinkqubo zengqawule; UMthetho siHlomele woMthetho woLwaphulomthetho, wama 1997, ukuze ulawule ngakumbi izigwebo malunga namatyala awenziwe kubantu abasemngciphekweni; kunye NoMthetho weeNkundla eziPhakamileyo, wama 2013, ukuze ubonelele ngokuchongwa kwabameli kunye nokunikezelwa kobungqina ngokusebenzisa abameli kwiingxoxo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho; isifungo kunye nobuchule babameli; kunye nokunika ubungqina ngekhonkco elivakalayo nobonwa kwiingxoxo ngaphandle kwamatyala olwaphulomthetho, kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.
<p>UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente onguNombolo yoku 1 ye 1999 njengoko uhlonyelwe.</p>	<p>Ukulawula ukuphathwa kwemali kurhulumente kazwelonke noorhulumente bamaphondo; ukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, ii-asethi namatyala kwabo rhulumente balawulwa ngokufanelekileyo nangempumelelo; ukubonelela ngokuphendula kwabantu abaphathiswe ulawulo lwemali kwabo rhulumente; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noxanduva lwabo.</p>
<p>UMthetho weSakhelo soBudlelwane boorhulumente we 13 wama 2005</p>	<p>Lo Mthetho ujonge ukuququzelela uthethathethwano olummandla phakathi kwamacandelo amathathu karhulumente ukukhuthaza inkqubo yolawulo ezinzileyo nesabelayo, ethi ikhulise iimpawu zentsulungeko ezisemgangathweni kunye nemithetho siseko yolawulo lukarhulumente.</p>

AmaGunya oMgaqonkqubo

Umgaqonkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
IsiCwangciso soPhuhliso lweSizwe (NDP) sama 2030 (kowama 2012).	I-NDP ijolise ekupheliseni intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngowama 2030. Ngokwesiqingqi sicwangciso, uMzantsi Afrika ungaziphumeza ezi njongo ngokuthi utsale amandla abantu bawo, ukhulise uqoqosho olubandakanyayo, ukwakhiwa kwezakhono, ukukhulisa amandla karhulumente, nokukhuthaza ubunkokeli, kunye nentsebenziswano kuluntu lonke.
Isakhelo sesiCwangciso seXesha eliPhakathi esiHlaziyiweyo (iMTSF) yowama 2019 ukuya kowama 2024.	Le MTSF sisicwangciso sikaRhulumente somiliso kunye nesakhelo sokubeka esweni ukuze kuphunyezwe imiba ephambili yeNDP yowama 2030 kwisithuba sowama 2019 ukuya kowama 2024. Isicwangciso somiliso sigxile kwizinto eziphambili ezisixhenxe namangenelo anxulumeneyo, ngeli lixa isakhelo sokubeka iliso esihlangeneyo sigxile kwiziphumo zokubekwa kweliso, izalathisi, kunye nokujoliswe kuko ekuphunyezweni kwezinto eziphambili. I-MTSF ehlaziyiweyo yowama 2019 ukuya kowama 2024 ikhuthaza ukuququzelelo, ulungelelwaniso kunye nokuhlanganiswa okupheleleyo kwazo zonke izixhobo zokucwangcisa uphuhliso kwisakhelo esidibeneyo.
I-OneCape2040. Ukususela kumbono ukuya kwisizwe (wama 2012).	I-WCG yamkele lo mbono nesicwangciso kweyDwarha wama 2012. Ijonge ekuvuseleleni utshintsho olusingise kwikamva loqoqosho olubandakanyayo noluzinzileyo lweNtshona Koloni. Icacisa umbono wokuba abantu baseNtshona Koloni banokusebenzisana njani ukuze baphuhlise uqoqosho lommandla wabo noluntu ngokubanzi, ngokwenjenjalo izikhokelo zokucwangcisa nezokwenza zokukhuthaza ukuzinikela okufanayo kunye nokuphendula kwinqqubo phambili ezinzileyo yexesha elide.
IQhinga lesiCwangciso sePhondo (PSP) sama 2019 ukuya kuma 2024.	I-PSP sisicwangciso seminyaka emihlanu esibonisa umbono weWCG kunye nezinto eziphambili ngokubaluleka kwaye sakhela phezu kweziseko ezithe zamiselwa kwisithuba sezikhundla ezibini zokugqibela. I-WCG izibophelele ekwakhiweni kombuso onobuchule osekelwe kumaxabiso anika ithuba ithuba nokukhuthaza uxanduva kwiNtshona Koloni ekhuselekileyo. Umbono – iNtshona Koloni ekhuselekileyo apho wonke umntu uphumelelayo – ucaciswa kwizinto eziphambili ezicwangcise ngumbono ezintlanu ezithe zachongwa kwixesha lowama 2019 ukuya kowama 2024 ezizezi, uLuntu olukhuselekileyo nolubambiseneyo; Ukukhula kunye neMisebenzi; Ukuxhobisa abantu; Ukuhamba kunye noTshintsho lweNdawo; kunye noTshintsho neNkcubeko.
IsiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni (sama 2021).	Esi sicwangciso kukuqatshelwa kunye nokusabela kubhubhani weKHOVIDI-19 kunye neziphumo ezibi zentlalo noqoqosho kubemi baseNtshona Koloni. Yalatha iingxaki ezifuna impendulo engxamisekileyo, yoluntu lonke ukudala imisebenzi, ukukhuthaza uluntu olukhuselekileyo, nokukhuthaza impilontle yabo bonke abemi baseNtshona Koloni. Esi sicwangciso siya kuphunyezwa ngaphakathi kwemiba emihlanu ephambili yesicwangciso esiphenjelelwe ngumbono ochazwe kwiPSP (sama 2019 ukuya kuma 2024).
Isakhelo soPhuhliso lweNdawo sePhondo leNtshona Koloni (sama 2014).	Esi sakhelo sisebenza njengesiseko sonxibelelaniso, ukudibanisa nokulungelelaniswa "ekusekweni" konikezelo lweenkqubo zeSebe likazwelonke nelephondo; ixhasa oomasipala ukuba bazalisekise isigunyaziso sabo socwangciso ngokuhambelana ne-ajenda kazwelonke neyephondo; kwaye ixhasa ize inxibelelane ngeenjongo zikaRhulumente zophuhliso lwesithuba kwicandelo labucala kunye noluntu.
INdlela kaWonke wonke kaRhulumente weNtshona Koloni kuPhuhliso lweNtlalo noQoqosho (yama 2018).	INdlela kaWonke wonke enombono yabemi kunye noluntu olukhuselekileyo, oluqhagamshelene noluntu, olomelelayo noluxhotyisiweyo olunokufikelela ngokulinganayo kwiinkonzo zentlalo namathuba. Olu xwebhu lubonisa isakhelo sophuhliso loluntu oluhlanganisiweyo noluyilayo ngendlela enenamanqanam. Kuye kwaphuhliswa ngenjongo yokufumana imvumelwano yendlela entsha yokukhuthaza uphuhliso loluntu ngokwe "Ndlela kaWonke wonke".

Umgaqonkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo weNtlalontle yoLuntu (le 1997).	IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo lisebenza njengesiseko sentlalontle soluntu emva konyaka we 1994 ngokubonelela ngemigaqo esisikhokelo, imigaqonkqubo kunye neenkqubo zezixokelelwano zophuhliso lwentlalontle yoluntu.
IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo waBemi (le 1998).	IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo likhuthaza uphuhliso loluntu oluzinzileyo kunye nomgangatho wobomi babo bonke abemi boMzantsi Afrika ngokudibanisa imiba yabemi kucwangciso lophuhliso kumacandelo ahlukeneyo karhulumente nakuwo onke amacandelo oluntu. ISebe ligunyaziswe ukuba libeke iliso ekuphunyezweni komgaqo, kunye nefuthe lawo kwiintsingiselo zabemi kunye notshintsho kumxholo wophuhliso loluntu oluzinzileyo.
ISebe loPhuhliso loLuntu: uMgaqonkqubo omalunga neNkxasomali yeMibutho eNgekho phantsi koRhulumente kuBonelelo lweNtlalontle yoLuntu kunye neNkonzo zoPhuhliso loLuntu (ngowama 2015) njengoko uhlonyelwe ngowama 2017.	Injongo yalo mgaqonkqubo kukuqinisekisa ukuba iintlawulo ezidluliselweyo zilawulwa ngendlela engafihlisiyo ekhuthaza ukuphendula, ukufikelela, ulawulo olusebenzayo, iimfuno ezicacileyo zokusebenza, kunye nemithethosiseko yobulungisa kulawulo ukuze iDSD ifezekise injongo yayo yokubonelela ngothungelwano olubanzi lwentlalo lweenkonzo zophuhliso ezenza kwaye zixhobise abantu abahluphekayo, abasesichengeni kunye nabo banezidingo ezizodwa.
IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo kwiiNtsapho zaseMzantsi Afrika (lama 2013) kunye nePhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo oHlaziyiweyo kwiiNtsapho zaseMzantsi Afrika (lama 2021).	Eyona njongo yePhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo kukukhuthaza impilontle yosapho, ukukhuthaza nokomeleza iintsapho, ubomi bosapho kunye nokubeka imiba yosapho kumalinge okwenziwa kwemigaqonkqubo ebanzi karhulumente. ISebe liphuhlise isicwangciso sephondo sokuphumeza iPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo kwiiNtsapho elathi lamkelwa liQonga leeNkonzo zoSapho ngomhla we 16 kweyoMsintsi ngowama 2016. IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo oHlaziyiweyo leentsapho lithathela kumandla kumaxwebhu omgaqonkqubo angaphambili kwaye lijolise ekujonganeni nezigxeko kunye neenkxalabo ezichasene nemigaqo yokuziphatha ephantsi kunye nokuchazwa okumxinwa kobomi bosapho eMzantsi Afrika kumacandelo ePhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo lokuqala leeNtsapho. Olu hlaziyo luhlaziya iphepha lomgaqonkqubo ukuze linike ingxelo ngemeko yeli xesha leentsapho eMzantsi Afrika kwaye lidibanisa ingxelo evela kurhulumente namaqela achaphazelekayo kuluntu oluthe lwabandakanyeka kwiindibano zothethwano ngexesha lohlahlaziyo lwePhepha leNgcaciso ngoMgaqo osaYilwayo.
Isakhelo seeNkonzo zeNtlalontle yoLuntu (sama 2013).	Esi sakhelo sikazwelonke sivunyiweyo sihambelana neModeli eDityanisiweyo yoNikezelo lweNkonzo kwaye senza amalungiselelo enkqubo esemgangathweni apho oonontlalontle baya kubonelela ngeenkonzo zentlalontle eziqhelekileyo ezikumgangatho ofunekayo, ezibanzi, ezihlanganisiweyo, ezisekelwe kumalungelo, kunye nezibonelelo ezifanelekileyo.
Imimiselo neMigangatho eQhelekileyo yeeNkonzo zeNtlalontle yoLuntu (yama 2013).	Ibonelela ngemilinganiselo yokunikezela ngeenkonzo ezisemgangathweni zentlalontle kwaye yenza inxalenye yeSakhelo seeNkonzo zeNtlalontle.
IsiCwangciso esiPhambili sikaZwelonke sama 2019 ukuya kuma 2024 (sama 2019).	Esi sicwangciso sivumela ulungelelwaniso lwamasebe noogunyaziwe bengingqi ngokuhambelana noMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, onguNombolo 70 wama 2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba ilizwe linempendulo efanayo kusetyenziso gwenxa lwezinyobisi.
Isakhelo sokuLawula kuMsebenzi weNtlalontle eMzantsi Afrika (sama 2012).	Sibonelela ngesakhelo solawulo olusebenzayo loonontlalontle, oonontlalontle abangabafundi, oonontlalontle abancedisayo, oonontlalontle abangabafundi, iingcali zentlalontle kunye noochwephesha babucala ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yentlalontle enobuchule esebenza ngeyona

Umgaqonkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
	indlela ilungileyo kubasebenzisi benkonzo kwicandelo lobuntlalontle baseMzantsi Afrika.
Isakhelo soQinisekiso loMgangatho weNkonzo zeNtlalontle yoluntu (V5) (sama 2012).	Esi sakhelo sikazwelonke sibonelela ngenkqubo engaguqukiyo kunye nemigangatho ecacileyo yokuvavanya ukusebenza kakuhle kweenkonzo zentlalontle yoluntu kunye nokuphuculwa kwazo okuqhubekayo.
UMgaqonkqubo woLutsha kaZwelonke wama 2020 ukuya kowama 2030 (NYP yama 2030) (wama 2021).	I-NYP 2030 ngumgaqonkqubo wamacandelo ahlukeneyo ojolise ekuphumezeni iziphumo ezincumisayo zophuhliso lolutsha kubantu abatsha kwinqanaba lasekhaya, lephondo nelikazwelonke eMzantsi Afrika. Lo mgaqonkqubo wakhela phezu kweNYP yoMzantsi Afrika yoku 1 neyesi 2 ebigubungela isithuba sowama 2009 ukuya kuma 2014 nowama 2015 ukuya kuma 2020, ngokulandelelanayo. Lo mgaqonkqubo uyayiqonda into yokuba ukubekwa phambili kwezibonelelo kufuneka kubandakanye uphuhliso lolutsha, imfundo yolutsha, ukuthatha inxaxheba kwezoqoqosho kwakunye nempilo yomzimba nengqondo. Isiphumo esinqwenelekayo somgaqonkqubo sixhobisa ulutsha oluxhotyiswe ngolwazi, ulwazi nezakhono eziluvumela ukuba luthabathe amathuba kwaye luthathe uxanduva ngokufanelekileyo ekwenzeni igalelo elibonakalayo kuphuhliso loMzantsi Afrika wedemokhrasi nonenkqubela.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha kwiSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (sama 2013).	Esi sicwangciso sikhokela, sazisa kwaye sikhokelela inkqubo yophuhliso lolutsha yeSebe nezinto eziphambili kwaye izisa umlinganiselo oqinileyo wokuqikelelwa kwamaziko nenkqubo. Isebenza njengesixhobo esibalulekileyo socwangciso, esijolise ekujonganeni neemfuno zolutsha lwaseNtshona Koloni.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha eNtshona Koloni (sama 2013).	Injongo yesicwangciso (sephondo) sophuhliso lolutsha kukudala inkxaso eyongezelekileyo, amathuba kunye neenkonzo kubo bonke abantu abatsha ukuze bazibandakanye ngcono neendawo abahlala kuzo baze batshintshe ngempumelelo babe ngabantu abadala abathembekileyo, abazimeleyo nabazinzileyo. Ijolise kulutsha olukwisigaba esiphambi kwesolutsha oluphakathi kweminyaka eli 10 ne 14 ubudala kunye nesigaba 'solutsha' esiphakathi kweminyaka eli 15 nama 24 ubudala.
Umgaqonkqubo wokuBonelelwa kweNkonzo zoPhuhliso lweNtlalo kuBantu abaPhila noKhubazeko (wama 2017).	Eyona njongo iphambili kukukhokela nokulungelelanisa ukunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu ezingundoqo kuBantu abaPhila noKhubazeko. Injongo yayo kukuqinisekisa ukuba isidima kunye namalungelo abo bonke abantu abaphila nokhubazeko bayalondolozwa kwaye bayahlangatyezwa ngokubonelela ngeenkqubo neenkonzo ezifanelekileyo zentlalo noqoqosho eziqinisekisa ukubandakanywa kwabo.
Isakhelo soMgaqonkqubo – liNkonzo kuBantu abaPhila noKhubazeko ngokwasengqondweni (wama 2015).	Injongo yesi sakhelo kukunikezelwa kweenkonzo eziququzelelweyo nezilungelelanisiweyo kuBantu abaPhila noKhubazeko ngokwaseNgqondweni ngamasebe/amacandelo ahlukeneyo ephondo ukuqinisekisa indlela egxile emntwini kuBantu abaKhubazeko ngokwaseNgqondweni kunye neentsapho zabo ngokumisela iprofayili yeemfuno zaBantu abaPhila noKhubazeko ngokwasengqondweni kuwo onke amacandelo kunye neendima ezifanelekileyo zesebe, uxanduva kunye neemodeli zenkxasomali ezinokubakho ukuhlangabezana neemfuno ezichongiweyo.
Umgaqonkqubo woPhononongo, ukuKhululwa kunye noManyano ngokutsha kwabahlali abagwetyiweyo kwiDSD kumaziko ononophelo lwaBantwana kunye nolutsha ukuba babe nolunye uThintelo oluNcinci okanye uKhathalelo lwaBazali (wama 2014).	Lo mgaqonkqubo ubonelela ngezikhokelo zophononongo, ukukhululwa kunye nokuhlanganiswa kwabahlali abagwetyiweyo kwiiCYCC ngokuthi babekwe kwezinye iindawo zophonophelo olulolunye olungenamiqathango njengoko kubonelelwe kwisaHluko se 11 soMthetho waBantwana, wama 38 wowama 2005.

Umgaqonkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
IsiCwangciso seSebe Lophuhliso Loluntu eNtshona Koloni soPhuculo lweeNkonzo zokuKhathalelwa kwaBantwana (wama 2015).	Isicwangciso saphuhliselwa ukunciphisa imingcipheko enxulumene nokuphunyezwa kweemfuno ezisemthethweni, izithethe kunye nemigangatho yoMthetho wabantwana. Isicwangciso sichonga oonobangela bengxaki kunye nongenelelo lokujongana nale miba.
IiNkqubo zokuSebenza eziseMgangathweni (SOP) kwiiNkonzo zokwaKhiwa koMjelokazi (wama 2021).	Le SOP ibonelela abalawuli bemimandla kunye nabasebenzi bokhuseleko lwabantwana babo ngezikhokelo nangeenkqubo zokusetyenziswa kweenkonzo zomjelo kubantwana abangena okanye abasele bekwinye inkqubo yokhathalelo. Le SOP isebenza kuwo onke amaGosa okwaKhiwa koMjelokazi kwii-ofisi zemimandla nezasekuhlaleni, kunye neCandelo loLawulo: uLawulo lwamaZiko
ISebe leNtshona Koloni leNkqubo yokuSebenza kweMigangatho yoPhuhliso lweNtlalo (SOP) yokuSuswa kwaBantwana abahlala ezitalatweni ukusiwa kwindawo yokhuseleko kunye neNkqubo zoLandeleyo (wama 2015).	I-SOP yaphuhliswa njengesikhokelo kancininci kancinci malunga nendlela ekuqhutywa ngayo xa ususa umntwana wesitalato odinga ukunakekelwa nokukhusela kwindawo yokhuseleko. Ichaza iindima noxanduva lwabasebenzi beSebe kunye nabanye abachaphazelekayo kwiiNPO kunye necandelo lobupolisa.
ISakhelo soQinisekiso loMgangatho wokubeka iiso kumsebenzi wentlalontle yoluntu nokunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu (sama 2015).	Esi sakhelo sephondo sihambelana neSakhelo soQinisekiso loMgangatho weNtlalontle yoLuntu (sama 2013) kwaye siphakamisa uhlobo olubanzi lwendlela yokusebenza ngohlobo lokuqinisekisa ngomgangatho wophuhliso loluntu kunye neenkonzo zentlalontle kwiSebe kwakunye necandelo leeNPO kweli phondo. Ikwagxile ekuphuculweni komgangatho wonikezelo lweenkonzo, ichaza imigangatho yokugqwesa kwenkonzo kunye nendlela ekufuneka kubekwe esweni ngayo nohlobo ema ilawulwe ngayo.
INkqubo yoQinisekiso loMgangatho waMaziko oNonophelo lwaBantwana noLutsha yama 2016 ukuya kowama 2018 (yama 2016).	Lo mthetho wokuziphatha ukhuthaza ukuphunyezwa ngokupheleleyo komgaqo oqinisekisa ngomgangatho ogxile ekuthotyelweni kwemithetho yolawulo, ulawulo oluthobelayo lwequmrhu kunye nokuthotyelwa kobhaliso kunye nezidingo zeMimiselo neMigangatho kaZwelonke yeeCYCCs.
IsiCwangciso sePhondo leNtshona Koloni sokuBonelelwa kwamaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha (CYCC) (sama 2016).	Esi sicwangciso silawula ubonelelo olwaneleyo lokwanda kokhathalelo lweendawo zokuhlala kubantwana ngokusetyenziswa kweeCYCC ngalo lonke ixesha lokhathalelo kunye neenkqubo ezifanelekileyo ezisekelwe kumaziko kwiphondo liphela, ngokuhambelana neemfuno ezithile zePhondo, iimeko, ulwabiwo lohlahlo lwabiwomali kunye nokufumaneka kweziseko zophuhliso.
ISakhelo sesiCwangciso seSondlo noKutya emaKhayeni soRhulumente weNtshona Koloni (sama 2016).	Ukhuseleko lokutya kunye neSakhelo sesiCwangciso seSondlo noKutya emaKhayeni soRhulumente weNtshona Koloni sijolise ekusileleni okuthile kwinkqubo yangoku yokutya ukuqinisekisa ukuba ibonelela bonke abahlali baseNtshona Koloni. ISakhelo sesiCwangciso sicacisa iziphumo kunye neenjongo ezinxulumanisa iinkqubo zokuncitshiswa kwendlala nokuphuculwa kwempilo, isondlo, nemveliso ukuxhasa bonke abantu abahlala eNtshona Koloni ukuba baphile ubomi obusebenzayo nobunemveliso.
IPhepha leNgcaciso loMgaqo ngaMalungelo aBantu aphaPhila noKhubaeko (Iama 2015).	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo lixhasa umkhondo ongundoqo wokufezekisa amalungelo abantu abaphila nokhubazeko ngokuyilwa koluntu olukhululekileyo nolunobulungisa oluquka abantu abakhubazekileyo njengabemi abalinganayo. Likhokela kwaye likhuthaze ukumela abantu abaphila nokhubazeko. Ichaza ngokubanzi uxanduva nokuphendula ekusetyenzisweni kweentsika ezilithoba zesicwangciso ezithi zinike abachaphazelekayo uxanduva lokuphelisa ucalucalulo oluthe gqolo lwenkqubo kunye nokubekelwa bucala olufunyanwa ngabantu abaphila nokhubazeko. Oku kukhokela iDSD yeNtshona Koloni ukuba ibonelele ngonikezelo lwenkonzo olungenazithintelo, olufanelekileyo, olusebenzayo, olululo nolulungelelanisiweyo.

Umgaqonkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kweDSD
IsiCwangciso esiPhambili sokuPhila noKhubazeko sowama 2015 ukuya kuma 2020 (sama 2015).	IsiCwangciso seNtshona Koloni seDSD sokuHlanganiswa kwabaKhubazekileyo sisicwangciso seminyaka emihlanu esikhokela iSebe ekusebenziseni uhlehlengiso njengesicwangciso sokukhawulezisa ukutshintshwa kweenkxalabo zokhubazeko ukusuka kumda wokwenza umtsalane kulo lonke unikezelo lwenkonzo yeSebe.
IQhinga lesiCwangciso sikaZwelonke kuBundlobongela obuSekelwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini (sama 2020).	Esi sicwangciso sijolise ekuboneleleni ngomgaqo wobuchule obunamacandelo amaninzi, ohambelanayo kunye nenkqubo-sikhokelo yenkqubo ukomeleza impendulo elungelelanisiweyo kazwelonke kwintlekele yeGBV nokubulawa kwabasetyhini nguRhulumente woMzantsi Afrika kunye nelizwe. Isicwangciso sijonge ekuqubisaneni neemfuno kunye nemingeni ejongene nayo yonke into, ngakumbi abasetyhini bayo yonke iminyaka, ukuxhatshazwa ngokwesondo, ubunikazi bezesondo kunye nesini kunye namaqela athile afana nabasetyhini abadala, abafazi abaphila nokukhubazeka, abafazi abafudukayo kunye nabasetyhini abathintekayo, abachaphazelekayo kunye nefuthe isibetho seGBV eMzantsi Afrika.


2. Imigaqonkqubo yeZiko kunye neziCwangciso kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu

IsiCwangciso sowama 2020 ukuya kuma 2025 sichaza ukuzinikela kweSebe kwizinto eziphambili kurhulumente kazwelonke nowephondo ukuxhobisa abahluphekileyo, abasesichengeni kunye nabo banezidingo ezizodwa. Ezi zinto ziphambili zixhaswa yiNDP (yama 2030), njengoko kucacisiwe kokuPhambili kwesi 4 kwiMTSF ehlaziyiweyo yowama 2019 ukuya kuma 2024 eyile, "UkuManyaniswa noMvuzo weNtlalo ngeenKonzo ezisiSiseko eziThembekileyo neziseMgangathweni", kwakunye neWCG PSP, iziCwangciso zoBuyiselo neziCwangciso zoKhuseleko.


IsiCwangciso soBuyiselo, naso esilungelelaniswe nePSP, saphuhlisa ukukhawulezisa imilinganiselo yokunciphisa ngokubhekiselele kwiziphumo ezibi zentlalo noqoqosho zobhubhane weKHOVIDI-19. Eyona nkuthazo yayo yayikukuchacha kubhubhane weKHOVIDI-19, kugxilwe kwiMisebenzi, uKhuseleko neMpilontle, ukuxhasa nokukhuthaza isidima somntu ngamnye, amakhaya kunye noluntu. Ngokusebenzisa imixholo yeNtlalontle noKhuseleko, iSebe liyaqhubeka nokubonelela ngeenkonzo kubantu abadala abangenamakhaya, ukufikelela kuncedo lokutya kunye neenkqubo zenkxaso yesondlo, izicwangciso zenkxaso ezijolise kuthintelo lobundlobongela nokwazisa, kunye nokubonelela ngeenkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni nezentlalo ezinxulumeneyo kumaxhoba eGBV ngokunjalo ulwaphulomthetho nobundlobongela, phakathi kwezinye izinto. Ukongeza, ungenelelo olukhethekileyo loonontlalontle luya kunikezelwa kubantwana abahamba isikolo nolutsha kwiindawo ezili 18 ezisemngciphekweni omkhulu kwiphondo kwakunye nokuqaliswa kweenkqubo zothintelo lolwaphulomthetho kwimimandla engama 33 yePhondo, ngokubhekiselele ekwakheni uzinzo kusapho noluntu. Ezi nkalo zimbini zokugqibela zeenkonzo zesiCwangciso soBuyiselo sokuqinisa ugqaliselo kungenelelo olungundoqo oluqulethwe kwiNcam neMiba ePhambili yoKhuseleko echazwe kwiQhinga lesiCwangciso seSebe.

Ukwakha ukomelela kosapho kunye noluntu ngowona mba uphambili weSebe kwaye ulungelelaniswe noKhuseleko lwePhondo kunye nentlalontle ephambili. Injongo kukunciphisa ubuthathaka beentsapho ezisemngciphekweni ngokuphuhlisa nokubonelela ngoncedo olusekelwe kubungqina kubazali, abanonopheli kunye neentsapho. Olu ngenelelo lubandakanya iinkqubo eziyalwe yinkundla zokungenelela kwangethuba ezibandakanya ukugcinwa kosapho, iingcebiso zomtshato, iinkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni, iinkqubo zobuzali, kunye neenkonzo ezisemthethweni ezifana nolamlo olusesikweni, izivumelwano zamalungelo obuzali kunye noxanduva lononophelo lwabantwana, kunye nokungenelela ngokusemthethweni okufana nokumanyaniswa kosapho, ulungiselelo olulolunye olukhuselekileyo lokunyamekela abantwana, iinkonzo zokungenelela kubantwana abangquzulana nomthetho, nendawo yokuhlala yabantwana abasalindele ukuxoxwa kwetyala kunye nabantwana abagwetyiweyo. Iinkonzo ezongezelelekileyo zibandakanya ukumanyaniswa kweentsapho zabantu abadala abangenamakhaya kumaziko okhuseleko afumana inkxaso-mali kunye neenkqubo zokuxhotyiswa kwamaxhoba ezibonelela ngeendawo ezikhuselekileyo neendlela zokuthunyelwa kunyango olulodwa, ukubuyisela kwisimo sangaphambili kunye neenkonzo zokukhathalelwa kwabasetyhini nabantwana abachatshazelwe yiGBV. Ngokuhambelana nesiCwangciso sikaZwelonke soBundlobongela obuSekelwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini, isiCwangciso soPhunyezo seGBV yeWCG GBV sibonisa impendulo elungelelanisiweyo kuyo yonke iWCG ekujonganeni nokuxhasa amaxhoba eGBV. Ukongeza, iNdawo ePhambili yoKhuseleko yeSebe igxile kwizicwangciso zokunciphisa umngcipheko ezichonga, zivavanye, kwaye zibonelele ngenkxaso yengqondo nentlalontle kubantwana abasemngciphekweni kwiphondo liphela.

Isazobe mzobo 1: Iindawo ezisisiGqubu soLwaphulomthetho/isiCwangciso soKhuseleko lweeNdawo eziPhambili ngokweNgingqi yoNikezelo lweeNkonzo zeDSD kunye noMasipala weNgingqi eNtshona Koloni:



Isazobe 2: Iindawo ezisisiqabu solwaphulomthetho/ zesiCwangciso soKhuseleko lweMimandla ePhambili yeNdawo yeDSD yoNikezelo lweNkonzo kuMasipala oMbaxa waseKapa.



ISebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu liqalise ngenkqubo yenguqu ebhekiselele kuhlengahlengiso kwisikhundla soPhuhliso lweNtlalo ukuze kunikezelwe ngeenkono ezinefuthe elingakumbi. Ukukhokelwa yimvakalozwi ethi "Ukwakha umanyano, iintsapho ezizinzileyo kunye noluntu ngokutyala imali ebantwini ukuphelisa intlupheko kunye nokuba sesichengeni ekudaleni ubomi obuzinzileyo", isethi yeendawo ze 13 ezinomxholo ziye zazimisela ukuququzelela inkqubo kunye nokugxila kwizenzo ezifunekayo.

3. Izigwebo zeNkundla eziFanelekileyo

INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni/eKapa) echaphazelekayo kubantwana abaphila nokhubazeko olumandundu okanye ngokunzulu ngokwasengqondweni, inombolo yetyala 18678/2007.

Isigwebo sawiswa ngomhla we 11 kweyeNkanga wama 2010 siyalela urhulumente ukuba abonelele ngemilinganiselo efanelekileyo yemfundo esisiseko efikelelekayo, esemgangathweni kubantwana abakhubazake ngokumandundu nangokunzulu ngokwasengqondweni. Ngokuthobela umyalelo wenkundla, iSebe lenza amalungiselelo omvuzo, uqeqesho kunye nokwamkelwa kwabasebenzi kunye nabaphumezi benkqubo bamaziko ononophelo olulodwa. Ngaphaya koko, iSebe libonelela ngemali yothutho olukhuselekileyo lwaba bantwana ukuya nokubuya kumaziko.

INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iCandelo lePhondo leRhawuti- Tshwane) inxulumene nabantwana abaneziphazamiso ezimandundu okanye eziphazamisayo ezinzulu zokuziphatha, inombolo yetyala 73662/16.

Umyalelo wenkundla wakhutshwa ngomhla wesi 2 kweyeThupha yowama 2018 owawuyalela iSebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu, elezeMpilo neleMfundo ukuba lenze amalungiselelo onyango olulolunye olufanelekileyo, iinkonzo zempilo yengqondo, kunye nezidingo zemfundo zabantwana abaneziphazamiso ezimandundu okanye eziphazamisayo ezinzulu. Ikomiti elawulayo yeprojekthi yamacandelo yasekwa ukuze ibeke amanyathelo okujongana nale meko ngokuphuhliswa kwendlela yokudluliselwa.

INkunda ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iNtshona Koloni) efaneleke kumaxhoba oBundlobongela obuSekwe kwiSini, inombolo yetyala elingu SS17/2017.

Isigwebo sawiswa ngomhla wama 21 kweyoMsintsi wama 2017 siyalela iDSD yeWCG ukuba ibonelele ngeenkono ezifanelekileyo zexesha elide zokubeka iliso, iingcebiso, kunye nenkathalo yasemva kwamaxhoba olwaphulomthetho ngokwesondo. Ukongeza, iSebe kufuneka liqinisekise ukuba iINPO zibonelela ngezi nkono kwaye zifumana inkxasomali kwiSebe ukuze zihambelane nezibophelelo zazo zekhontrakthi.

INkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika (iCandelo laseRhawutini-Tshwane) efaneleke kwinkqubo yokukhuliswa kwabantwana abangenabani, inombolo yetyala 55477/2020.

Isigwebo sawiswa ngomhla we 12 kweyeNkanga yowama 2020 siyalela iSebe likaZwelonke kunye nelePhondo loPhuhliso loLuntu kunye ne-Arhente yoKhuseleko lwezeNtlalo yaseMzantsi Afrika (SASSA) ukuba ibonelele ngentlawulo eqhubekayo nolawulo lwemiyalelo yokukhuliswa kwabantu abangenabani eye yapheliswa ukususela kweyeNkanga wama 2019 nangaphambili. Ngomhla wesi 8 kweyeNkanga yowama 2022, uMyalelo weNkundla ePhakamileyo yaseRhawutini yolulelwa ezinye iinyanga ezili 12. ISebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu (NDSD) layalelwa (kwisithuba seenyanga ezili 12 zokwandiswa komyalelo wenkundla) ukuba lilungiselele kwaye lingenise izilungiso eziyimfuneko kuMthetho waBantwana (wama 2005). I-NDSD yayalelwa ukuba iqulunqe kwaye ingenise isiCwangciso sokuSebenza soKhathalelo lwaBantwana abangenaBani ukuze kuphunyezwe izihlomelo kuMthetho waBantwana, wama 38 wonyaka wama 2005. IziHlomelo zoMthetho waBantwana zamkelwa nguMongameli ngomhla wesi 5 kweyoMqungu wama2023. Umyalelo owawuphelelwe ngexesha lomyalelo wenkundla wawuthathwa njengosemthethweni kwaye uyasebenza kangangeenyanga ezili 12 ukususela kumhla wokwandiswa komyalelo wenkundla okanye de umntwana abe neminyaka eli 18 ubudala, nokuba yeyiphi eza kuqala. Ukongeza, zonke iiDSD zePhondo ziyalelwe ukuba zifake iingxelo zekota kwiNDSD nakwiNkundla ePhakamileyo yaseMntla weRhawuti malunga nenkqubela phambili kulo mba ngokuhambelana nomyalelo weNkundla ePhakamileyo.

INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iCandelo laseKapa-eKapa) lifaneleke nokuvalwa kweziko elingabhaliswanga lonyango lweziyobisi, inombolo yetyala 1997/2022.

Ngomhla wesi 8 kweyoMdumba wama 2023, iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni yakhupha umyalelo wokuba livalwe ngoko nangoko iziko lonyango lweziyobisi elisebenza ngokungekho mthethweni. Umyalelo weNkundla ePhakamileyo ukhutshwe ngenxa yokungabikho kwesikhokelo sowisomthetho malunga nokuvalwa kweziko lonyango lweziyobisi ngokungekho mthethweni, ngenxa yomngcipheko onokubakho kubasebenzisi benkonzo abafikelelayo kwinkonzo. Lo myalelo wenkundla udala umzekelo osemthethweni de ube lelo xesha umthetho wenze amalungiselelo okuvalwa kwamaziko onyango lweziyobisi ngokungekho mthethweni.

Ukulungelelaniswa nokuPhambili kweHlabathi kunye noZwelonke

Imigaqonkqubo yamaziko kunye nohlahlo lwabiwomali lweSebe lulungelelaniswe nokuPhambili kwesi 4 kweMTSF ehlaziyiweyo yowama 2019 ukuya kuma 2024 "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzo eziSiseko eziThembekileyo nezisemgangathweni". Oku kuphambili kuhambelana nePSP, isiCwangciso soBuyiselo kunye nesiCwangciso soKhuseleko. Iimpembelelo ezinzulu zentlalo noqoqosho zobhubhane weKHOVIDI-19 zenze kwayimfuneko ukuphuhlisa kwesiCwangciso soBuyiselo- ulwandiso lwePSP olumisela ukukhawulezisa ukubuyela kwePhondo emva kwalo bhubhane. Njengoko iphondo liziqhelanisa nenyano entsha yokuphila kubhubhane emva kokuvalwa ngci kweentshukumo, izinto eziphambili kwiSebe kunye nezicwangciso zilungelelanisa kwaye zixhase imixholo yeNtlalontle kunye noKhuseleko oluqulethwe kwisiCwangciso soBuyiselo.

ISebe liyinxalenye yeenjongo nee-ajenda ezininzi zamazwe ngamazwe kungoko linoxanduva lokuziphumeza. Imizekelo yale yi-Ajenda ye-UN yowama 2030 kunye neenjongo zoPhuhliso oluZinzileyo¹ (SDGs). Iminqweno ecaciswe kwiSDG ihambelana naleyo ifunyenwe kwiNDP yowama 2030, iPSP, isiCwangciso soBuyiselo kunye nesiCwangciso soKhuseleko, kunye naphakathi kweziguqunyaziso ezisemthethweni nemigaqonkqubo yeSebe.

Iinkqubo zeSebe zikulungelelaniswe nezibophelelo ezahlukeneyo zamazwe ngamazwe, izivumelwano neminqophiso ephathelele kukhathalelo nokhuseleko lomntwana umzekelo, iNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo yowe 1995 yamaLungelo oMntwana (UNCRC), uMqulu we-Afrika wamaLungelo neNtlalontle yoMntwana (UNCRC) yama 2000); INgqungquthela yaseHague kwiMiba yoLuntu yokuXhwalwa kwaBantwana yaMazwe ngaMazwe (ye 1997) kunye neNgqungquthela yaseHague yoKhuseleko lwaBantwana kunye neNtsebenziswano ngokumalunga nokuKhuselwa kwaMazwe ngaMazwe (2003). Umongo wale minqophiso, izibophelelo zamazwe ngamazwe kunye nezivumelwano zinokufunyanwa kumthetho kunye neziguqunyaziso zomgaqonkqubo weSebe.

Ngokubhekiselele kwimimiselo kunye nemigangatho yokunyamekela kunye nenkxaso yabantu abadala, iSebe libona isiCwangciso samazwe ngamazwe saseMadrid sokuSebenza ngokuGuga kunye neSibhengezo samaLungelo aBantu abaDala (sama 2002). Ekuboneleleni ngeenkonzo kuBantu abaPhila noKhubazeko iSebe likhokelwa yimigaqo nemigangatho njengoko iqulethwe kwiNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo yamaLungelo aBantu abaPhila noKhubazeko (UNCRC).

Ngokubhekiselele kwinkqubo yoThintelo loLwaphulomthetho kwaye ukongeza kwezo zikhankanywe ngasentla, iSebe livumelana nemigangatho yothintelo lolwaphulomthetho ye-UN kunye nemigaqo ebuncinane bufana nale:

- IMithetho eMincinane ye-UN yoLawulo loBulungisa baBantwana (iMithetho yaseBeijing): Yowe 1985.
- IMithetho yoKhuseleko lwaBantwana abaVinjwe iNkululeko (iMithetho ye-UN JDL) yowe 1990 ukuya (kowama 2009).
- UMinqophiso waMazwe ngaMalungelo oLuntu nawePolitiki (ICCPR) we 1966.

¹ Inkqubo yoPhuhliso lweZizwe eziManyeneyo (iUNDP), yama2015 kwi <https://www.undp.org/content/undp/en/home/sustainable-development-goals.html> (ifikelelwe ngowama23 kweyeDwarha wama2019).

- INgqungquthela echasene neNtuthumbo kunye nenye iMpatho eKhohlakeleyo, engenaBuntu okanye iMpatho eThoba isidima okanye enesoHlwayo (CAT) yama 2008.

Iminqophiso yamazwe ngamazwe zamalungelo oluntu zifuna ukuba amaqela kaRhulumente athabathe amanyathelo akhawulezileyo ukuze aqinisekise ukuba amalungelo oluntu lwabasetyhini ayahlonelwa ngumthetho nokuphelisa ucalucalulo, ukungalingani, kunye nezenzo ezichaphazela kakubi amalungelo amabhinqa. Phantsi komthetho wamazwe ngamazwe wamalungelo oluntu, abasetyhini banokuba nelungelo kumalungelo awongezelelekileyo afana nalawo anxulumene nokhathalelo lwempilo yokuzala. Iinkqubo zokuxhobisa amaxhoba ezinikezelwa liSebe zilungelelaniswe nezibophelelo zamazwe ngamazwe ezinxulumene noku:

- Isibhengezo seZizwe eziManyeneyo seMimiselo yoBulungisa kuMaxhoba oLwaphulomthetho kunye nokuSetyenziswa gwenxa kwaMandla (sowe 1985).
- INgqungquthela yokuPheliswa kwazo zonke iintlobo zoCalucalulo kwabaseTyhini (CEDAW) yowe 1979 (yama 2016).
- INkqubo ye-UN yokuThintela, ukuCinezela nokoHlwayo ngoRhwebelwano lwaBantu yama 2000.
- INgqungquthela echasene neNtuthumbo kunye nenye iMpatho eKhohlakeleyo, engenaBuntu okanye iMpatho eThoba isidima okanye enesoHlwayo (CAT) yama 2008.
- IiNgqungquthela zoMbutho wezaBasebenzi zaMazwe ngaMazwe (ILO) ye 1930 (yama 2014 ukuya kuma 2016).

Ngaphaya koko, ukuqhubela phambili kwamalungelo kunye nempilo entle yabasetyhini nolutsha kusekelwe ekuphunyezweni kweQhinga lesiCwangciso sikaZwelonke (NSP) kuBundlobongela obuSekelwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini (GBVF) (sama 2020) kunye neNYP yama 2030. Ukujongana nesidingo nemingeni, ijongene nabasetyhini abachatshazelwe yiGBV, iNSP yeGBVF (yama 2020) imisele ukubonelela ngesicwangciso esibambeneyo, esinamacandelo ngamacandelo ngakwimpendulo ebanzi kazwelonke kwi GBV nokubulawa kwabasetyhini. Ukusabela, isiCwangciso soPhunyezo seWCG GBV saphuhliswa ngenkqubo ehlangeneyo nawo onke amaSebe eWCG ukujongana nengxaki yobundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana. Ngaphezu koko, iSebe liyasabela kwaye lijongana nale ngxaki ngokubeka phambili izixhobo ekuboneleleni ngeenkono zendawo yokuhlala ekhuselekileyo, iinkono zonyango kunye nenkxaso yengqondo kunye nothintelo noqeqesho lweGBV. Ukuqinisekisa ukuba abantu abatsha bayaxhotyiswa kwaye balungiselelwe ngeenkukacha, ulwazi kunye nezakhono, iNYP yama 2030 ijolise ekwenzeni ulutsha, ngamangenelo akhethekileyo ophuhliso lolutsha, aququzelela uphuhliso olupheleleyo nolulungileyo lwabantu abatsha njengabantu ngabanye kunye namalungu eentsapho kunye noluntu.

Ukwenzela ungenelelo oluphathelele kuthintelo lweSUD, unyango kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili, iSebe lihambelana neNgqungquthela yeMayeza aHlasela iNgqondo (ye 1971) kunye neNkqubo yoMbutho woPhuhliso lwaMazantsi e-Afrika ekulweni neziyobisi ezingekho mthethweni (we 1996). Nangona uMzantsi Afrika ungengomtyikityi weNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo echasene nokuThenjiswa ngokungekho mthethweni kweziYobisi zeNarcotic kunye neNgqungquthela eNye yaMayeza eNarcotic, uyayithobela imithetho siseko kunye nomxholo wale ngqungquthela.

Icandelo B: UGxininiso Lwethu lwesiCwangciso

Umbono

Uluntu oluzimeleyo.

Umnqophiso

Kukuqinisekisa ngokunikezelwa kothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso loluntu oluvumela kwaye luxhobise abantu abahluphekayo, ababuthathaka kunye nabo banezidingo ezizodwa.

Iimpawu zentsulungeko

Iimpawu zentsulungeko ezingundoqo zeWCG, iSebe elizibophelele kuzo zezi:

Ukukhathalela Ubuchule



Caring

Ukuphendula



Competence

Inggibelelo



Accountability

Inguqu



Integrity



Innovation

Ukusabela



Responsiveness

4. UHlalutyo lweMeko

ISebe liwandisile umgangatho walo wephondo laza lakhula ukusuka kwi-ofisi kandlunkulu ene-ofisi zezithili ezili 16 ngowama 2009 ukuya kutsho kundlunkulu ojongene nee-ofisi zemimandla emi 6 enee-ofisi zasekuhlaleni ezingama 45 kubandakanywa iindawo zeenkonzelo ezingama 22, kunye neendawo ezili 9 eziphantsi kukarhulumente. Kwiindawo ezisemaphandleni apho ukufikelela kudla ngokuba nzima ngenxa yomgama, iSebe liseke iqela lonikezelo lweenkonzo kumasipala ngamnye wengingqi. Ukongeza, iSebe linezivumelwano zentlawulo ezimalunga ne 1 100 neeNPO ezikhoyo. Ngolu thungelwano lubanzi, iSebe liqinisekisa ukuba iinkonzelo zisondezwa kuluntu ukunceda abo bazidinga kakhulu.

4.1 UHlalutyo lweMeko yangaPhandle

Impembelelo yezentlalo noqoqosho yeKHOVIDI-19 kuluntu olubonelelwa liSebe lube lukhulu, notshintsho kuluntu kunye neenguqu kwintlalo yephondo kunye nobume bamakhaya obujongwayo. Ifuthe lexesha eliphakathi nelide lobhubhane lizisa imingeni yentlalo noqoqosho, ekufuneka iSebe liphendule kuyo kwimekobume yoqoqosho kunye nemeko yezemali.

Abemi baseNtshona Koloni baqikelelwa kwisi 7.3 sezigidi ngowama 2023², bequka amakhaya angaphezulu kwesi 2.2 sezigidi ezinomyinge wobukhulu bamalungu ayi 3.3. Kwikota yokuqala yama 2020, izinga lentswelangqesho kweli phondo lalingama 20.9 eepesenti. Ngaphandle kophuculo lwakutsha nje, intswela ngqesho ihleli ingaphezulu kwamanganaba angaphambi kweKHOVIDI-19. Ekupheleni kwikota yesine yowama 2022, izinga lentswelongqesho lalibhalwe kumyinge wama 22.5 ekhulwini. Oku kukwajongwa nakwintswelangqesho engaphangeliyo kwangelo xesha linye. Ngokwenkcazelo eyandisiweyo yentswelangqesho, equka abantu abangaphangeliyo, intswela-ngqesho ikhule ukusuka kuma 24.8 ekhulwini kwikota yokuqala yowama 2020 ukuya kuma 26.8 ekhulwini kwikota yesine yowama 2022³. Amanqanaba aphezulu entswelangqesho achaphazele kakubi amandla amakhaya okubonelela amalungu awo ngononophelo. NgokoPhando lwamaKhaya Jikelele lowama 2021⁴, amakhaya eNtshona Koloni anofikelelo olungonelanga ekufumaneni ukutya ahlala ephezulu (i12.6 leepesenti). Iinkxalabo malunga nokungakhuseleki kokutya kumakhaya yeyona nto ixhalabisayo ngokunxulumene nabantu abasesichengeni abafana nabantwana, abantu abadala, abantu abaphila nokhubazeko kunye nemizi ephethwe

² IiNkcukachamanani zoMzantsi Afrika (2022). Uqikelelo lwabemi baphakathi eNyakeni lweMYPE ngowama2022.

³ IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (zowama 2022). UPhando lweKota lwaBasebenzi QLFS Q4:2022.

⁴ IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (zowama 2022). UPhando lwasemaKhaya ngokuBanzi lowama 2021.

ngabasetyhini. Bangaphezu kwama 200 000 abantu abasesichengeni abafumana ukutya ngoku kwiiCNDC zeSebe nakwiindawo ezifumana inkxasomali kwiphondo liphela. Ubungqina bokuqhekeka okanye ukungakwazi kweentsapho kunye namakhaya ukubonelela ngononophelo kumalungu awo aphambili bubonakala kumanqanaba ahlukeneyo oluntu njengokwanda kwenani labantu abadala abangenamakhaya, abantwana abahlala ezitratweni, abantwana abasemngciphekweni wokungahoywa, amakhaya asemngciphekweni yokungakhuseleki kokutya kunye noluhlu lwabalindele ukufakwa kwiiCYCC kwiphondo.

Baqikelelwa kwizigidi ezibini zabantwana⁵ abaphakathi ko 0 ne 17 leminyaka ubudala abahlala eNtshona Koloni, besenza malunga nesithathu sabemi. Abantwana kwezona ndawo zisesichengeni zeli phondo bajongene nomngcipheko omkhulu wokuphathwa gadalala nobundlobongela, njengoko kubonakaliswa kukubulawa kwabantwana⁶ kunye neendlela zokuxhatshazwa ngokwesondo⁷. Ukuba sesichengeni kwaba bantwana kuye kwandiswa ngexesha lokuvalwa ngci kweentshukumo ngenxa yamanqanaba aphezulu okungakhuseleki kokutya ezindlini⁸, okubangele umngcipheko omkhulu wokukhula komntwana, ukungondleki kunye nokungahoywa, xa kuthelekiswa nexesha elingaphambi kweKHOVIDI -19. Ukongeza kwinkxaso yezentlalo noqoqosho, abazali abakwiindawo ezisengozini enkulu bafuna ukufikelela kwiinkqubo zobuzali kunye neenkonzozo zenkxaso yezentlalo ukuqinisa amandla abo okunyamekela. Phakathi kukaTshazimpunzi neyomNga wama 2022, abazali abangama 2 608 nabagcini babantwana baye bagqiba iinkqubo zobuzali ezibonelelwe okanye ezixhaswa ngemali yiDSD.

INtshona Koloni likhaya kulutsha oluzizigidi⁹ ezi 2.5 oluphakathi kweminyaka eli 15 nama 34 ubudala. Ulutsha olukwimimandla esemngciphekweni omkhulu kweli phondo lujongene nemingeni yentlaloqoqosho efana neziphumo ezibi kwezemfundo kunye namathuba anqongopheleyo engqesho kwimeko yokonakala kwezentlalo okufana nokuba ngumzali ongqwalabala, uxinzelelo loontanga oluyityhefu, ukuchanabeka, kunye namava eGBV, iziyobisi. ukuxhatshazwa, ulwaphulomthetho nobundlobongela. Ulutsha luye lwachathazelwa kakhulu ngulo bhuhane ngenxa yokuhla kwamathuba engqesho. Le miba yomngcipheko ichaphazela impilontle yolutsha kwiphondo kwaye ibethelela ukubaluleka kokugxila kweSebe kuphuhliso lolutsha nenkxaso. Iinzame malunga noku zibandakanya ukubonelela ngezakhono kunye nophuhliso lomntu, uqeqesho, nolwazi lokufunda ngobuchwepheshe bekhompyutha balemihla, kunye nokuchazwa kwemisebenzi yolutsha oluzimasa imibutho yasekuhlaleni kunye neeKhefi zolutsha. Ngaphaya koko, i-EPWP yinkqubo yongenelelo engundoqo ebonelela ngoqeqesho lwezakhono kunye nokunciphisa ingeniso ngomsebenzi wethutyana kwabo bangasebenziyo kwixesha elifutshane ukuya kweliphakathi, ngokudala amathuba emisebenzi angama 968 kwicandelo leNPO ngowama 2022/23 ukuza kuthi ga ngoku.

Ulutsha olungquzulana nomthetho luyeyona nkxalabo inkulu yephondo, ingakumbi ulutsha olubandakanyeka kulwaphulomthetho olunobundlobongela obunxulumene nezenzo zemigulukudu. Izikhululo zamapolisa ezilithoba kweli phondo zibandakanywe kuluhlu lwezikhululo zamapolisa ezingamashumi amathathu eziphezulu elizweni kwiingxelo zokubulawa kwabantu kwikota yesibini yama 2022/23, nezilithoba zokubetha okuqhelekileyo. Uninzi lwezikhululo zamapolisa zingaphakathi kuMasipala oMbaxa weKapa¹⁰. Ukwanda kolutsha olungquzulana nomthetho luye lwaqatshelwa kwiSithili seNgingqi sase-Eden Karoo (oko kukuthi, eKnysna, e-Oudtshoorn naseBeaufort West).

⁵ IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika (2021). YabangaTshatanga ngokweSithili 2002-2050 ngenkcukacha ye MYPE 2022.

⁶ ISebe loPhuhliso loLuntu (iDSD), ngowama2019. Uhlalutyo lwangaPhakathi lweeNkcukacha zokuGetyengwa koMntwana zeSAPS eNtshona Koloni wama 2013-2018.

⁷ ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (2018). UVavanyo lweeNkonzo zeNkxaso yeNgqondo neNtlalo, oluxhaswa ngemali liSebe loPhuhliso loLuntu, kumaxhoba oLwaphulomthetho ngokweSondo kuMaziko aKhethekileyo eThuthuzela eNtshona Koloni. Ingxelo yangaphakathi ihlanganiswe nguPetro Brink kunye noFaheemah Esau

⁸ ICandelo loPhando, uLawulo lwaBemi kunye noLwazi (2020). Ngaba indlala iyakhula ngenxa yeKHOVIDI-19? – Amava eDSD. Ingxelo engapapashwanga.

⁹ IiNkcukachamanani zoMzantsi Afrika (2022). Uqikelelo lwabemi baphakathi eNyakeni lweMYPE ngowama2022.

¹⁰ INkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika (SAPS), yowama 2022. Iinkcukachamanani zoLwaphulomthetho zeKota yesiBini zowama 2022/23.

Ngokubhekiselele kuBantu abaDala, iNtshona Koloni inabantu abaqikelelwa kuma 770 847 ababudala buyiminyaka engama 60 nangaphezulu (ngowama 2022) apho ama 58 epesenti ingabasetyhini. Oku kuqikelelwa ukuba kukhule kuyokutsha kwi 1.084 lezigidi ngowama 2031¹¹ kwaye phantse iphindwe kathathu, ukuya kwi 2.044 yezigidi, ngowama 2050¹². Ukufikelela kwiinkonzo ezisemgangathweni zophuhliso loluntu kuBantu abadala kulo nyaka uphelileyo kwaququzelelwa ngokubonelela ngokuphila ngokuzimeleyo noncedo, ukhathalelo olubuthathaka, kunye nongenelelo olufanelekileyo olusekelwe kuluntu. Eminye imisebenzi ibiquka ukuqinisekisa ukuba isidima namalungelo abantu abaDala ayagcinwa.

Ngokubhekiselele kuBantu abaDala, iNtshona Koloni inabantu abaqikelelwa kuma 770 847 ababudala buyiminyaka engama 60 nangaphezulu (ngowama 2022) apho ama 58 eepesenti ingabasetyhini. Oku kuqikelelwa ukuba kukhule kuye kuba li 1.084 lezigidi ngowama 2031 kwaye phantse kuphindeke kathathu, ukuya kwisi 2.044 sezigidi, ngowama 2050. Ukufikelela kwiinkonzo ezisemgangathweni zophuhliso loluntu kuBantu abadala kulo nyaka uphelileyo kwaququzelelwa ngokubonelela ngokuphila ngokuzimeleyo noncedo, ukhathalelo olubuthathaka, kunye nongenelelo olufanelekileyo olusekelwe kuluntu. Eminye imisebenzi ibiquka ukuqinisekisa ukuba isidima namalungelo aBantu abaDala ayagcinwa.

Amanyathelo okungenelela okulungisa ukuxhasa aBantu abaPhila noKhubazeko aquka ukubandakanya, ukuxhasa, nokukhuthaza amalungelo, intlalontle kunye nokuxhotyiswa kwezintlalo noqoqosho kwaBantu abaPhila noKhubazeko, iintsapho zabo, kunye nabanonopheli ukuze babe nethuba elilinganayo lokuthatha inxaxheba kuzo zonke iinkalo zobomi.

Iziganeko zolwaphulomthetho ekuhlaleni eNtshona Koloni zisaxhalabisa. Uvimba weenkukacha zolwaphulomthetho wakutsha nje ubonisa ukuba ukuncitshiswa kolwaphulomthetho ngexesha lokuvalwa komsebenzi ibiyeyexeshana kwaye iyeyemvelo ngenxa yezithintelo zeSimo seNtlekele ezifana nokuvalwa kotywala kunye nokukcuthwa kweeyure zokuhamba. Inani lamatyala axeliweyo okubulala kwiphondo linyuke ukusuka kwisi 2 308 samawaka ngowama 2010/11 ukuya kwisi 4 074 samawaka ngowama 2021/22 (SAPS, kowama 2022) ngereyithi yezehlo ezingama 40.3 (ngowama 2010/11) nama 57.3 (ngowama 2021/22). kwi100 000 labemi.

Ukuba sesichengeni kwabasetyhini kwiintlobo ezahlukeneyo zeGBV kwanda ngexesha lobhubhane kunye neziphumo zawo. Amaxesha amade okuhlala wedwa nabantu abanokuba ngabenzi bobubi kwandisa umngcipheko wobundlobongela basekhaya zidityaniswe noxinzelelo oludalwe kukwanda kwentswela-ngqesho, izithuthi ezingakhuselekanga kunye nenkxaso efanelekileyo yokubandakanyeka kumathuba oqoqosho. Iingxelo zokunyuka kweGBV, ngakumbi ubundlobongela basekhaya ngexesha lokuvalwa komsebenzi, ziqaqambisa ukuba sesichengeni kwabasetyhini kubundlobongela. Amangenelo eGBV aphunyezwe liSebe abandakanya ukuqeshwa koonontlalontle abangama30 abagxile kwiGBV kuzo zonke ii-Ofisi zeNgingqi zeDSD ukwandisa ukufumaneka kwenkxaso yonyango kumaxhoba olwaphulomthetho ngokwesondo, ukuthunyelwa koonontlalontle beeNPO kwiindawo ezichongiweyo ezinolwaphulomthetho, kunye nenkxasomali eqhubekayo. yeendawo zokuhlala ezingama-26 zabafazi abaxhatshaziweyo nabantwana babo. Amaziko asibhozo eZiko loKhathalelo iThuthuzela (TCCs) ngentsebenziswano noGunyaziwe woTshutshiso kaZwelonke (NPA) kunye neDoH&W nawo abe negalelo elikhulu kukhathalelo olukhawulezileyo lwamaxhoba eGBV. Iinkonzo zokuxhotyiswa kwamaxhoba ziquka inkxaso kumaxhoba okurhweba ngabantu kunye namaxhoba obundlobongela basekhaya.

Izenzo zolwaphulomthetho ngokwesondo¹³ zibalele kumyinge wesi 6.9 ekhulwini (ama 7 034) wolwaphulomthetho olunxulumene nolwaphulomthetho kunyakamali wama 2021/22. Uhlahuty olongezelelweyo lweenkukachamanani zoLwaphulomthetho zeSAPS zowama 2021/22 lubonisa ukuba izinga likazwelonke lamatyala olwaphulomthetho ngokwesondo ngama 88.0 kwi 100 000 labemi (iziganeko ezingama 52 653) ngelixa izinga leNtshona Koloni liphezulu kakhulu ukusuka kuma

¹¹ IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika, zowama 2022. UQikelelo lwaBemi lwaPhakathi enyakeni ye MYPE yama 2021 kwimiNyaka yabangaTshatanga ngokweSithili seWC kwiBeta yowama 201 ukuya kuma 2031.

¹² IiNkcukacha manani zoMzantsi Afrika, (zama 2021). KwimiNyaka yabangaTshatanga ngokwePhondo yowama 2002 ukuya kuma 2050 kuthotho lweMYPE yama 2020.

¹³ I-SAPS. ngowama 2021. IiNkcukachamanani zeKota zoLwaphulomthetho zama 2020/2021 ezidityanisiweyo zaza zacazululwa ngaphakathi liCandelo loLawulo loPhando neeNkcukacha.

99.0 ukuya kwi 100 000 (iziganeko ezingama 7 034) lwabemi¹⁴. Enye into exhalabisayo yingxelo yeeNkcukachamanani loLwaphulomthetho zeSAPS (2022)¹⁵ ebonisa ukuba izikhululo zamapolisa ezilishumi elinesihlanu kuluhlu lwezikhululo ezingama 30 eziphambili ezixela ukuxhatshazwa ngokwesondo ziseNtshona Koloni. Kubaluleke kakhulu ukuba iinkonzo zengqondo zamaxhoba eGBV zibekwe phambili. Isicwangciso esijolise kunxibelelwano kunye nokwazisa ngexesha lephulo leWCG leentsuku ezingama 365 esichasene neGBV libone ama 34 eepesenti zabathengi abaninzi bexhamla kwiinkonzo zenkxaso yengqondo kunokuba bekulindelwe.


Ubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nasebantwaneni busoloko buphenjelelwa kukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi. ISebe libonelela ngothotho lweenkonzo ze-SUD, ezibandakanya uthintelo, ungenelelo lwangethuba, unyango, kunye neenkonzo zokhathalelo lwasemva kwexesha ukuqinisekisa ukubuyiselwa okusebenzayo kwabaxumi kwiindawo abahlala kuzo kunye noluntu ngokubanzi. Ngaphaya koko, iSebe liyawaxhasa amanyathelo okulungisa iziphumo ezinobungozi zeSifo seFetal Alcohol Spectrum ebantwaneni. Ngaphezu koko, iSebe libonelela ngeenkqubo zothintelo kunye nonyango lweSUD kuzo zonke iiCYCC zalo kwaye landise ezi nkonzo kwiindawo zokuhlala zokhuseleko zeGBV.

Isiphumo sobunzima bamandla, nokunyuka kwamaxesha okucinywa kombane, kubeka umngcipheko omkhulu kunikezelo lweenkonzo kuzo zonke iinkqubo, ngakumbi ezo zihlalisa abahlali iiyure ezingama 24.


¹⁴ IStatistics South Africa, 2020. Uqikelelo lwabemi lwaphakathi enyakeni lweMYPE lobuDala lwabangatshatanga lwePhondo kowama 2002 ukuya kowama 2050_2020.

¹⁵ I-SAPS. 2022. Iinkcukachamanani zoLwaphulomthetho zekota yesiBini yama 2022/23.

Isazobe 3: Ii-ofisi zeDSD kunye nezibonelelo eNtshona Koloni.



Isazobe 4: li-ofisi zeDSD kunye nezibonelelo kuMmandla kaMasipala oMbaxa waseKapa.



4.2 UHlalutyo lweMeko yangaPhakathi

Ngokubhekiselele kunikezelo lwenkonzo olusebenzayo, olunempumelelo nolusabelayo, iSebe liphumeze uphuculo oluninzi kubume bombutho, amanyathelo angqongqo okuthintela iindleko kunye nokwandiswa kweenkqubo zolawulo, iinkqubo zoshishino kunye nezicwangciso eziliqili. Iinkqubo zophuhliso lombutho eziqaliswe ukuphucula impumelelo yobume bombutho ziquka:

- Ukubekwa kwindawo enye kwemisebenzi yokuthengwa kweempahla neenkonzo zoLawulo lweNtengo (SCM) kwaNdlunkulu, ngokukodwa iimfuno zabasebenzi ukulungiselela ukubekwa ndawonye komsebenzi.
- Ukulungelelaniswa kwezakhiwo zengingqi kunye nemimiselo nemigangatho yoonontlalontle nabasebenzi benkxaso yolawulo abafunekayo ukuthobela le migaqo kunye nemigangatho.

Ukhuseleko nempilo yabasebenzi ibalulekile. Abasebenzi abaphambili abasebenza kwiindawo ezisemngciphekweni kakhulu baya bechanabeka kulwaphulomthetho nobundlobongela. Ngoko ke, iSebe liye lazisa amanyathelo amaninzi okunciphisa lo mngcipheko kuquka ukusebenzisana neSAPS, iSebe lokuJonga iPolisa kunye noKhuseleko loLuntu kunye neKomiti yePhondo yeNtsebenzo edibeneyo yokuphucula ukhuseleko lwabasebenzi kwiindawo ezisemngciphekweni kakhulu kunye nokufakelwa kwezixhobo zokhuselo nokhuseleko njengexalenye zonke iiprojekthi ezinkulu kunye nolondolozo ezijongwe liSebe leziSeko ezinguNdoqo.

Kwiipesenti ezisi 8 ekupheleni kweyomNga wama 2022, izinga lezithuba zeSebe¹⁶ lihleli lingaphantsi kwesiqhelo seSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo lwe 10 ekhulwini. Amazinga ezithuba kumaqela athile emisebenzi, afana nabasebenzi abakhathalela abantwana nolutsha, ootitshala nabongikazi abaqeqeshiweyo kwiiCYCCs kodwa kusengumngeni. Uhlahlo lwabiwomali olunemiqathango luza kuqhubeka lunempembelelo ebalulekileyo ekuzalisweni kwezithuba ukuya phambili, okunefuthe kwisakhono seSebe sokubonelela ngeenkonzo. Ngoko ke iSebe lichonge izithuba eziya kubekwa phambili ekunciphiseni ifuthe lonikezelo lweenkonzo. Lo mlinganisawonolanga xa kujongwa ifuthe lemeko yoqoqosho lwangoku kwiinkonzo zethu kunye nokungabikho kwenkxasomali eyaneleyo yokuxhasa iinkonzo ezimiselwe ngokomthetho. Ukuvalwa okunokwenzeka kweenNPO kuya kwandisa imfuno yeSebe ukuze kunikezelwe ezi nkonzo. Apho kuvalwe khona iNPO, iSebe liqhagamshelana necandelo leeNPO ukuqinisekisa ukufikelela okuqhubekayo kwiinkonzo, apho enye iNPO ingafumaneki, iSebe liza kungenelela.

Ucimicimi wombane ube nempembelelo emmandla ekunikezelweni kweenkonzo kumaziko awo eDSD, ingakumbi iiCYCC apho impompo yamanzi kunye neenkqubo zokhuseleko zifuna amandla ukuze zisebenze. Ngoko ke, iSebe liye lavula umatshini wokwenza umbane wedizile, ngeendleko ezinkulu kwiSebe, ukuqinisekisa ukusebenza ngokupheleleyo kweeCYCC, kunye namanye amaziko apho kuyimfuneko, ngexesha lokucinywa kombane.

ISebe sele liqalisile ukumiliselela uMthetho woKhuseleko lweNkcukacha zoMntu (POPIA), wesi 4 wama 2013, kwaye kwezi nyanga zizayo liza kuqhubeka liqinisekisa ukuba uMthetho kwakunye neMimiselo ziphunyezwa ngokupheleleyo kwiSebe. Kuqeshwe iGosa leeNkcukacha kunye noSekela Gosa leeNkcukacha. INcwadana yoMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kwiiNkcukacha (PAIA) ihlaziyiwe ukuze iquke iPOPIA, kwaye iSebe liphuhlise uMgaqonkqubo waBucala kunye neSaziso saBucala. Uvavanyo lwempembelelo yeenkcukacha zomntu luqhutyelwa ukuchonga nokunciphisa umngcipheko wokukhusela idatha. ISebe likwaqalise iphulo lonxibelelwano kunye nenkxaso ukwazisa nokufundisa bonke abasebenzi malunga nePOPIA kunye nemigaqo-nkqubo yeSebe malunga neenkcukacha zomntu.

Ubuchwepheshe budlala indima eyongezelekayo ekusebenzeni ngokufanelekileyo kwemibutho. Ngaphandle kohlahlo lwabiwomali oluneengxaki, iSebe liye labeka phambili ukuphunyezwa kweenkqubo ukuze lihlale lisazi ngophuhliso lobuchwepheshe kwaye liphumeze iinkqubo zokuphucula ukufumaneka kweenkcukacha zolawulo. IModyuli yeNtlawulo yeNkqubo yoLawulo lweNPO ikwinkqubo yokuphunyezwa ngokwandayo kwaye uphuculo oluninzi luye lwaziswa ukuze kuncitshiswe umngcipheko wentlawulo. ISebe liqhubekile nokuqalisa uqeqesho lweNkqubo

¹⁶ Izinga lezithuba lisekelwe kwizithuba ezixhaswa ngemali, ezigcwalisiweyo, kwaye awubandakanyi abafundi abasaqeqeshwayo.

yoLawulo lweeNPO kunye nesicwangciso somiliselelo, kwaye liqalise uphuculo ukwandisa ukusebenza ngempumelelo. Iimodyuli ezongezelelweyo ziyaphuhliswa kwaye/okanye ziyaphuculwa kwaye ziza kuqaliswa kule minyaka mibini izayo.

ISebe liqhubekile nokukhokela ukusetyenziswa kwenkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo lweMyContent ukuqinisekisa ukuba iirekhodi zalo zifikeleleka lula kubasebenzi. Ikwaphumeze ulwakhiwo lweemvume zoLawulo lokuQulathiweyo lweKhompyutha kwiSebe ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwePOPIA; yalungisa umgaqonkqubo wayo wotyikityo ngombane ukuze iqinisekise ukuthotyelwa kwimekobume eguqukayo yeKHOVIDI-19 kunye nezixhobo zePC ezibekwe phambili ukuze zitshintshwe ze kulungiselelwe uhlaziyo lwe-WCG Windows 10.

ISebe ligcine ngempumelelo uqhagamshelwano lwabasebenzi balo abaphambili kunye nee-ofisi ezingaqhagamshelwanga ngebroadband ngesisombululo salo se-e-Mobility. Ikhontrakthi yangoku yakwaCell C ifikelela esiphelweni kweyeKhala wama 2023 kodwa iSebe sele likwinkqubo yokubiza izindululo/iithenda ngokwesivumelwano seRT15 yama 2021 kaNondyabo kaZwelonke ukuze kuqeshwe umboneleli wenkonzo ye-e-Mobility. I-NDSD ikhuphe inkqubo ezifana neNkqubo zoLawulo lweTyala yokuLingwa enomsebenzi wesaziso sokuphela ofuna uqhagamshelwano kunye novimba weenkukacha. I-e-Mobility yeSebe ikwasetyenziselwa le nkqubo, ngakumbi kwiintshukumo zasemva kweeyure zomsebenzi - njengoko kuqhele ukwenzeka kumagosa ajongene nolingo.

Ukukhusela uvimba weenkukacha zesebe, ukufakwa kwesoftware ye-InTune kuyaqhubeka kuzo zonke iikhompyuter, ngakumbi iilaptops. Oku kuya kwenza ukuba izixhobo zingaxabiseki kangako kumasela. Iprojekthi ye-InTune iqale kwinxalenye yokugqibela yonyakamali wama 2020/21 kwaye iza kuqunjelwa kunyakamali wama 2022/23. Ukuqinisekisa impumelelo yale projekthi, iSebe likwaqalise inkqubo yokuqinisekisa ukuba zonke iikhompyutha zobuqu ziphuculelwa kuWindows 10 nge-Ofisi 365, eyimfuneko ukuze kufakwe i-InTune. Iikhompyutha zobuqu kunye neelaptops ezingahambelaniyo neWindows 10, zibekwe phambili ukuze zitshintshwe. Okokugqibela, iSebe liqhubekile nokubonelela ngofikelelo kuqeqesho lobuchwepheshe yonxibelelwano kunye nokuxhotyiswa ngezakhono kubasebenzi, kuqukwa nokubonelela ngoqeqesho lwesoftware ye-intanethi.

4.3 Uvavanyo loPhando luGqityiwe liSebe

Ngokombono wendima ebalulekileyo yovavanyo olunokuyidlala ekuphuculeni ukunikezelwa kweenkonzo, isiCwangciso soPhando noVavanyo siqulunqwa rhoqo ngonyaka. Esi sicwangciso sichonga kwaye sichaza umda kunye neenjongo zophando lovavanyo oluya kwenziwa kunyaka othile. Olu vavanyo lwenziwa ngokuhambelana nezikhokelo zeSebe loCwangciso, uHlolo noVavanyo (DPME) kuphando lovavanyo kunye neSOP yeSebe yoPhando loVavanyo. Uvavanyo lweSebe lulandela indlela elandelwa ngokwezigaba. Ezi ngxelo zilandelayo zovavanyo ziza kuqunjelwa kunyakamali wama 2022/23 ukuze zigqitywe kunyakamali wama 2023/24 ngokuxhomekeka ekuvunyweni komntu ochaphazelekayo ofanelekileyo.

UVavanyo loMfuziselo weZiko leKhuseleka One-Stop njengoko iphunyezwe eNtshona Koloni: Injongo yolu vavanyo kukunika amagqabantshintshi ngoMfuziselo weZiko leKhuseleka One-Stop njengoko umiliselwe eNtshona Koloni. Iinjongo eziphambili zovavanyo ziza kuba kukuchaza indlela uMfuziselo weZiko leKhuseleka One-Stop ophunyezwa ngalo eNtshona Koloni; ukuhlola ukuba ingaba lo mfuziselo uyaphunyezwa na njengoko bekucwangcisiwe eNtshona Koloni nokuvavanya into enokwenziwa ukomeleza ukuphunyezwa komfuziselo eNtshona Koloni.

Uvavanyo longenelelo ngoncedo lwaBantwana abahlala eziTalatweni eNtshona Koloni: Uvavanyo luza kubandakanya uhlalutyo lwemeko kunye novavanyo lokuphunyezwa. Uhlalutyo lwemeko luza kwalatha imiba enegalelo kwinto eyenzekayo kubantwana abahlala ezitalatweni eNtshona Koloni kwaye kuphononongwe iindidi ngeendidi zabantwana abahlala ezitalatweni kweli phondo. Uvavanyo lokuphunyezwa luza kuvavanya ukufaneleka kunye nokuphumelela kwamanyathelo okungenelela kubantwana abahlala ezitalatweni, ngenxa yobunzima bomcimbi wabantwana abahlala ezitalatweni. Ukongeza, iza kwalatha ize iqaqambise amandla, ubuthathaka, imingeni, kunye nezifundo ezifundiweyo ukuphucula umgangatho wokuphunyezwa.

Uvavanyo longenelelo ngoncedo lwaBantu abadala eNtshona Koloni: Eyona njongo iphambili yolu vavanyo kukwenza uvavanyo lomiliselo longenelelo olukhoyo lokuxhatshazwa kwabantu abadala eNtshona Koloni. Iinjongo eziphambili zeprojekthi ziza kugxila ekuchazeni nasekuvavanyeni ungenelelo olukhoyo lokujongana nokuxhatshazwa kwabantu abadala kwiphondo. Ukunikwa kwengxelo yokuphathwa gadalala kwabantu abadala kuza kuba yinjongo eyongezelelekileyo yovavanyo kunye nokwalatha imiqobo ekuxelweni kwabantu abadala kunye nokuqulunqa izindululo zokuqinisa impendulo kukuxhatshazwa kwabantu abadala ephondweni.

Icandelo C: Umlinganiselo Wethu wokuSebenza

5. Iinkcukacha zokuSebenza kweNkqubo yeSebe

5.1 INkqubo yoku 1: Ulawulo

Injongo zeNkqubo

Le nkqubo ibamba ulawulo olucwangcisiweyo kunye neenkonzozo zenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe oko kukuthi iPhondo, iNgingqi, iSithili kunye nenqanaba leZiko/ lamaZiko.

Qaphela: IZiko leenkonzozo eziManyanisiweyo (CSC), eliphantsi kweSebe leNkulumbuso (DotP), libonelela ngeenkonzozo zenkxaso yoLawulo lwezaBasebenzi kwiSebe.

Le nkqubo iqulathe ezi nkqutyana zilandelayo:

INkqutyana 1.1: I-Ofisi kaMEC

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngonxibelelwano lwezopolitiko kunye nomthetho phakathi kukarhulumente, uluntu kunye nabo bonke abanye abachaphazelekayo abafanelekileyo.

INkqutyana 1.2: Iinkonzozo zoLawulo lweQumrhu

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngomkhombandlela wesicwangciso kunye nolawulo lunolawulo lweSebe.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza kunye nekujoliswe kuko

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Uphuculo lolawulo lwequmrhu kunye nonikezelo lwenkonzo.	Ukuxhotyiswa ngezakhono zomsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene noko.	1.2.1 Inani longenelelo loqeqesho lomsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalontle.	29	29	29	29	29	29	29
		1.2.2 Inani leebhasari ezinikezelweyo.	AYINGENI	146	86	109	86	29	14
	Oonontlalontle baqashwe yiDSD.	1.2.3 Inani loonontlalontle eliqashwe yiDSD. ¹⁷	AYINGENI	948	961	876	876	876	876
	Ukuhlawulwa kwangexesha kweinvoyisi.	1.2.4 Ipesenti yee-invoyisi ezihlawulwe kubaboneleli ngeenkonzozo beDSD kwiintsuku ezingama 30.	AYINGENI	99.9%	99.96%	100%	100%	100%	100%

¹⁷ Esi salathisi sinxibelelene nesalathisi seMTSF "Isicwangciso seCandelo lokuqeshwa kweengcali zenkonzo yoluntu eziphuhlisiwe".

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Owenziweyo/Ophicothiweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Uphuculo lolawulo lwequmrhu kunye nonikezelo lwenkonzo.	Ukukhuthaza ulawulo olululo ukuxhasa ukhanjiswa kweenkonzo ezisemgangathweni.	1.2.1.5 Uluvo loMphicothi zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) ngophicotho zincwadi lweengxelo zemali kunye nengxelo malunga nokuba luncedo nokuthembeka kweenkukacha zokusebenza ezixeliweyo.	AYINGENI	Uphicotho Olucocekileyo	Uphicotho Olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo	Uphicotho olucocekileyo

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.2.1.1 Inani longenelelo loqeqesho lomsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalontle.	29	-	-	-	29
1.2.1.2 Inani leebhasari ezinikezelweyo.	86	-	-	-	86
1.2.1.3 Inani loonontlalontle abaqashwe yiDSD.	876	-	-	-	876
1.2.1.4 Ipesenti yee-invoyisi ezihlawulwe kubaboneleli ngeenkonzo beDSD kwiintsuku ezingama 30.	100%	-	-	-	100%
1.2.1.5 Uluvo loMphicothi zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (i-AGSA) ngophicotho zincwadi lweengxelo zemali kunye nengxelo malunga nokuba luncedo nokuthembeka kweenkukacha zokusebenza ezixeliweyo.	Uphicotho olucocekileyo	-	-	-	Uphicotho olucocekileyo

Inkqutyana 1.3: ULawulo lweSithili¹⁸

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngokunatyiswa kwamagunya, ulawulo nolawulo lweenkonzo kumgangatho weSithili kwiSebe.

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Okuphambili koku 1 kweMTSF yama 2019-2024 ehlaziyiweyo ithetha ngemfuno yokwabiwa koxanduva, ukuqinisekisa uxanduva lokuphendula ngomsebenzi kunye nesidingo solawulo lweziphumo. Oku kugxininiswa kuMbano oPhambili wePSP weNguqu neNkcubeko. Ukuqinisekisa ukuba ulawulo olumanyanisiweyo nonikezelo lweenkonzo luyaphuculwa, kufuneka kubekho ihlakani labasebenzi abanezakhono kwakunye neenkqubo zohlenga hlengiso zarhoqo zombutho ukuze kuphuculwe ukusebenza ngempumelelo kwabasebenzi.

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali ziya kuqhubeka zijoliswe kwiimfuno zoluntu ezilusebenzelayo, kunye nezinto eziphambili kwiphondo nezikazwelonke. Ngeli xesha leSakhelo seNkcitho yesiGaba esiPhakathi (MTEF) izigqibo zayo zesicwangciso ziza kukhokelwa yile migaqo ilandelayo:

- Ulungelelaniso lwemiba ephambili yomgaqonkqubo echazwe kwiPSP, ixhaswa ngamangenelo esiCwangciso soBuyiselo kunye neQhinga lesiCwangciso seDSD.
- Ukugcina unikezelo lweenkonzo olusemthethweni ngokwemigaqo yemithetho ephambili yeSebe kunye nemisebenzi efunekayo efana nokwenziwa kongenelelo oluyalelwe yinkundla.

¹⁸ Isihloko soLawulo lweSithili simiselwe ngokobume boHlahlo lwabiwomali lukaZwelonke. Nangona kunjalo, iDSD yaseNtshona Koloni isebenza ngeefisi zemimandla.

- Ukuphucula ukuxhathisa kunye nolungelelwaniso kuzo zonke iindawo zonikezelo lwenkonzo kunye namanqanaba karhulumente ukuze kuphunyezwe impembelelo enkulu nokusebenza kakuhle.
- Ukuzaliswa kwezithuba zohanjiso lweenkonzo eziphambili.

Ngokwesicwangciso, iSebe liza kugxila ekuqinisekiseni:

- Uyilo ngokutsha lombutho ukuphucula ukusebenza ngempumelelo kunye nabasebenzi. Kucingelwa ukuba inkqubo yoYilo loMbuthe ngokubhekiselele kuzo zonke ii-Ofisi zeNgingqi iza kuqalisa ngowama 2022/23 kwaye iza kuqakunjelwa ngowama 2023/24.
- Uphuculo oluqhubelekayo lomlinganiselo okhoyo ngoku woonontlalontle kuluntu oluyi 1: 4 500 kwiphondo (umlinganiselo kazwelonke we 1: 5 000 ezidolophini kunye no 1: 2 500 kwimimandla yasemaphandleni) kuthathelwa ingqalelo umthwalo weengcali zenkonzo yentlalontle.
- Uphuculo oluqhubela phambili kumlinganiselo wabasebenzi bononophelo lwabantwana nolutsha kubantwana abakwiiCYCC zokhathalelo olukhuselekileyo ngenxa yokunikezelwa komsebenzi ukuya ku 5: 1 nakwiZiko laseSivuyile laBantu abaKhubazekileyo ngokunzulu ukuya ku 3: 1 kulandela ukudluliselwa kwenkonzo kwi DoH&W; kwaye
- Iziseko zophuhliso: ukwandiswa kwee-ofisi zengingqi/iindawo zenkonzo nokugcinwa kwazo – ngokuxhomekeke kubukho beendawo ezifanelekileyo kunye nenkxaso-mali ngoko.

5.1.1 Ingqwalasela yezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kwe-R6.265 yezigidi okanye i-2.57 ekhulwini kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwe-R244.225 yezigidi ngo-2022/23 ukuya kwi-R250.490 yezigidi ngo-2023/24 kungenxa yolwabelo loqeqesho lweenkonzo zoKhuseleko lwaBantwana kunye noBuso bukaRhulumente (ulwabiwo oluphambili olukwiSigqeba soLawulo.). Emva koko uhlahlo lwabiwo-mali lonyuka ukuya kutsho kwi-R253.819 yezigidi ngo-2024/25 kunye ne-R265.712 yezigidi ngo-2025/26.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – Inkqubo yoku 1: Ulawulo

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelani siweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesibaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Esiphicot hiweyo 2019/20	Esiphicot hiweyo 2020/21	Esiphicot hiweyo 2021/22				2022/23	2023/24	2024/25	
1.1 I-ofisi kaMEC	6 148	7 040	7 430	8 588	8 090	8 090	8 741	8 782	9 207	8.05
1.2 Iinkonzo zoLawulo lweQumrhu	145 440	144 349	142 641	149 937	150 517	150 517	157 902	160 965	168 359	4.91
1.3 ULawulo lweSithili	80 424	77 338	91 820	79 560	85 618	85 618	83 847	84 072	88 146	-2.07
Zizonke iintlawulo neengqikelelo	232 012	228 727	241 891	238 085	244 225	244 225	250 490	253 819	265 712	2.57

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – Inkqubo yoku 1: Ulawulo

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo olungundoqo	Ulwabiwo olulungelelanisi weyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Esiphicot hiweyo 2018/19	Esiphicoth iweyo 2019/20	Esiphicot hiweyo 2020/21				2021/22	2021/22	2021/22	
lintlawulo zangoku	212 487	211 942	218 624	221 527	224 408	224 408	233 037	235 689	246 749	3.85
Imbuyekezo yabasebenzi	173 315	175 591	179 604	180 974	183 840	183 840	182 638	184 830	193 886	(0.65)
Iinkonzo neempahla	39 172	36 351	26 831	40 553	40 568	40 568	50 399	50 859	52 863	24.23
Udluliselo nezibonelelo	3 202	4 737	7 277	3 389	8 881	8 881	3 415	3 446	3 604	(61.55)
Kwii-arhente nee-akhawunti zeSebe	2 549	2 824	2 805	2 926	2 998	2 998	3 295	3 446	3 604	9.91
Kumaziko angenzi nzuzo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	
Kumakhaya	653	1 913	4 472	463	5 883	5 883	120	-	-	(97.96)
lintlawulo zee-asethi ezinkulu	15 817	10 799	15 508	13 169	10 024	10 024	14 038	14 684	15 359	40.04
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	15 817	10 799	15 508	13 147	10 024	10 024	14 038	14 684	15 359	40.04
Isoftware nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	-	-	-	22	-	-	-	-	-	-
lintlawulo zee-asethi zemali	506	1 249	482	-	912	912	-	-	-	(100.00)
Zizonke Iindidi zoqoqosho	232 012	228 727	241 891	238 085	244 225	244 225	250 490	253 819	265 712	2.57

5.1.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p>Uphuculo lolawulo lwequmrhu kunye nonikezelo lwenkonzo.</p>	<p>Ukungathotyelwa kweeNPO kwizidingo ezisemthethweni ngexesha lokunikezelwa kwenkxasomali.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uphuculo olufanelekileyo lwenkathalo yeeNPO phambi kokunikezelwa kwenkxasomali (ukuqinisekiswa kwamaxwebhu axhasayo). ● Ukubekwa kweliso okuqhubekayo kweeNPO ngokundwendwela indawo kunye novavanyo lwedeskithophu, uphononongo lwengxelo yemali nenkqubela phambili malunga nokungangqinelani, ukugqibelela, nokuthotyelwa kweenjongo zeprojekthi kwaye ngamanye amaxesha kufuneka ukuba iiNPO zibonelele ngamaxwebhu okuxhasa inkcitho. Uhlolo lwemali yokuhlawula amatyala lwenziwa kunyaka ngamnye.
	<p>Urhwaphilizo - ukukhethelwa bucala/ukukhetha ngokwazana - umdla ongachazwanga onxulumene nokufunwa kwabasebenzi kunye nokukhethwa kunye nokukhohlisa le nkqubo ukuze kukhethwe umgqatswa othile.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Amalungu egqiza atyikitya isibhengezo esinxulumene nako nakuphi na ukungqubana kwemidla okunokubakho (kuquka ubuhlobo okanye abantu abaqhelene nabo ngaphambili). ● Igqiza lokhetho licebisana kwaye lonyule umntu onenjongo (HR) ukuba ahlale kwiqela kwaye athathe inxaxheba kuyo yonke inkqubo yokugaya. ● USihlalo makaqulunqe aze avume uluhlu lwemibuzo yodliwanondlebe enokubakho kwaye igqiza kufuneka livumelane ngemibuzo yodliwanondlebe esebenzayo kanye phambi kodliwanondlebe ukucutha ixesha phakathi kokukhethwa kwemibuzo nokuqhutywa kodliwanondlebe. ● Inkqubo yokugaya nokuKhetha abasebenzi ibandakanya ukumelwa kweNdalela yoLawulo lwaBantu (PMP) ukuqinisekisa ukuba inkqubo ilungile kwaye iqhutywa ngokuchanekileyo. ● Isibhengezo esimalunga nokungqubana kwemidla okunokwenzeka sisayinwe ngamalungu egqiza lodliwanondlebe.

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
	<p>Urhwaphilizo – ukuguqulwa kwenkqubo yeSCM ukuze kuthandwe ukuwongwa kwempahla kunye/okanye iinkonzo kubaniki maxabiso ngaphandle kokulandela inkqubo emiselweyo yokuthenga.</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Intsebenziswano yeenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkono phakathi kwabanikimaxabiso okanye nabaphi na ababoneleli zinkonzo abasele bekho (o.k.t. ubudlelwane obuthe tye) ukuqinisekisa ukuba amabhaso enziwa ngokuxhasa omnye okanye omnye umntu okhuphisana naye ngamaxabiso. ● Ngokufanayo, intsebenziswano phakathi kwamagosa kunye nabanikimaxabiso kunye/okanye ababoneleli zinkonzo abasele bekho ngokwemigaqo yovavanyo lwangaphakathi lwesebe lamaphepha okunika amanqaku, amaxabiso kunye namanqaku okuXhotyiswa okuBanzi kwabaMnyama kwezoQoqosho aye afumaneka ukuze afumane inzuzo engenabulungisa kwinkqubo yokuthengwa kwempahla. 	<ul style="list-style-type: none"> ● Iindaba ezisasazwa kubasebenzi ngeNdlela yokuziPhatha ukuqinisekisa ukuba abasebenzi banolwazi kwaye bayazinqanda izenzo zorhwaphilizo. ● Ulawulo lweSCM lukhona ukuqinisekisa ukuba amagosa eSCM athobela imigangatho yokuziphatha ngokwemigaqo ye-Ofisi kaNondyebo weSizwe. Amagosa eSCM asayina iNdlela yokuziPhatha ngokumalunga noku. ● Isicwangciso esivunywe liSebe leMikhwa eseSikweni kunye noLawulo lweMfezeko kunye nokuzimasa kwabasebenzi boqeqesho ukubethelela ukuziphatha okusesikweni xa besebenza ngentengo. ● Uphononongo lwarhoqo lweenkqubo zokuthenga eziphunyeziweyo kwiikhontrakthi ezinikezelweyo. ● Izibhengezo zezeMali kunye neziBhengezo zoMdlalazi ezigqitywe ngabaqeshwa zaze zavavanywa ligosa lesebe lemigaqo yokuziphatha ukuchonga nakuphi na ukungqubana okunokubakho okanye okucingelwayo komdla ukuze kuphakanyiswe izenzo zolawulo ezinobulungisa nezingenamkhethe zamagosa (ngokukodwa amalungu eeKomiti zokuBiza amaxabiso kunye nabasebenzi beSCM).

5.2 Inkqubo yesi 2: IiNkonzo zeNtlaloNtle

Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkonzo ezihlangeneyo zophuhliso lwentlalontle yoluntu kwabahlelekileyo nababuthathaka ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo lwabasebenzi bolawulo nenkxaso ababonelela ngeenkonzo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 2.2: IiNkonzo kuBantu abaDala

Injongo yeNkqutyana

Ukuyila nokuphumeza iinkonzo ezihlangeneyo zokhathalelo, inkxaso kunye nokukhuselwa kwaBantu abaDala.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
AbaNtu abaDala abahluphekayo, abasesichengen i baphila ubomi obuxakekileyo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.	linkonzo zononophelo lwendawo yokuhlala/izibo nelelo ziyafumaneka kuBantu abaDala.	2.2.1.1 Inani leebhedi ekubonelelwe ngazo kwindawo yokuhlala yamaziko okhathalelo lwaBantu abaDala.	8 819	5 000	4 993	4 993	4 906	4 906	4 906
	Ukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkonzo zenkxaso ziyafumaneka kuBantu abaDala.	2.2.1.2 Inani lenkxasomali edluliselwe kukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkonzo zenkxaso kuBantu abaDala.	16 221	16 396	17 029	13 887	12 396	12 396	12 396
	Iindawo zokuhlala ezincediswayo nezizimeleyo ziyafumaneka kuBantu abaDala.	2.2.1.3 Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko okuhlala ancediswayo nazimeleyo kuBantu abaDala.	718	740	755	740	671	671	671

Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.2.1.1 Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko ahlala aBantu abaDala.	4 906	4 906	4 906	4 906	4 906
2.2.1.2 Inani lenkxaso-mali edluliselwe kukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkonzo zenkxaso kuBantu abaDala.	12 396	12 396	12 396	12 396	12 396
2.2.1.3 Inani leebhedi ezifumana inkxaso kumaziko okuhlala ancediswayo nazimeleyo kuBantu abaDala.	671	671	671	671	671

Ingcaciso yokusebenza ecwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ingqwalasela yeNkqutyana yeyokuxhobisa, ukukhusela nokukhuthaza amalungelo, intlalontle, ukhuseleko nokhuseleko lwaBantu abaDala. ISebe liyaqhubeka nokuzalisekisa isibophelelo salo esisemthethweni ngokoMthetho waBantu abaDala (wama 2006) ukudala imeko evumela ukuba kube lula ukufikelela kwiinkonzo ezixhobisa abantu abaDala ukuba baphile ngendlela enentsingiselo nenemveliso kwiindawo abahlala kuzo. Oku kuhambelana nesiCwangciso sokuPhumeza seminyaka emihlanu seNDP sokubona "iinkonzo necandelo eliHlaziyiweyo lentlalontle yoluntu".

Umgangatho wokhathalelo oluhlanganisiweyo kunye neenkono zenkxaso zokuqinisekisa ukukhuselwa kwaBantu abaDala abasesichengeni kwiPhondo, ziya kuqhubeka zibekwe phambili. La manyathelo alandelayo aza kuphuhliswa, aphunyezwe kwaye/okanye aqhutyelwe phambili kwi-MTEF:

- Ukuphunyezwa ngokuqhubekayo kwemodeli yokucebisa ukunceda amaziko okuhlala angasebenziyo phantsi kwequmrhu loomama, angenawo amandla olawulo oluluqilima kwaye asemngciphekweni wemali;
- Ukubhaliswa kwamaziko ononophelo ahlala aBantu abaDala ababuthathaka phakathi koluntu ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemilinganiselo nemigangatho kunye nokunikezelwa kweenkonzo ezisemgangathweni;
- Inkxaso eqhubekayo yezinye iindlela zokhathalelo kunye neemodeli zenkxaso ezifana nokuphila ngokuzimeleyo kunye nokuphila ngokuncediswa ukuqinisekisa ukhuseleko kunye, nokhetho lokhathalelo lwaBantu abaDala abazimeleyo kunye nabo bafuna uncedo kubomi babo bemihla ngemihla;
- Ukugcina unikezelo lweenkonzo zonyango olusekelwe ekuhlaleni kunye nenkxaso yoluntu ukuze aBantu abaDala bafumane ukhathalelo ngeeyure ezingama 24 kwaye baphile ubomi obudlamkileyo nobunempilo;
- Ufikelelo kwiindawo zokuhlala zokhuselo zeGBV ngabantu abadala abangamaxhoba eGBV, ngentsebenziswano neNkqutyana yokuXhutyiswa kwamaXhoba iza kubekwa phambili; kwaye
- Nokubekw'esweni okuthe gqolo kweendawo zokuhlala ukuqinisekisa ukuthotyelwa okungqongqo kwezithethe nemigangatho.

Inkqutyana 2.3: IiNkonzo kuBantu abaPhila noKhubazeko

Injongo yeNkqutyana

Ukuyila nokuphumeza iinkqubo ezihlangeneyo kunye nokubonelela ngeenkono eziququzelela ukukhuthazwa kwentlalontle kunye nokuxhotyiswa kwezentlalo noqoqosho lwaBantu abaKhubazekileyo.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Iziphumo	IziQhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantu abaPhila noKhubazeko kunye neentsapho zabo kunye/okanye abanonopheli baphila ubomi obusebenzayo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselelweyo nenika inkxaso.	Amaziko okuhlala aBantu abaPhila noKhubazeko ayafumaneka.	2.3.1.1 Inani leebhedl ezifumana inkxasomali ezikwiNPO ezifumana inkxasomali kumaziko ononophelo lwaBantu abaPhila noKhubazeko. ^{19, 20}	1 871	1 673	1 674	1 674	1 647	1 647	1 647
		2.3.1.2 Inani laBantu abaPhila noKhubazeko abaxhamla kumaziko okuhlala eDSD. ^{19, 20}		119	116	110	100	100	100
	linkonzo kwiindibano zocweyo zokhuselo ezixhaswa ngemali ziyafumaneka kuBantu abaPhila noKhubazeko.	2.3.1.3 Inani lenkxasomali edluliselwe kwiindibano zocweyo ezikhuselayo ezibonelela ngeenkono kuBantu abaPhila noKhubazekileyo. ²⁰	2 950	2 863	2 958	2 961	2 655	2 655	2 655
	linkqubo zanonophelo lwasemini ezixhaswa ngemali ekuhlaleni ziyafumaneka kuBantu abaPhila noKhubazeko.	2.3.1.4 Inani lenkxasomali edluliselwe kumaziko ononophelo lwasemini asekelwe ekuhlaleni kuBantu abaPhila noKhubazeko. ²⁰	971	1 003	1 054	1 049	1 033	1 033	1 033

Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.3.1.1 Inani leebhedl ezifumana inkxasomali ezikwiNPO ezifumana inkxasomali kumaziko ononophelo lwaBantu AbaPhila noKhubazeko.	1 647	1 647	1 647	1 647	1 647
2.3.1.2 Inani laBantu abaPhila noKhubazeko abaxhamla kumaziko okuhlala eDSD.	100	100	100	100	100
2.3.1.3 Inani lenkxasomali edluliselwe kwiindibano zocweyo ezikhuselayo ezibonelela ngeenkono kuBantu abaPhila noKhubazeko.	2 655	2 655	2 655	2 655	2 655
2.3.1.4 Inani lenkxasomali edluliselwe kumaziko ononophelo lwasemini asekelwe ekuhlaleni kuBantu abaPhila noKhubazeko.	1 033	1 033	1 033	1 033	1 033

¹⁹ Ezi zalathi zeziqhamo zahlulwa kunyakamali wama 2020/21.

²⁰ These indicators are linked to the MTSF indicator "Number of persons with disabilities receiving personal assistance services support by 2024".

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

ISebe lihleli lizibophelele ekudlaleni indima ephambili ekunikezelweni kweenkonzo kuBantu abakhubazekileyo, iintsapho zabo kunye/okanye abantu ababanonophelayo kunye noluntu apho bahlala khona. Ezi nkonzo zijolise ekukhuthazeni intlalo-ntle, ukuxhotyiswa, isidima, ukhuseleko kunye namalungelo abantu abakhubazekileyo. Ngaphaya koko, iNkqutyana ibeka ugxininiso ekomelezeni intatho-nxaxheba, ukubandakanywa nokwamkelwa kwabantu abakhubazekileyo njengenxalenye yoluntu oluqhelekileyo.

Ngokumalunga nezibophelelo zamaLungelo oLuntu loRhulumente waseNtshona Koloni kubantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abaphila nokhubazeko, la maqela aphambili aphakathi kwawona asemngciphekweni phakathi koluntu ekufuneka amalungelo awo akhuselwe, kunye nemekobume edalwe ukubanceda ukuba baphuhle kangangoko banako. Oku kuhambelana nombala oPhambili wesi 4 weMTSF ehlaziyiweyo yowama 2019-2024 "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenKonzo ezisiSiseko eziThembekileyo neziseMgangathweni". IPhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo wamaLungelo waBantu abaPhila noKhubazeko (Iama 2015) ligxininisa "uPhuhliso lweNtlalo noQoqosho oluBandayo kunye nokuLingana", oluxhaswa nguMgaqonkqubo weNDSD wokuBonelelwa kweenKonzo zoPhuhliso lweNtlalo kuBantu abaPhila noKhubazeko (wama 2017) kunye nesiCwangciso seSebe soLawulo lokuPhila noKhubazeko sowama 2015, esiqinisekisa isidima kunye namalungelo aBantu abaPhila noKhubazeko agcinwe ngokubonelela ngeenkqubo neenkonzo zentlalo noqoqosho.

Iinkqubo kunye neenkonzo ziza kuqhubeka ukunikezelwa ukuqinisekisa ukubandakanywa kunye nokufikelela ngokulinganayo kwiinkqubo kunye neenkonzo. Ezi nkonzo ziquka:

- Ukomelezwa kweenkqubo zononophelo lwasemini ezisekelwe kuluntu kubantu abadala abaphila nokhubazeko kunye nokubekwa emgangathweni kweenkonzo, ukuphucula umgangatho wokhathalelo;
- Ukukhutshwa kubhaliso lwamaziko ononophelo olungagqibelelanga/amaziko okhathalelo lwasemini kubantwana abaphila nokhubazeko kuza kuqhubeka ukuphumeza isigunyaziso somthetho weSahluko sesi 5 soMthetho waBantwana;
- Zinzisa inkxaso kwiMibutho yeNkonzo yabaphila noKhubazeko kunye neMibutho yaBantu abaPhila noKhubazeko ebonelela ngeenkonzo zentlalontle yophuhliso kubaNtu abaPhila noKhubazeko, iintsapho zabo kunye/okanye abantu ababanonophelayo;
- Ukubonelela ngesikhokelo kunye nenkxaso kumaziko ononophelo lwasemini kunye namaziko okhathalelo lweeyure ezingama 24, kubantwana abakhubazekile kakhulu ngokwasengqondweni, kunye nabantu abadala abaphila nokhubazeko ukuqinisekisa ukuthotyelwa kweMigangatho ePhantsi kwiZibonelelo zokuHlala zaBantu abaPhila noKhubazeko;
- Ukuqhubeka nokubonelela ngenkxaso nesikhokelo kwiindibano zocweyo ezikhuselayo zokuphucula ubonelelo ngenkonzo;
- Imibutho yenkxaso yabazali kubazali babantwana abakhubazekileyo, ngentsebenziswano necandelo leeNPO;
- Ubonelelo ngeenkonzo zoluleko nenkxaso ngokwasengqondweni kuBantu abakhubazekileyo nakumalungu oluntu;
- Ukwandiswa kwendawo yokulala ekhoyo yabantwana abakhubazekileyo abakwenye indawo yokhathalelo kwiiCYCC zeeNPO; kunye
- Ukusatyalaliswa kwangaphakathi koXhotyiso lwabaPhila noKhubazeko neModeli yoLungelelwaniso.

Inkqutyana 2.4: I-HIV ne-AIDS

Injongo yeNkqutyana

Luyilo kuze kuzalisekise iinkqubo zokhathalelo ezisekelwe kuluntu ezihlangeneyo kunye neenkonziso ezijolise ekudambiseni ifuthe lentlalontle noqoqosho lweNtsholongwane kaGawulayo (HIV) kunye noGawulayo.

UGxininiso lweNkqubo

Ungenelelo ngoncedo lweHIV/AIDS kunye nohlahlo lwabiwomali zidityanisiwe kwinkqubo yoLolongo noKhuseleko lwaBantwana.

Inkqutyana 2.5: UHlangulo loLuntu

Injongo yeNkqutyana

Kukusabela kwiimfuno ezingxamisekileyo ezichongiweyo kuluntu oluchatshazelwe ziintlekele ezingachazwanga, kunye okanye nayiphi na enye imeko yentlalo ekhokelela kubunzima obungafanelekanga.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziphumo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Amatyala obunzima obungafaneleka nga avavanyiweyo.	2.5.1.1 Inamba yamatyala obunzima obungafaneleka nga (izindlu) avavanyiweyo.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	1 073	1 073	1 073	1 073
	Amatyala entlekele avavanyiweyo.	2.5.1.2 Inani lamatyala entlekele (izindlu) avavanyiweyo.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	945	945	945	945
Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilontle yalo.	libhokisi zemiqulu yemiqamelelo yamabhinqa ezithunyelwa kwizikolo ezichongiweyo nezibonelelo.	2.5.1.3 Inani leebhokisi zemiqulu yemiqamelelo yamabhinqa ezithunyelwe kwizikolo ezichongiweyo nezibonelelo. ²¹	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	26 215	26 215	27 526	28 902

Izalathisi zesiQhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.5.1.1 Inani lamatyala anobunzima (izindlu) avavanyiweyo.	1 073	274	283	258	258
2.5.1.2 Inani lamatyala entlekele (izindlu) avavanyiweyo.	945	228	239	249	229
2.5.1.3 Inani leebhokisi zeepakethi zemiqamelelo yamabhinqa ezithunyelwe kwizikolo ezichongiweyo nezibonelelo.	26 215	-	-	-	26 215

²¹ Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Ipesenti yabasetyhini namantombazana angathathi ntweni kumanqanaba entlupheko loku 1, elesi 2 nelesi 3; izikolo zasezifama nezikolo zemfundo enezidingo ezizodwa; likholeji zeTVET kunye neeyunivesithi zikarhulumente zifumana imiqamelelo yabasetyhini simahla".

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukuqinisekisa ukuba abantu, iintsapho kunye noluntu luyafikelela kwiinkonzo zoncendo loluntu, iNkqutyana iya kuqhubeka, ngokoMthetho woNcedo lweNtlalo (wama 2004 njengoko ulungisiwe) kunye noMthetho woLawulo lweNtlekele (wama 2002 njengoko ulungisiwe), ukuququzelela ukufikelela kuluntu olubanzi ngongenelelo loncedo lovavanyo nokudluliselwa kwiinkonzo ezifanelekileyo ngamaxesha entlekele kunye nobunzima obungafanelekanga. Ezi nkonzo zibandakanya ukufikelela kwinkxaso yengqondo nentlalontle, uncedo lokutya kunye neenkono zoncendo loluntu ezilawulwa yi SASSA (uncedo lwethutyana lwemali/uncedo lwempahla).

Le nkqutyana ilungelelaniswe nombala oPhambili wesi 4: “Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkono eziziseko eziThembelekileyo neziseMgangathweni” zeMTSF yowama 2019 ukuya kuma 2024, ebonelela ngoncedo lohlangulo loluntu kwi mbandezelo kumakhaya/kwiintsapho ezithwaxwa bubunzima obungafanelekanga kunye/okanye ezichatshazelwa ziintlekele. Kubalulekile ukuba ezi ntsapho zifikelele kwinkxaso yengqondo kunye nenkxaso yemali efunekayo eya kunceda ekuphuculeni amandla abo okumelana nokomelela kweentsapho zabo. Inkqutyana ihambelana nomxholo wesiCwangciso soBuyiselo lweNtlalontle ngokomelela kosapho lwayo kunye nokugxila kumaLungelo oLuntu.

Iziphumo ezihlala zihleli zobhubhane weKHOVIDI-19 zisaqhubeka ukuba nefuthe elibi ekuhlaziyeni uqoqosho, zichaphazela ukhuseleko lwemisebenzi kunye nentswelangqesho - izinto ezinegalelo ekungakwazini kwamakhaya ukuziphilisa. I-DSD iza kusebenzisana neSASSA kunye nezinye ii-arhente zikarhulumente, ukuqinisekisa ukuba abantu abafanelekileyo, iintloko zemizi neentsapho banokunxulunyaniswa nezibonelelo zohlangulo loluntu kwiimbandezelo, iprojekthi yeDSD elungelelanisiweyo yepasile yokutya kunye nenkxaso yengqondo eyimfuneko, umonzakalo kunye neenkono zokucebisa ngentlalontle abasebenzi kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu.

Imimandla engundoqo ekugxilwe kuyo kumsebenzi wohlangulo okhokelwa yiDSD iquka indlela yokwenziwa kwezigaba ngokusekwa kwe Cape Winelands Local Humanitarian Relief Workstream. Ucwangciso lwesigaba sothethathethwano nabachaphazelekayo sele luqalisile, ngokuvunywa kweMigaqo yoKhuselo (TOR) ukuba ilandele. Le yokugqibela ijolise ekuqinisekiseni indlela elungelelanisiweyo nedibeneyo yokuphumeza ungenelelo lwendlela yokusebenza. Ukongeza, ukuxhotyiswa kwawo onke amagosa ommandla ngokunxulumene nezikhokelo zomgaqonkqubo wohlangulo loluntu kunye nenkqubo yokuphucula umgangatho, ukufikeleleka kunye nozinzo lwamangenelo kumaqela asemngciphekweni ngaphakathi kwemizi. Olu ngenelelo lubalulekileyo luza kwandiswa ukuze luqoke ezo ndawo zichongwe ngokwesicwangciso soBuchule soKhuseleko, kunye neendawo zasemaphandleni ezichatshazelwa kakhulu ziziganeko zeentlekele, kubandakanywa imbalala.

IProjekthi yeSanitary Dignity ijolise ekulondolozeni intlalontle, impilo, isidima kunye nokuzithemba kwabafundi ababhinqileyo. Le projekthi iza kuqhubeka nokubonelela ngeemveliso zemiqamelelo yococeko kumantombazana nakumabhinqa aselula afunda kwizikolo ezichongiweyo zeWCED ezibandakanya onke amanqanaba entlupheko, kwakunye neeCYCC zeDSD nezixhaswa ngemali kwiphondo liphela.

5.2.1 lingqwalasela zezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kwama R52.219 ezigidi okanye isi 4.89 ekhulwini kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwe R1.067 lezigidigidi ngowama 2022/23 ukuya kwi R1.119 lezigidigidi ngoama 2023/24 kungenxa yolwabiwo lwezibonelelo zempilo yengqondo ezikhuselekileyo, kuBuso bukaRhulumente (ulwabiwo oluphambili olukwiSigqeba soLawulo), Ukwandiswa kweNkqubo yobuzali kunye nokuzaliswa kwezithuba ezibalulekileyo. Ulwabiwo lohlahlomali lunyuke lwaya kutsho kwi R1.159 lebhiliyoni ngowama 2024/25 kunye ne R1.189 yebhiliyoni ngowama 2025/26.

Isishwankathelo seentlawulo kunye noqikelelo – Inkqubo yesi 2: liNkonzo zeNtlalontle yoLuntu

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungele-lwanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Okuphico thiweyo 2019/20	Okuphico thiweyo 2020/21	Okuphico-thiweyo 2021/22				2022/23	2023/24	2024/25	
2.1 ULawulo neNkxaso	506 910	523 989	580 287	588 620	605 510	605 510	649 420	644 562	663 817	7.25
2.2 liNkonzo kuBantu aboDala	258 515	268 430	259 544	245 570	246 095	246 095	245 903	256 401	268 462	(0.08)
2.3 liNkonzo kuBantu aboPhila noKhubazeko	181 690	195 224	198 453	191 733	198 905	198 905	209 210	243 326	240 789	5.18
2.5 UHlangulo loLuntu	13 705	4 506	12 208	14 217	16 565	16 565	14 761	15 331	16 045	(10.89)
Zizonke iintlawulo neengqikelelo	960 820	992 149	1 050 492	1 040 140	1 067 075	1 067 075	1 119 294	1 159 620	1 189 113	4.89

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi lwezoqoqosho – Inkqubo yesi 2: liNkonzo zeNtlalontle yoLuntu

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungele-lwanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Okuphico thiweyo 2019/20	Okuphico thiweyo 2020/21	Okuphico-thiweyo 2021/22				2022/23	2023/24	2024/25	
Iintlawulo zangoku	529 300	531 331	604 074	615 092	636 515	636 515	687 514	683 113	704 228	8.04
Ibuyekezo yabasebenzi	457 136	469 275	524 166	529 437	545 404	545 404	568 900	573 032	589 086	4.34
Iimpahla neenkonzo	72 164	62 056	72 965	85 655	91 111	91 111	118 614	110 081	115 142	30.19
Udluliselo nezibonelelo	410 049	430 612	422 936	396 829	397 178	397 178	400 831	419 164	439 061	0.87
Kwii-arhente nee-akhawunti zesebe	1	1	3	4	4	4	7	7	7	75.00
Kumaziko angenzi nzuzo	409 233	428 020	416 149	390 862	392 728	392 728	400 348	418 659	438 533	1.94
Kwizindlu	815	2 591	6 784	5 963	4 446	4 446	476	498	521	(89.72)
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	21 471	30 206	23 482	28 219	33 382	33 382	30 949	57 343	45 824	(7.29)
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina	-	173	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	21 471	30 033	23 482	28 219	33 382	33 382	30 949	57 343	45 824	(7.29)
Iintlawulo zee-asethi zemali	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke iindidi zoqoqosho	960 820	992 149	1 050 492	1 040 140	1 067 075	1 067 075	1 119 294	1 159 620	1 189 113	4.89

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali ziza kuqhubeka zilungelelaniswe ngeyona ndlela yoqoqosho, isebenzayo nefanelekileyo phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana, ukulingana okusebenzayo nokufanelekileyo phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kweenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iza kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwomali kwiMTEF:

- Ukuphunyezwa kwesigwebo senkundla malunga nabaNtu abaPhila noKhubazeko ngokwasengqondweni - kubandakanywa nenkxasomali exhasa ezothutho;
- Ubonelelo ngenkxasomali eyongezelelweyo kunye nokwandiswa kwabasebenzi bezonyango eSivuyile; kunye
- Nokuphunyezwa kweProjekthi yeSanitary Dignity.

5.2.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p>Abantu abadala abahluphekayo, abasesichengeni baphila ubomi obudlamkileyo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.</p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoMthetho wabaNtu abaDala (13/2006).</p> <p>Unyino ekunikezelweni kweenkonzo ezisebenzayo kubaNtu abaDala, ezifana nokungabi nabongi abaqeqeshwe ngokufanelekileyo kunye nabongi abaqeqeshiweyo abasebenza kumaziko okuhlala.</p> <p>Ukungqongophala kolona nonophelo lusekelwe eluntwini kunye neenkonzo zenkxaso ezinikezelwayo ngenxa yokuhla kohlahlo lwabiwomali kunye nomngcipheko wokuvalwa ngokupheleleyo kweenNPO.</p> <p>Ukungqongophala kwezakhono ezaneleyo zokuphunyezwa kweenNPO ngokwemiqathango yemimiselo nemigangatho.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kunye nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Inkqubo zokuphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho. ● Uthethathethwano lwaminyaka le nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuqonda kunye nokuthobela izithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho. ● Ukubeka iliso kumaziko kunye neenkonzo kwanokuphunyezwa kwenkqubo, kubandakanywa novavanyo lwe desktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano nge-intanethi. ● Ukubekwa phambili kweenkonzo ezisisiseko kumaziko eenkonzo zabaNtu abaDala.
<p>AbaNtu abaPhila noKhubazeko kunye neentsapho zabo kunye/okanye abanonopheli baphila ubomi obusebenzayo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.</p>	<p>Unyino ekunikezelweni kweenkonzo ezisebenzayo kubaNtu abaPhila noKhubazeko.</p> <p>Ukungoneli kwezibonelelo neenkonzo zabantu abanengxaki yempilo yengqondo.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Iisenokukhokelela kuxinzelelo kwiSebe ngokufakwa kwindawo enokungafaneleki.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kwaye abaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uthethathethwano ne DoH&W ngemiba enxulumene nelayisenisi ngokubhekiselele kumaziko okuhlala anje ngezibonelelo zabantwana/abadala abakhubazeke ngokwasengqondweni.

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
	<p>Ukuxhomekeka kumaqela aphakathi kwamacandelo kunye naphakathi kwamacandelo kwinkqubo yokubhaliswa kwamaziko ononophelo lwethutyana kubantwana abaphila nokhubazeko.</p> <p>Ifuthe: Ukungathotyelwa kweemfuneko zomthetho.</p> <p>Amaziko okuhlala angabhaliswanga kunye neendawo zononophelo lwethutyana.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uthethathethwano oluqhubekayo neDoH&W malunga nemiba enxulumene nelayisenisi ngokubhekiselele kuncedo lwabantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni ngokuthobela uMthetho woKhathalelo lweMpilo ngokwaseNgqondweni. ● Unxibelelwano oluthe gqolo kunye neDoH ekubekweni ngokufanelekileyo kunye nokukhathalelwa kwabantu abaneengxaki zempilo ngokwasengqondweni.
<p>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</p>	<p>Inkxasomali enyiniweyo yeeNPO ezibonelela ngeenkonzozo zololongo nenkxaso kubaNtu abaPhila noKhubazeko kunye neentsapho zabo.</p> <p>Ifuthe: Ukufikelela okulinganiselweyo kwiinkonzozo zokhathalelo nenkxaso ngabantu abaphila nokhubazeko kunye neentsapho zabo.</p> <p>Ukungathotyelwa kweemfuneko zomthetho woHlangulo loLuntu ngokunxulumene noNcedo loLuntu kunye neenkqubo ezixhasayo kunye neSOP.</p> <p>Ukunyuka kwesidingo soncedo loluntu ngokunxulumene neentlekele ezibhengezwe kuzwelonke, zephondo kunye/okanye zesithili (umzekelo, ubhubhane weKHOVIDI-19, imbalala, izikhukula, imililo kunye/okanye ukuqhambuka koMkhuhlane we-Avian).</p> <p>Ifuthe: Umgangatho wobomi obusesichengeni kumakhaya asemngciphekweni ngenxa yokungafikeleli kwizibonelelo zohlangulo loluntu.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Bonke ubudlelwane babathathi nxaxheba bulawulwa ngokuhambelana neSakhelo soLawulo esivunyiweyo yabaChaphazelekayo. ● IziVumelwano zokuQondana kunye nezivumelwano zenqanaba lenkonzo zikhona kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ukuphucula umgangatho wobudlelwane kunye nempumelelo yeenjongo zesebe ezifanelekileyo. ● Ukuchongwa kunye nokuhlenganiswa kothungelwano olungekho phantsi kukarhulumente yokhathalelo lokunceda i-ajenda yokuhlangua uluntu.
<p>Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilontle yalo.</p>	<p>Ulwaphulo lokhuseleko kwindawo yolondolozo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Abasebenzi bokhuseleko basasazwe kuzo zonke iindawo zokungena kwindawo yolondolozo. ● Ukuqinisekiswa kwenani elivunyiweyo leebhokisi ezifunyenwe kumthengisi zaza zathunyelwa yinkonzo yesigidimi. ● Amanqanaba oluhlu lwempahla ayahlolwa angqinisiswe ngokuchasene neebhokisi ezingenayo nezithunyelweyo zeepakethi zemiqamelelo yamabhinqa.

5.3 INkqubo yesi 3: ABantwana neeNtsapho

Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkono ezigqibeleleyo zokhathalelo lwabantwana neentsapho kunye nenkxaso kuluntu ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

Inkqutyana 3.1: ULawulo neNkxaso

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo zabasebenzi bolawulo nenkxaso ababonelela ngeenkono kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 3.2: UKhathalelo neeNkono kwiiNtsapho

Injongo yeNkqutyana

Iinkqubo kunye neenkono zokukhuthaza iintsapho ezisebenzayo kunye nokuthintela ubuthathaka kwiintsapho.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo		Ixesha leMTEF	
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwiindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iinkono zokuhlanganyiswa kosapho ziyafumaneka kwiintsapho ezichaphazelekayo.	3.2.1.1 Inani lamalungu osapho aphinde adibana neentsapho zawo. ²²	598	514	602	550	550	550	550
	Iibhedlwa ezixhaswa ngemali kwiindawo zokuhlala zabantu abadala abange namakhaya ziyafumaneka kubantu abadala abazifunayo.	3.2.1.2 Inani leebhedlwa kwiindawo zokuhlala ezikhuselekileyo kubantu abadala abange namakhaya.	1 499	2 031	2 208	2 500	2 398	2 398	2 398
	Ulonolozo lweentsapho neenkono zenkxaso ziyafumaneka kwiintsapho ezichaphazelekayo.	3.2.1.3 Inani leentsapho ezithatha inxaxheba kwiinkono zolondolozo nenkxaso.	21 034	14 471	19 563	18 000	18 000	18 500	18 550

Izalathisi zeziqhamo: Ekujolise kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.2.1.1 Inani lamalungu osapho oluhlanganyiswe neentsapho zalo.	550	137	137	137	139
3.2.1.2 Inani leebhedlwa kwiindawo zokuhlala ezikhuselekileyo kubantu abadala abangenamakhaya.	2 398	-	-	-	2 398
3.2.1.3 Inani leentsapho ezithatha inxaxheba kwiinkono zolondolozo nenkxaso.	18 000	4 330	4 520	4 520	4 630

²² Esi salathiso sibala inani labantu abadala abakumaziko okhuseleko afumana inkxaso-mali kwiDSD kwabo bangenamakhaya abathe babuyiselwa kwiintsapho zabo.

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Le Nkqutyana igxile ekugcineni nokomeleza impilontle yeentsapho. Oku kuquka ukukhuthazwa, inkxaso kunye nokuxhotyiswa kweentsapho ezifuna ukukhathalelwa, ukwakha iintsapho ezikwaziyo ukumelana neemvakalelo nezisebenza kakuhle kwiindawo ezihlala kuzo, nokuqinisekisa ukuba abantwana bayakhathalelwa kwaye bakhuselekile. Inkqutyana ikwabonelela ngeenkonzo zokumanyaniswa kunye nokumanyaniswa kwabantu abadala abangenamakhaya ukuze babadibanise neentsapho zabo.

IPhepha leNgcaciso yoMthetho asaYilwayo kwiiNtsapho (Iama 2013) ligxininisa ukubaluleka kwamangenelo osapho aphakamisa impilontle yosapho, omeleze kwaye axhase iyunithi yosapho. Iintsapho ezomeleleyo ziphucula amathuba obomi belungu ngalinye losapho; kungoko iNkqutyana ikwaxhasa indawo ekugxilwe kuyo "Abantwana neentsapho" yePSP kunye nemixholo yoKhuseleko neNtlalontle yesiCwangciso soBuyiselo. Njengenxalenye yalo msebenzi, iNkqutyana ixhase ukuphunyezwa kwesiCwangciso sokuQinisa iiNtsapho zoRhulumente waseNtshona Koloni kwaye ibe sisixhobo sokuyila izithethe nemigangatho yeenkqubo zobuzali ezinobungqina bolwazi olusabelayo kwimeko yeNtshona Koloni.

Inkqutyana ikwabonelela ngeenkonzo zePEI ezisekelwe eluntwini kunye neenkonzo zokubuyiselwa eluntwini. Ezi nkonzo zisekelwe kuluntu zibandakanya iinkonzo zemihla ngemihla ezenziwayo kunye nezonyango (iinkqubo ezisisiseko zokhuseleko kunye nezakhono zobomi) kubantwana neentsapho zabo ngeModeli kaRisiha. Ukongeza, amaZiko eDrop-in iza kubonelela ngeenkonzo ezisisiseko, ngokukhuthazwa kgcino lweentsapho kunye neenkonzo zokuhlanganiswa kwakhona, ezijolise ekuhlangabezeni iimfuno zophuhliso ngokwasemoyeni, ngokwasemzimbeni nezentlalo zabantwana abasemngciphekweni.

Inkqutyana 3.3: UKhathalelo lwaBantwana noKhuseleko

Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokusebenzisa iinkqubo ezihlangeneyo kunye neenkonzo ezibonelela ngophuhliso, ukhathalelo nokhuseleko lwamalungelo abantwana.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iinkonzo zokugcinwa kwabantwana abangenabani ziyafumaneka kubantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko.	3.3.1.1 Inani labantwana abafakwe kwiindawo zolonophelo zenkuliso.	3 478	2 892	3 492	2 936	2 936	3 106	3 106
	Iinkonzo zokuhlanganiswa kwakhona ziyafumaneka kubantwana abachaphazelekayo, iintsapho zabo kunye nabongi abakunye nabo.	3.3.1.2 Inani labantwana abahlanganisiwe kwakhona neentsapho zabo okanye abanonopheli abakhethiweyo.	352	238	280	297	119	123	128
	Iimfuno noqeqesho lwabazali luyafumaneka kubazali nabanonopheli abachaphazelekayo.	3.3.1.3 Inani labazali nabanonopheli abathe bagqiba iimfuno noqeqesho lobuzali.	3 251	1 972	3 035	3 110	3 110	3 110	3 110

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nankekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.3.1.1 Inani labantwana abafakwe kwiindawo zanonophelo zenkuliso.	2 936	618	787	796	735
3.3.1.2 Inani labantwana abahlanganise kwakhona neentsapho zabo okanye abanonopheli abakhethiweyo.	119	27	29	32	31
3.3.1.3 Inani labazali nabanonopheli abathe bagqiba imfundo noqeqesho lobuzali.	3 110	752	816	771	771

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukhathalelo nokhuseleko lwabantwana luxanduva olusemthethweni lweSebe olusetyenziswa ngokumiselwa koMthetho waBantwana (wama 2005). Isigunyaziso seDSD kukubonelela ngenkathalo, inkxaso neenkonziso eziqhubekayo kubantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko. Oku kukuqinisekisa ukuba aba bantwana babonelelwa ngamathuba okuphumelela, ngokuxhasa ukukhula kwabo, intlalontle, ukhuseleko kunye nokuphepha ukuchanabeka kwiingozi ezinokunyhasha amalungelo abo abantwana.

Ukusukela oko olona gunyaziso lowisomthetho lweSebe luhlala kule nkqutyana, lifuna ukuphunyezwa ngokupheleleyo kweemfuno ezisisiseko zoMthetho waBantwana (wama 2005), oqinisekisa ukubekwa kweliso okusebenzayo kwazo zonke iinkonziso ezisemthethweni, kunye nokukhuthazwa nokukhuselwa kwamalungelo abantwana. Oku kulungelelaniswa ngokuthe ngqo neMTSF yama 2019-2024 ePhambili yesi 4 ehlaziyiweyo: "UkuDityaniswa noMvuzo weNtlalo ngeenkonzo ezisisiseko eziThembekileyo neziseMgangathweni". Iintsapho ezomeleleyo, abantwana abakhathalelwe kakuhle kunye nabazali, abanonopheli kunye/okanye abagcini abafikelela ngokufanelekileyo kwiinkonziso zenkxaso basisiseko sabantu abaxhotyisiweyo kwaye yamkelwa kwindawo ekugxilwe kuyo "Abantwana kunye neentsapho" yePSP kunye neNtlalontle. Umxholo wesiCwangciso soBuyiselo.

Ugxininiso lweNkqutyana ngokuhambelana noMthetho waBantwana (wama 2005), luthintelo, ungenelelo lwangethuba, olusemthethweni, umanyano kunye neenkonziso zokhathalelo lwasemva kwexesha. Iinkonziso zothintelo zibandakanya uxanduva lwabazali kunye namalungelo, kunye nemfundo yoluntu (ejolise kuxanduva loluntu kunye noxanduva lokuxela ukuphathwa gadalala kwabantwana ukuthintela impathombi kubantwana, ukungahoywa kunye nokuxhatshazwa), iza kuqhubeka ibekwe phambili. Iinkonziso zongenelelo kwangethuba ezifana neenkqubo zophuhliso lolutsha, iinkqubo zokuchasa ubundlavini/ukungaxhatshazwa, ukucetyiswa ngomothuko nokufelwa kunye nokhathalelo lwexeshana olukhuselekileyo luza kunikezelwa kubantwana abasemngciphekweni.

Iinkonziso zokukhuliswa komntwana ongengowakho ziza komelezwa ngokufezekiswa ngokupheleleyo kwesiCwangciso soLawulo loKhathalelo lwaBantwana abaNgenabani kunye necandelo le 125 loMthetho waBantwana (wama 2005), ojolise ekunciphiseni ixesha lokuguqulwa kokufakwa kwenkathalelo kunye nokwandiswa. Ukusebenza kakuhle kwale nkonzo kuphuculwe ngumnatha osekelwe kwiNkqubo yoBeko liso loKhathalelo lwaBantwana abaNgenabani, eqhubekayo ukunika iSebe iinkcukacha eziphilayo zabantwana abakhuliswe ngabanye abazali kunye nezilumkiso zemiyalelo zokhathalelo oluthe lwapheliswa okanye oluza kuphelelwa ngokukhawuleza. Iinkqubo zololongo lwethutyana kunye nenkxaso nokumanyaniswa kunye neenkonziso zokhathalelo lwasemva kwexesha ziza kuphunyezwa kubantwana abaphuma kukhathalelo olulolunye. Izithethe nemigangatho (ngokuthobela uMthetho waBantwana) ziza kuphunyezwa ngokubeka iliso kwindlela yokusebenza kwicandelo leeNPO.

Le nkqutyana iya kuqhubeka ibonelela ngoqeqesho kubasebenzi benkonzo yentlalontle kwimiba enxulumene nokuphunyezwa koMthetho waBantwana (2005) kwaye isebenze kwiphaneli yephondo neyengingqi yophononongo lokubhubha komntwana ngokusebenzisana nabachaphazelekayo abafanelekileyo kwi-DoH&W, kumaziko emfundo ephakamileyo, iSAPS kunye neSebe lezoBulungisa. Iinkqubo yobuzali esekelwe kubungqina (o.k.t, iSinovuyo Caring Families Programme yaBazali nabasaFikisayo) yaqalwa yaze yaphunyezwa ngoonontlalontle beDSD ngowama 2022. Ngowama 2023, kuza kugxilwa ekuqhubeni ukuqaliswa kwenkqubo elungelelanise nemeko yaseNtshona Koloni, kulandela uvavanyo lolingelo. Ngaphaya koko, inkqubo yokudluliselwa phakathi kwawo

onke amanqanaba eenkonzo zokhuselo lwabantwana, enegalelo kwinkqubo yoMthetho oYilwayo wesiHlomelo waBantwana, iza komelezwa.

Inkqutyana 3.4: I-ECD noKhathalelo olungaGqibelelanga

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngeenkonzo ezibanzi zophuhliso lwabantwana abasaqalayo.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenze nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Amaziko e-ASC abhalsiwe.	3.4.1.1 Inani lamaziko oKhathalelo lwaseMva kweSikolo (i-ASC).	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi Esitsha	80	80	80

Izalathisi zeziqhamo: ekujolise kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.4.1.1 Inani lamaziko oKhathalelo lwaseMva kweSikolo (i-ASC).	80	-	-	-	80

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

linkqubo kunye neenkonzo ezibonelelwa kumaziko e-ASC zibalulekile ekukhuthazeni ulutsha, usapho nophuhliso loluntu oluhle. Ezi nkqubo kunye neenkonzo zibandakanya, inkxaso yezifundo, ingcebiso, isondlo kunye nemisebenzi eyenziwa emva kokufundisa ukuxhasa uphuhliso lwentlalo, imvakalelo, ngokomzimba, ingqiqo kunye nemfundo yabantwana kunye nolutsha kwindawo ekhuselekileyo, ephantsi kolawulo kunye nokukhusela. Ukongeza, iSebe libhalisa amaziko ononophelo lwaseMva kwexesha ngokwemigaqo nemigangatho ngokuhambelana neSahluko sesi 5 soMthetho waBantwana, wama 38 wonyaka wama 2005.

Inkqutyana 3.5: AmaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngokhathalelo olulolunye kunye nenkxaso kubantwana abasemngciphekweni.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	linkonzo zokhathalelo lwendawo yokuhlala ziyafumaneka kubantwana abadinga olunye ukhathalelo.	3.5.1.1 Inani leebhedl eziphumana inkxasomali kwiiCYCC eziphumana inkxasomali ngokoMthetho waBantwana.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi Esitsha	2 288	2 288	2 288
		3.5.1.2 Inani labantwana kwiiCYCC zabo ngokoMthetho waBantwana.	690	620	619	500	450	450	450

Izalathisi zeziQhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.5.1.1 Inani leebhedi ezifumana inkxasomali kwiiCYCC ezifumana inkxasomali ngokoMthetho waBantwana.	2 288	2 288	2 288	2 288	2 288
3.5.1.2 Inani labantwana kwiiCYCC zabo ngokoMthetho waBantwana.	450	300	50	50	50

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Le Nkqutyana iqinisekisa ukuphunyezwa kwembopheleleko yeSebe ekuboneleleni ngeenkqubo zolongo nenxaso kubantwana abasemngciphekweni abadinga ukhathalelo nokhuseleko, ngokoMthetho waBantwana (icandelo le191), ngokubonelela aba bantwana ngendawo ekhuselekileyo kumaziko okuhlala kunye nokufikelela kuthotho lokhathalelo ukuhlangabezana neemfuno zabo. Oku kulungelelaniswa nokuPhambili kwesi 4: "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzo ezisiSiseko ezithembekileyo nezisemgangathweni", kunye nemixholo yesiCwangciso soBuyiselo soKhuseleko neNtlalontle.

Ugxininiso lweNkqutyana kukuqinisekisa ukuba abantwana abadinga ukhathalelo kunye neenkonzo zokhuselo, babonelelwa ngenkqubo ezininzi kunye nemodeli yenkonzo yeengcali kunye nongenelelo olufanelekileyo lophuhliso, lonyango nololonwabo ukuze ekugqibeleni bakwazi ukubuyiselwa kwabo kusapho lwakhe kunye noluntu. Ezi nkqubo neenkonzo zibonelelwa ziiCYCC zeSebe, ngokuhambelana nezithethe nemigangatho ngenxaso yobuchule ebekwe kwindawo eyodwa, uvavanyo, uqeqesho kunye neenkqubo zokuhlala umgangatho kunye nokubhaliswa nokuhlaziya kokubhaliswa kwazo zonke iiCYCC kwiphondo. Ulawulo olululo lweendawo ezibekwe kwindawo enye kunye nezicelo zovavanyo lwabo bonke abantwana abakwindawo yokuhlala eyenye yokhathalelo zikhona kwaye zigcinwe ukuqinisekisa ukungena kwinkqubo echanekileyo. Ngaphaya koko, igqiza elimiselweyo phakathi kwamasebe elijongene nemingeni yokuziphatha ngenxa yeemfuno zengqondo libonakalise ukuxabiseka kuphuhliso lweziCwangciso zoPhuhliso lomntu ngamnye ezisebenza ngakumbi kubantwana.

Ngokuthobela isigwebo senkundla yeNAWONGO, iSebe liphumeze ukongezwa kwenkxasomali kwiiNPO ezihlalisa abantwana abakhubazekileyo ezifumana inkxasomali ukukhulisa amandla abo okujongana neemfuno zabantwana abakhubazekileyo.

Inkqutyana 3.6: IiNkonzo zoKhathalelo eziSekelwe kuLuntu zaBantwana

Injongo zeNkqutyana

Kukubonelela ngokhuseleko, inkathalo nenxaso kubantwana abasemngciphekweni ekuhlaleni.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iziza eziphumeza inkqubo e Dityanisiweyo yeRisiha exhaswa ngemali.	3.6.1.1 Inani leziza eziphumeza inkqubo eDityanisiweyo yeRisiha exhaswa ngemali.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi Esitsha	26	26	26

Izalathisi zesiqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.6.1.1 Inani leziza eziphumeza inkqubo eDityanisiweyo yeRisiha exhaswa ngemali.	26	-	-	-	26

Ingcaciso yokusebenza okucwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

INkqutyana igxile ekuqinisekiseni ukuba iinkonzo zongenelelo lokhathalelo nokhuseleko ezisekelwe kuluntu kubantwana abasemngciphekweni zibonelelwa ngabasebenzi abaqeqeshiweyo bokhathalelo lwabantwana nolutsha abagaywa kwiindawo ezifanayo apho kuhlala abantwana neentsapho ezisemngciphekweni. Abasebenzi abaqeqeshelwe ukukhathalela abantwana nolutsha baza kugxila ekuphumezeni iinkqubo zePEI ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni, ukukhuthazwa kosapho, iinkqubo zonyango, ukudityaniswa kwakhona, ukulamla kunye neenkono zocino lweentsapho.

Amangenelo eNkqubo alungelelaniswe nokuPhambili kwesi 4: "Ukuhlanganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkono ezisiseko eziThembekileyo neziLungileyo", ezingqamanisa umxholo woKhuseleko lwesiCwangciso soBuyiselo, ngokubonelela ngokhathalelo lophuhliso nenkxaso kubantwana neentsapho ezisesichengeni.

5.3.1 Iingqwalasela zezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kwe-R28.057 yezigidi okanye i-6.18 ekhulwini kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwama R454.019 ezigidi ngowama 2022/23 ukuya kuma R482.076 ezigidi ngowama 2023/24 kungenxa yenkxasomali eyongezelweyo efunyenwe kwiiNkonzo zoKhuseleko lwaBantwana yokuqeqesha abazali bokhuseleko babantwana abaphila nokhubazeko, ukuqhubeka noqeqesho lwabasebenzi abancedisayo beCYCC, inkxasomali yeendawo zokulala kwiiCYCC zeeNPO kunye nokwandiswa kweNkqubo yaBazali. Uhlahlo lwabiwomali lunyuke lwaya kutsho kuma R475.384 ezigidi ngowama 2024/25 nama R499.705 ezigidi ngowama 2025/26.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – Inkqutyana yesi 3: ABantwana neeNtsapho

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluPhambili	Ulwaviso olulungele Lwanisi weyo	Uqikelelo oluhlaziweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziweyo
	Esiphico thiweyo 2019/20	Esiphico thiweyo 2020/21	Esiphico thiweyo 2021/22	2022/23	2022/23	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2022/23
3.1 ULawulo neNkxaso	2 434	2 657	4 533	5 125	4 979	4 979	4 500	4 556	4 779	(9.62)
3.2 UKhathalelo neeNkonzo kwiiNtsapho	49 779	55 684	106 385	105 608	107 020	108 666	116 801	115 653	121 846	7.49
3.3 UKhathalelo noKhuseleko lwaBantwana	228 864	235 220	222 419	210 571	210 842	210 842	222 458	220 835	234 372	5.51
3.4 I-ECD noKhathalelo lweThutyana	15 248	16 147	411 663	15 384	19 520	17 874	18 472	19 282	20 975	3.35
3.5 Amaziko okhathalelo lwabantwana nolutsha	105 893	108 657	108 658	111 658	111 658	111 658	119 845	115 058	117 733	7.33
3.6 Iinkonzo eziSekelwe kuLuntu zaBantwana	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke iintlawulo neengqikelelo	402 218	418 365	853 658	448 346	454 019	454 019	482 076	475 384	499 705	6.18

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – INkqubo yesi 3: ABantwana neeNtsapho

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluPhambili	Ulwabiwo olulungelel wanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyi weyo
	Esiphico thiweyo 2019/20	Esiphico thiweyo 2020/21	Esiphico thiweyo 2021/22	2022/23	2022/23	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2022/23
Iintlawulo zangoku	15 806	14 879	54 039	19 708	23 482	23 482	23 376	23 693	24 851	(0.45)
Imbuyekezo yabasebenzi	14 993	14 745	38 914	18 573	22 694	22 694	22 221	22 487	23 589	(2.08)
Iimpahla neenkonzozo	813	134	15 125	1 135	788	788	1 155	1 206	1 262	46.57
Udluliselo nezibonelelo	386 406	403 232	799 238	428 119	430 220	430 220	458 700	451 691	474 854	6.62
Kwii-arhente nee-akhawunti zeSebe	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Kumaziko angenzi nzuzo	379 228	396 107	790 713	418 255	418 215	418 710	445 836	438 373	460 062	6.48
Kwizindlu	7 178	7 125	8 525	9 864	12 005	11 510	12 864	13 318	14 792	11.76
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	6	254	381	519	317	317	-	-	-	(100.00)
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	6	254	381	519	317	317	-	-	-	(100.00)
Iintlawulo zee-asethi zemali	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke iindidi zoqoqosho	402 218	418 365	853 658	448 346	454 019	454 019	482 076	475 384	499 705	6.18

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali ziza kuqhubeka ziboniswe ngokutsha ngeyona ndlela yoqoqosho, isebenzayo nefanelekileyo ilingana phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iza kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwomali kwiMTEFF:

- Ukukhawuleziswa kokuphunyezwa kwesicwangciso solawulo lwenkulisa (ukugaywa, uqeqesho nokuxhaswa kwabazali abakhulisa abantwana abangengobabo kunye nokhuseleko) kunye nokuphuhlisa kweendlela ezintsha zokunciphisa umsebenzi ongekenziwa wokukhulisa abantwana; kunye
- Ukuphuculwa kweziseko zoncendo kuMaziko eDSD aKhuselekileyo oNonophelo ukuze kukwazi ukumelana nenani elandileyo leendawo zebhedhi.

5.3.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
Abantwana nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwiindawo ezikhuselekileyo zosapho.	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoMthetho waBantwana (38/2005).</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokubakho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kwaye abaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Inqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho. ● Uthethathethwano lwarhoqo ngekota / kabini ngonyaka nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuqonda kunye nokuthobela izithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho. ● Ukubeka iliso kumaziko neenkonzo nokuphunyezwa kwenkqubo. ● Ukuphunyezwa kokubekwa esweni komgca weM&E wamaziko kunye neenkonzo nokuphunyezwa kwenkqubo, ebandakanya uvavanyo lwedesktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga abonakalayo kunye nokuzibandakanya ngokomzimba. ● UQinisekiso loMgangatho weSOP ukuphucula ukuthotyelwa kweNPO. ● Ukuqinisa indima yonxibelelaniso yokongamela yeForum yePhondo yaBantwana neeNtsapho. ● IziCwangciso zokuQhubeleka koShishino zikhona.
	<p>Amaziko e-ASC okuhlala angabhaliswanga.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokubakho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kwaye abaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuphunyezwa kophuculo lonikezelo lwenkonzo olufanelekileyo umz., ukufakwa kwindawo enye yobhaliso loncedo lwe-ASC. ● Ukuphucula ungenelelo olusekwe kuluntu kunye nokubekwa kwenkxaso endaweni yoncedo olulungelelanisiweyo.
	<p>Ukuxhomekeka kwabachaphazelekayo bamacandelo ngamacandelo kwinkqubo yokubhaliswa kwamaziko.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amaziko e-ASC okuhlala angabhaliswanga.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uthethathethwano noRhulumente wePhondo noweNgingqi ukuphucula inkqubo yobhaliso ye-ASC. ● Intsebenziswano esondeleyo kunye nokubeka iliso kwiMibutho yeeNkonzo zeNtlalo ebonelela ngeenkonzo zokuxhobisa ukuqinisekisa ukubhaliswa kwe-ASC.

5.4 Inkqubo yesi 4: IiNkonzo zoBuyiselo

Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkonzo ezihlangeneyo eziphuhliso zothintelo lolwaphulomthetho ekuhlaleni kunye neenkonzo zokuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi kwabona basemngciphekweni ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

Inkqutyana 4.1: ULawulo neNkxaso

Injongo neNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo neendleko zolawulo lwabasebenzi bolawulo kunye nenkxaso ababonelela ngeenkonzo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 4.2: UThintelo yolwaphulomthetho neNkxaso

Injongo yeNkqutyana

KukuPhuhlisa nokuphumeza iinkqubo zothintelo lolwaphulomthetho ekuhlaleni kwaye unikezele ngeenkonzo zoluleko ezijolise kubantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abaphula umthetho kunye namaxhoba ngaphakathi kwenkqubo yobulungisa kulwa phulomthetho.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nekujolise kuko

Isiphumo	Isiqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwiindawo ezikhuselekileyo zosapho.	Iinkqubo zoluleko zabantu abadala abangqazula na nomthetho ziyafumaneka.	4.2.1.1 Inani labantu abadala abakungqazulwano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zoluleko.	12 976	4 728	8 080	5 787	5 448	5 868	5 868
		4.2.1.2 Inani labantu abadala abakungqazulwano nomthetho abagqibe iinkqubo zoluleko.	8 214	3 345	5 413	5 068	3 857	4 017	4 017
Abantwana kunye nolutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo ngokwasengqondweni nangokwengqondo kunye nolukhethekileyo olulwa ukwahlukana kunye nokuziphatha okucela umngeni.	Iinkqubo zoluleko kubantwana abakungqazulwano nomthetho ziyafumaneka.	4.2.1.3 Inani labantwana abakungqazulwano nomthetho livavanywe.	6 388	3 992	4 744	3 650	3 650	4 210	4 210
		4.2.1.4 Inani labantwana abakungqazulwano nomthetho lithunyelwe kwiinkqubo zoluleko.	1 772	767	981	980	850	870	880
		4.2.1.5 Inani labantwana abakungqazulwano nomthetho abazigqibileyo iinkqubo zoluleko.	1 220	387	625	813	794	801	801
Abantwana kunye nolutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo lwengqondo olulwa ukuphetha kunye nokuziphatha okuyingxaki.	Amaziko okuhlala abhalisiweyo athobela uMthetho woBulungisa baBantwana ayafumaneka ukulungiselela ukuxoxwa kwetyala kunye nabantwana abagwetyiweyo.	4.2.1.6 Inani labantwana abagwetyelwe ukhuseleko kwiiCYCC zokhathalelo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	162	130	115	110	100	100	100
		4.2.1.7 Inani labantwana abakungqazulwano nomthetho abalinde ukuxoxwa kwamatyala kwiiCYCC zokhathalelo olukhuselekileyo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	1 201	836	832	850	750	750	750

Isiphumo	Isiqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nolutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo lwengqondo olulwa ukuphephetha kunye nokuziphatha okuyingxaki.	Abantwana abasemngciphekweni babonelelwe ngongenelelo olufanelekileyo.	4.2.1.8 Inani labantwana abasemngciphekweni abachongiweyo, bavavanywa, baze balandelelwe kungenelelo ngoonontlalontle beDSD.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi Esitsha	3 198	3 431	3 661

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
4.2.1.1 Inani labantu abadala abakungqzulwano nomthetho abathunyelwe kwiinkqubo zoluleko.	5 448	1 300	1 320	1 434	1 394
4.2.1.2 Inani labantu abadala abakungqzulwano nomthetho abaqjibe iinkqubo zoluleko.	3 857	980	990	948	939
4.2.1.3 Inani labantwana abakungqzulwano nomthetho livavanyiwe.	3 650	912	913	938	887
4.2.1.4 Inani labantwana abakungqzulwano nomthetho lithunyelwe kwiinkqubo zoluleko.	850	212	230	211	197
4.2.1.5 Inani labantwana abakungqzulwano nomthetho abazigqibileyo iinkqubo zoluleko.	794	201	207	203	183
4.2.1.6 Inani labantwana abagwetyelwe ukhuseleko kwiiCYCC zokhathalelo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	100	70	10	10	10
4.2.1.7 Inani labantwana abakungqzulwano nomthetho abalinde ukuxoxwa kwamatyala kwiiCYCC zokhathalelo olukhuselekileyo ngokoMthetho woBulungisa baBantwana.	750	300	150	150	150
4.2.1.8 Inani labantwana abasemngciphekweni abachongiweyo, bavavanywa, baze balandelelwe kungenelelo ngoonontlalontle beDSD.	3 198	790	817	786	805

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Inkqutyana iqubisana nokusoloko kusoniwa kwanokuba sesichengeni kwabantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abasemngciphekweni okanye abakungqzulwano nomthetho. Injongo kukubhekisa aba bantwana, ulutsha kunye nabantu abadala kude kulwaphulomthetho nakubundlobongela ngokubonelela ngeenkondo eziza kuthi zibenegalelo ekomeleleni kwabo nasekuphuhleni kwabo okufanelekileyo.

Inkqutyana igunyaziswe ukuba inikezele ngezi nkondo nguMthetho woBulungisa waBantwana (wama 2008) njengoko ulungisiwe, uMthetho woLungiso lweNkonzo zoLingo (wama 2002 njengoko ulungisiwe), uMthetho waBantwana (wama 2005) kunye neMimiselo enxulumene nokuBhaliswa koBugcisa kwiiNkonzo zoLingo, ngokoMthetho wemiSebenzi yeeNkonzo zeNtlalo yaseMzantsi Afrika (we 1978). Inkqutyana ke ngoko ihambelana nombala oPhambili wesi 4 weMTSF yama 2019-2024 ehlaziyiweyo ejongene nokhuseleko lwentlalo wabantwana. Iinkondo ezibonelelwa yile nkqubo zinegalelo ngokuthe ngqo kwiziphumo zolutsha olusemngciphekweni kugxininiso lweNdawo ePhambili yoKhuseleko echazwe kwisiCwangciso soBuyiselo ngokubonelelwa ngongenelelo olucwangcisiweyo, olupheleleyo. Ngokuphathalelele koku iinkondo ke ngoko zilungelelaniswe nesiCwangciso soKhuseleko esiPhambili sokuxhasa iintsapho noluntu olusemngciphekweni nokuchonga nokuxhasa ulutsha olusemngciphekweni.

Ingqwalasela yale Nkqutyana kubonelelo longenelelo lwenkxaso ngokwasengqondweni, lonyango nolusemthethweni, oluququzelela umanyano loluntu, ukhuseleko nophuhliso lwabantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abakungqzulwano nomthetho. Oku kuquka uthintelo kunye nongenelelo kwangethuba olubandakanya ukomeleza, ukuxhobisa, ukuxhasa kunye neenkqubo zokuxhobisa. Ungenelelo olusemthethweni lubandakanya ukubonelelwa kovavanyo lophuhliso, iinkqubo zoluleko kunye neenkqubo zovavanyo, ukukhuthaza impiloentle ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni nangokweemvakalelo yabathathinxaxheba. Iinkqubo zokuhlala ezikhuselekileyo zokhathalelo kwiDSD kunye neeCYCC ezifumana inkxasomali zigxile kukhathalelo, uphuhliso nenkxaso yabantwana nolutsha olungqzulwana nomthetho. Ngaphaya koko, ekuqukunjelweni kweenkqubo

ezisekelwe ekuhlaleni kunye/okanye zokuhlala, abantu abakungqzulwano nomthetho babonelelwa ngoluhlu lokuhlanganiswa kunye nongenelelo kukhathalelo lwasemva koncedo olujolise ekuhlanganiseni nasekuzinziseni usapho noluntu okusebenzayo.

Inkqutyana 4.3: UXhotyiso lwamaXhoba

Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo ezihlangeneyo kunye neenkonziso zokuxhasa, ukukhathalela kunye nokuxhobisa amaxhoba obundlobongela nolwaphulomthetho ingakumbi abasetyhini nabantwana.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujolise kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo o yosapho.	Iinkonzo zenkxaso yempilo yengqondo ziyafumaneka kumaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela.	4.3.1.1 Inani lamaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini (iGBV) afumana iinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle. ²³	23 672	17 933	21 878	18 525	18 525	18 735	18 955
		4.3.1.2 Inani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zenkxaso kumaxhoba. ²³	AYINGENI	588	677	600	600	600	600
	Iinkonzo zentlalontle ziyafumaneka kumaxhoba orhweba ngabantu.	4.3.1.3 Inani lamaxhoba okurhweba ngabantu kunye nabantwana babo abathe baxhamla kwiindawo zokhuseleko zokuhlala.	AYINGENI	13	13	20	15	18	20
		4.3.1.4 Inani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afumana iinkonzo kwiindawo zokhuseleko zeNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba. ²⁴	AYINGENI	1 963	1 903	1 900	1 900	1 950	1 980

Izalathisi zeziqhamo: ekujolise kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujolise kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
4.3.1.1 Inani lamaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini (ubundlobongela obusekelwe kwisini) (iGBV) afumana iinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle.	18 525	4 647	4 635	4 645	4 598
4.3.1.2 Inani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afumana iinkonzo zenkxaso kumaxhoba.	600	150	150	150	150
4.3.1.3 Inani lamaxhoba okurhweba ngabantu kunye nabantwana babo abathe baxhamla kwiindawo zokhuseleko zokuhlala.	15	-	-	-	15
4.3.1.4 Inani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afumana iinkonzo kwiindawo zokhuseleko zeNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba.	1 900	580	440	440	440

²³ Ezi zalathi zinxulunyanyiswa nesalathisi seMTSF "Ukwanda kwepesenti kwini lamaxhoba obundlobongela obujolise kwabasetyhini abafumana inkxaso ngokwasemoyeni."

²⁴ Ithiywe ngokutsha "kwinani lamaxhoba olwaphulomthetho nobundlobongela afikelela kwiinkonzo zesheltha kumaziko eenkonzo zeNkqubo yokuXhotyiswa kwamaXhoba".

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Inkqutyana igxile ekunikezelweni kweenkonzo kumaxhoba akhulileyo obundlobongela basekhaya, ulwaphulomthetho ngokwesondo kunye nokurhweba ngabantu ngokungekho mthethweni. Intsebenziswano phakathi kwamacandelo kunye noqeqesho lweSebe lezoBulungisa, uThintelo loLwaphulomthetho kunye noKhuseleko kwiinkonzo ezijolise kumaxhoba kunye nokuxhotyiswa, ngundoqo ekwandiseni ukhathalelo nokhuseleko kumaqela asemngciphekweni, ingakumbi abasetyhini nabantwana.

Njengoko kuwisiwe umthetho kuMthetho woBundlobongela baseKhaya (wama 2021 njengoko ulungisiwe), uMthetho woLwaphulomthetho lwezeSondo kunye neMicimbi eNxulumeneyo (wama 2021 njengoko ulungisiwe) kunye noMthetho woThintelo noKulwa ukuRhweba ngoBundlobongela baBantu (wama 2013), iNkqutyana ibonelela ngundoqo wongenelelo lwentlalontle. Oku kuquka iinkonzo zokuxhotyiswa kwamaxhoba, eziyimfuneko kumlo ochasene neGBV kwaye zihambelana neNSP yeGBVF (yowama 2020). Ukongeza, ezi nkonzo zilungelelaniswa neMTSF yama 2019-2024 ehlaziyiweyo yoMba oPhambili wesi 4: "Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzo ezisiSiseko eziThembekileyo neziseMgangathweni", ngokukodwa isiphumo esijongene "necandelo eliBunjwe ngokutsha lentlalontle yoluntu kunye neenkonzo". Le nkqutyana ixhasa ngakumbi ungenelelo oluqulethwe kwimixholo yoKhuseleko neNtlalontle yesiCwangciso soBuyiselo kunye nesiCwangciso soKhuseleko, ngeenkonzo zenkxaso kumaxhoba obundlobongela.

Iinkonzo ezibonelelwe yile nkqutyana ziquka:

- Ukuxhaswa ngemali kweendawo zokhuseleko zokuhlala nemibutho yeenkonzo, kunye nokuphucula umgangatho weenkonzo ngokubonelela ngenkxaso ukuze kuthotyelwe izithethe nemigangatho efanelekileyo yonikezelo lweenkonzo;
- Ukuphumeza iphakheji ephuculweyo yeenkonzo zexesha elide zokhathalelo lwengqondo kumaxhoba obundlobongela obuphathelele kwezesondo kwiiTCC kunye neeyunithi ezichongiweyo zenkundla, ezibandakanya uphononongo lwenkqubo yokuthunyelwa kwamaxhoba ukuba afikelele kwiingcebiso zomothuko zexesha elide;
- Ukuququzelela ubonelelo longenelelo lonyango kunye neenkqubo zophuhliso lwezakhono kunye nenqanaba lesibini ngendawo yokuhlala kubahlali abakwiisheltha ukuze kuxhotyiswe amaxhoba ngoqoqosho ikakhulu abasetyhini kunye nabantwana babo; kwaye
- Ubonelelo ngeenkqubo zokwazisa kunye nemfundo kwakunye nokubonelela ngothintelo nokubuyisela kwisimo sangaphambili songenelelo kumaxhoba okurhweba ngabantu ngokuhambelana noMthetho woThintelo noKulwa ukuRhweba ngaBantu (PACOTIP) (7/2013).

ISebe likwagxininisa ekuthinteleni ubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana. Iinkqubo namangenelo ajoliswe kumadoda akhuthaza ubudoda obusempilweni njengenxalenye ebalulekileyo yongenelelo lweGBV luza komelezwa.

Inkqutyana 4.4: Ukusetyenziswa kweZiyobisi, uThintelo noBuyiselo

Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkonzo ezihlangeneyo zokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, uthintelo, unyango kunye nokubuyisela kwisimo sangaphambili.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nekujoliswe kuko

Isiphumo	Isiqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iinkonzo zonyango lwezigulana ezilaliswayo ezifumana inkxasomali ziyafumaneka.	4.4.1.1 Inani labasebenzisi benkonzo abathe bagqiba iinkonzo zonyango lwangaphakathi kwiiNPO ezifumana inkxasomali, kumaziko onyango eDSD nakwiiCYCC zeDSD. ²⁵	1 300	692	922	1 126	440	440	440
		4.4.1.2 Inani leebhedi ezifumana inkxasomali kumaziko onyango lwezigulana afumana inkxasomali. ²⁵	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	Isalathisi Esitsha	687	687	687
	Iinkonzo zonyango ezisekelwe ekuhlaleni zokuphazamiseka kokusetyenziswa kweziyobisi ziyafumaneka.	4.4.1.3 Inani labasebenzisi benkonzo abathe bafikelela kwiinkonzo zonyango lwengxaki yokusetyenziswa kweziyobisi ekuhlaleni. ²⁵	2 961	2 100	3 141	2 500	2 500	2 500	2 500
	Iinkonzo zokungenelela kwangethuba zokuphazamiseka kokusetyenziswa kweziyobisi ziyafumaneka.	4.4.1.4 Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zongenelelo kwangethuba ngenxa yokuphazamiseka kokusetyenziswa kweziyobisi. ²⁶	6 373	4 320	6 081	4 042	4 042	4 092	4 092
	Ukuphazamiseka kokusetyenziswa kweziyobisi emva kokhathalelo kunye neenkonzo zokubuyiselwa eluntwini ziyafumaneka.	4.4.1.5 Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zasemva kokhathalelo kunye nokubuyiselwa kuluntu ngenxa yokuphazamiseka kokusetyenziswa kweziyobisi. ²⁷	1 821	1 595	1 816	1 282	1 282	1 282	1 286

²⁵ Ezi zalathisi zinxulumenise nesalathisi seMTSF "Ukuqinisa uthintelo kunye nongenelelo lokusabela kusetyenziso gwenxa lweziyobisi".

²⁶ Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Iipesenti yabantu abafikelela kwiinkqubo zothintelo".

²⁷ Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Inani lamaxhoba okusetyenziswa gwenxa kweziyobisi afikelela kwiiNkqubo zenkxaso".

Iziphumo zeziQhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
4.4.1.1 Inani labasebenzisi benkonzo abathe bagqiba iinkonzo zonyango lwangaphakathi kwiiNPO ezifumana inkxasomali, kumaziko onyango eDSD nakwiiCYCC zeDSD.	440	110	110	110	110
4.4.1.2 Inani leebhedhi ezifumana inkxasomali kumaziko onyango lwezigulana afumana inkxasomali.	687	687	687	687	687
4.4.1.3 Inani labasebenzisi benkonzo abathe bafikelela kwiinkonzo zonyango lwengxaki yokusetyenziswa kwezinyobisi ekuhlaleni.	2 500	625	625	625	625
4.4.1.4 Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zongenelelo kwangethuba ngenxa yokuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi.	4 042	989	1 017	1 038	998
4.4.1.5 Inani labasebenzisi benkonzo abafumene iinkonzo zasemva kokhathalelo kunye nokubuyiselwa kuluntu ngenxa yokuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi.	1 282	319	324	324	315

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Ukuqinisekisa ukuba abantwana kunye neentsapho zikhuselekile kwaye zihlala kwiindawo ezikhuselekileyo, iSebe lenza kufikeleleke kwiinkonzo zeSUD kwiindawo ezinesidingo esikhulu. Ezi nkonzo zijolise kwiimfuno zomthengi kwaye zibandakanya iPEI ukunqanda ukuxhomekeka kunye nonyango kwabo badingayo, mhlawumbi kwinqanaba elisekelwe ekuhlaleni okanye lezigulane. Ukongeza, iinkonzo zokhathalelo lwasemva kwexesha ziyafumaneka ukuze kuqinisekise ukubuyiselwa okusebenzayo eluntwini.

ISebe ligunyaziswe nguMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi (wama 2008) ukuba liphuhlise kwaye liphumeze amaqhinga aphakathi kwamacandelo ajolise ekunciphiseni ubungozi obubangelwa kukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi. Oku kuhambelana nokuPhambili kwesi 4 kweMTSF yama 2019-2024 ehlaziyiweyo, kunye noshicilelo lwesi 4 lweSiCwangciso esinguNdoqo sikaZwelonke seZiyobisi (sama 2019 – 2024). Ngaphaya koko, ugqaliselo lweNkqutyana ekuqinisekiseni ukufikelela kwiinkonzo ezinxulumene nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi ebantwini, kwiintsapho nakuluntu luhambelana nemixholo yoKhuseleko neMpilontle yesiCwangciso soBuyiselo.

ISebe liza kuqhubeka nokugxila kuthintelo, ungenelelo kwangethuba, unyango olusekwe kuluntu, iinkonzo zokhathalelo lwasemva kokuzalwa kunye nokubuyiselwa eluntwini. Ezi nkonzo nongenelelo ziya kulawulwa ngendlela edibeneyo nelungelelanisiweyo phakathi kwamasebe ohlukeneyo karhulumente kunye namaqumrhu asekw kuluntu ajongene nothintelo nonyango lweeSUD.

Inkqutyana iya kuqinisekisa ukubhaliswa kwamaziko onyango kunye nokuthotyelwa kongenelelo lonyango ngemilinganiselo nemigangatho njengoko ichaziwe kuMthetho woThintelo noNyango lweZiyobisi (wama 2008). Injongo kukwandiswa kumthamo weenkonzo zeDSD kwinkalo yobungcali yonyango lweSUD kunye neempendulo ezisekelwe kuluntu ukuqinisekisa ukufumaneka kunye nokufikeleleka kweenkqubo zothintelo kunye nonyango kumgangatho osekwe kuluntu. Inkqubo ezisekelwe ezikolweni zikwabonelela ngendawo yokufikelela ekuphunyezweni kweenkqubo zePEI kubafundi abakwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu wephondo. Ngaphaya koko, iNkqutyana iza kuqhubeka ibonelela ngoqeqesho lweSUD koonontlalontle nakubancedisi babo kwiindawo zokhuselo zokuhlala zeGBV zabantu abadala.

5.4.1 Iingqwalasela zezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kwama R30.089 ezigidi okanye isi 6.23 seepesenti kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwama R482.737 ezigidi ngowama 2022/23 ukuya kuma R512.826 ezigidi ngowama 2023/24 kungenxa yolwabelo olongeziweyo lokuhanjiswa kwamafutha ngenxa kacimi cimi, kuBume bukaRhulumente (isigqeba soLawulo. Ulwabiwo oluphambili) kunye neenkonzo zoKhuseleko lwaBantwana ukuze kuqhutyekwe noqeqesho lwabasebenzi abancedisayo beCYCC. Emva koko uhlahlo lwabiwomali lwenyuka ukuya kutsho kuma R520.529 ezigidi ngowama 2024/25 kunye nama R547.894 ezigidi ngowama 2025/26.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – Inkqubo yesi-4: IiNkonzo zoBuyiselo

Inkqutayana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluPhambili	Ulwabiwo olulungelelwaniweyo	Uqikelelo oluhlaziye- weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziye- weyo
	Esiphico- thiweyo 2019/20	Esiphico- thiweyo 2020/21	Esiphico- thiweyo 2021/22	2022/23	2022/23	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2022/23
4.1 ULawulo neNkxaso	3 949	3 578	5 612	5 631	5,954	5 954	5 668	5 746	6 026	(4.80)
4.2 UThintelo loLwaphulomthetho neNkxaso	262 679	272 222	283 376	292 523	297,735	297 735	321 433	324 696	341 257	7.96
4.3 Uxhotyiso lwamaXhoba	50 472	63 860	66 495	67 608	68,245	68 245	76 852	78 556	82 953	12.61
4.4 Usetyenziso gwenxa lweZiyobisi, uThintelo noBuyiselo kwimeko yesiqhelo	102 987	100 757	110 910	103 017	110,803	110 803	108 873	111 531	117 658	(1.74)
Zizonke iintlawulo neengqikelelo	420 087	440 417	466 393	468 779	482,737	482 737	512 826	520 529	547 894	6.23

Isishwankathelo seentlawulo kunye neengqikelelo ngodidi loqoqosho – Inkqubo yesi-4: Iinkonzo zoBuyiselo

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluPhambili	Ulwabiwo olulungelelwaniweyo	Uqikelelo oluhlaziye- weyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziye- weyo
	Esiphico- thiweyo 2019/20	Esiphico- thiweyo 2020/21	Esiphico- thiweyo 2021/22	2022/23	2022/23	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2022/23
Iintlawulo zangoku	291 212	298 288	316 827	328 500	338 660	338 517	359 034	363 786	381 327	6.06
Ibuyekezo yabasebenzi	192 763	224 513	242 877	246 228	259 910	259 767	267 927	271 143	284 428	3.14
Iimpahla neenkonzo	98 449	73 775	73 950	82 272	78 750	78 750	91 107	92 643	96 899	15.69
Udluliselo nezibonelelo	124 118	136 307	142 052	132 360	136 749	136 892	145 099	147 649	157 054	6.00
Kwii-arhente nakwii-akhawunti zesebe	12	14	27	22	22	22	25	26	27	13.64
Kumaziko angenzi nzuzo	123 329	135 238	139 537	131 545	135 324	135 324	144 525	147 049	156 426	6.80
Izindlu	777	1 055	2 488	793	1 403	1 546	549	574	601	(64.49)
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	4 757	5 822	7 514	7 919	7 328	7 328	8 693	9 094	9 513	18.63
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina	-	57	153	65	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	4 757	5 765	7 361	7 919	7 328	7 328	8 693	9 094	9 513	18.63
Iintlawulo zee-asethi zemali	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke iindidi zoqoqosho	420 087	440 417	466 393	468 779	482 737	482 737	512 826	520 529	547 894	6.23

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali ziza kuqhubeka ziboniswe ngokutsha ngeyona ndlela yoqoqosho, isebenzayo nefanelekileyo ilingana phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iya kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwomali kwiMTEF:

- Ugxininiso kokuphambili kweSebe;
- Ukugcina imisebenzi kwiindawo zokuhlala ezingama 26 zeGBV zabasetyhini abaxhatshaziweyo (VEP);
- Ukwandisa inkxasomali yeendawo zokuhlala kwiindawo zokuhlala zabasetyhini abaxhatshaziweyo (VEP);
- Izibonelelo ezongezelelweyo (indlu yokulala abantu abaninzi) eClanwilliam, ukugcinwa kwayo nokusebenza kwayo - ukuqunjelwa koluhlu lweengxaki; kunye
- Nokuzaliswa kwezithuba eziphambili kumaziko okhathalelo akhuselekileyo.

5.4.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncithiso loMngcipheko
<p>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoBulungisa baBantwana (75/2008) kunye nesiHlomelo seeNkonzo zoLingo (35/2002), uMthetho woThintelo kunye nokuLwa ukuRhweba ngaBantu (7/2013), uMthetho woThintelo noNyango lweZiyobisi (uMthetho wama 70 wama- 2008) ngokunxulumene nesibophelelo sokubhalisa iindlela zonyango.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – izinga lenkonzo engekho semgangathweni kunye nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho. ● Uthethathethwano lwarhoqo ngekota/kabini ngonyaka nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukulandela kunye nokuthobela izithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho. ● Ukubeka iliso kwindlela yokuphunyezwa kwenkqubo. ● Ukuphunyezwa kweM&E kunye noQinisekiso loMgangatho weSOP ukuphucula ukuthotyelwa kweNPO. ● Ukuphunyezwa kohlolo oluqhubekayo kumaziko onyango lwezigulana abhalisiweyo kwiphondo. ● Inkqubo ephakathi yokwamkelwa yokufakwa kwabo bonke abantwana abaseMngciphekweni. ● Ukuphucula ungenelelo olusekwe kuluntu kunye nokubekwa kwenkxaso endaweni yoncedo olungelelanisiweyo. ● Ukuqinisa ungenelelo kwangethuba kunye neenkonzo zothintelo. ● Indlela ephakathi koorhulumente yokuphanda iindlela zonyango ezingabhaliswanga.

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p>Abantwana kunye noLutsha olusemngciphekweni bachongwa kwaye bancediswa ngongenelelo lwengqondo olulwa ukuphephetha kunye nokuziphatha okuyingxaki.</p>	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni zoMthetho wezoBulungisa obunxulumene naBantwana kunye noMthetho oLungisiweyo weeNkonzo zoLingo (35/2002).</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Amatyala anokuthi abekho ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – izinga lenkonzo engekho semgangathweni kunye nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana nemimiselo yoMthetho. ● Uthethathethwano lwarhoqo ngekota/kabini ngonyaka nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuqonda kunye nokuthotyelwa kwezithethe nemigangatho njengoko kumiselwe nguMthetho. ● Ukubeka iliso kwindlela yokuphunyezwa kwenkqubo, ebandakanya uvavanyo lwe-desktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga onxibelelwano nge-intanethi. ● Ukuphunyezwa kophuculo lonikezelo lwenkonzo olufanelekileyo umz. ukufakwa kwindawo enye yokwamkelwa kwamaziko ononophelo lwabantwana nolutsha. ● Ubonelelo ngesikhokelo nenkxaso kwimibutho efumana inkxasomali kunye neDesika yoNcedo yeeNPO ukulungiselela upuhliso nokuphunyezwa kwemigaqo yokhuseleko lwezifo ezosulelayo kunye namanyathelo okhuseleko kwiindawo zeenkonzo nakumaziko.

5.5 INkqubo yesi 5: UPhuhliso noPhando

Injongo yeNkqubo

Ukubonelela ngeenkqubo zophuhliso oluzinzileyo eziququzelela ukuxhotyiswa koluntu, olusekelwe kuphando olunobungqina kunye neenkukacha zabantu.

Inkqutyana 5.1: ULawulo neNkxaso

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo zabasebenzi bolawulo nenkxaso ababonelela ngeenkonzo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 5.2: UkuHlanganiswa koLuntu

Injongo zeNkqutyana

Ukwakha uluntu olukhuselekileyo noluzinzileyo ngokudala uthungelwano loluntu oluluqilima, olusekwe kwimithethosiseko yentembeko nentlonipho yeyantlukwano yendawo, kunye nokukhulisa imvakalelo yokubandakanyeka kunye nokuzithemba kubantu basekuhlaleni.

Lama ngenelelo alawulwa ngokuxananazileyo kwiinkqutyana.

Inkqutyana 5.3: UkuXhotyiswa kweZiko ngeZakhono (ICB) neNkxaso yeeNPO

Injongo yeNkqutyana

Ukuxhasa ukubhaliswa kweeNPO kunye nokubeka iliso kuthotyelo, uqhagamshelwano nabachaphazelekayo beeNPO kunye nonxibelelwano, ukubonelela ngokuxhotyiswa ngezakhono kwiziko, ukulawula inkxasomali yeeNPO kunye nokubeka iliso nokudala imeko efanelekileyo yokuba zonke iinPO ziphumelele.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Uphuculo lolawulo lweziko kunye nonikezelo lwenkonzo.	iinPO zixhotyisiwe.	5.3.1.1 Inani leeNPO ezixhotyisiweyo.	848	330	569	393	693	838	868
	iinPO zancedisiwe ngobhaliso.	5.3.1.2 Inani leeNPO ezancedisiweyo ngobhaliso.	1 552	701	1 727	798	798	798	798

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.3.1.1 Inani leeNPO ezixhotyisiweyo.	693	173	176	175	169
5.3.1.2 Inani leeNPO ezancedisiweyo ngobhaliso.	798	200	200	200	198

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Inkqutyana iza kuqhubeka igxininisa ekomelezeni icandelo leNPO ukuze liphucule ukusebenza kombutho kunye neendlela zolawulo olululo. Ukuxhasa ezi NPO, kuye kwasetyenziswa indlela equka konke ejolise kuwisomthetho nemiba enxulumene nokuthotyelwa kwemigaqo yoMthetho weeNPO (we 1997). Le ndlela ibonelela ngoqeqesho olubanzi olujolise ekwandiseni uzinzo, ulawulo, uxanduva kunye nokungafihlisi kweeNPO.

Injongo yeNkqutyana ilungelelaniswe ngokuthe ngqo nendlela yeWCG yokuba abantu baxhotyiswe ngokwakha intsebenziswano ukuze kuphuculwe intsebenziswano kunye nolungelelwaniso oluqhutywa bubukrelekrele. Le yindlela egxile kubemi, egxile ekwandiseni uthethathethwano kunye nentsebenziswano nabemi.

Ngokusetyenziswa kweDesika yoNcedo yeeNPO zeDSD, iiNPO ziza kuncediswa ngobhaliso ngokoMthetho weeNPO kwaye zibonelelwe ngolawulo lweeNPO noqeqesho lokusebenza. Ngaphaya koko, imibutho esemngciphekweni efumana inkxasomali iza kubonelelwa ngoncedo lokuphucula iinkqubo zayo, ulawulo nezakhono. Ilishoni zokuxhobisa ngezakhono ziza kuqhutywa namagosa ecandelo likarhulumente ukomeleza, ukuxhobisa nokwenza la magosa akwazi ukuxhasa ukusebenza nokomelela kwecandelo leNPO. Ngokujolisa kwiiNPO kwimimandla yasemaphandleni kungenelelo loqeqesho, iDesika yoNcedo yeeNPO kunye nothungelwano lwenkxaso kwinqanaba lengingqi zifuna ukunciphisa amazinga aphezulu okungathotyelwa kwecandelo leNPO nokwenza ukuba iiNPO zizize. Ukongeza kwiinkonzo ezinikezelwa kwiziko lokungena, iNkqutyana iza kuqhubeka nokusebenzisa amaqonga e-intanethi kunye nonxibelelwano ngomnxeba ukukhuthaza iinkonzo kwicandelo leNPO.

Inkqutyana 5.4: Udanjiso lweNtlupheko neMpilo eZinzileyo

Injongo yeNkqutyana

Ukulawulwa koQuquzelelo lweNtlalo kunye neNtlupheko kwiinkqubo zeMpilo eZinzileyo (kubandakanywa ne-EPWP).

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Abantu abasesichenge ni banenkxaso yesondlo kunye namathuba omsebenzi.	Abantu abasesichengeni bafumana izidlo mihla le.	5.4.1.1 Inani labantu abasesichengeni abafumene izibonelelo zokutywa. ²⁸	6 092	14 685	13 102	9 620	9 620	9 620	9 620
	Amathuba emisebenzi e-EPWP.	5.4.1.2 Inani lamathuba emisebenzi e-EPWP edaliweyo. ²⁹	1 441	-30	2 123	1 886	780	780	780

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngoNyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.4.1.1 Inani labantu abasesichengeni abafumene izibonelelo zokutywa.	9 620	9 620	9 620	9 620	9 620
5.4.1.2 Inani lamathuba emisebenzi e-EPWP edaliweyo.	780	780	780	780	780

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba esiphakathi sonyaka

Inkqutyana iza kuqhubeka ibonelela ngeenkqubo zokutyisa ezijoliswe kuzo kubaxhamli abafanelekileyo. Ezi nkqubo zijolise ekukhuthazeni ukubandakanywa koluntu kunye nokunciphisa intlupheko ngokubonelela ngesondlo kunye nenkxaso yophuhliso lwezakhono kubantu kunye namakhaya anengxaki yokunqongophala kokutywa kunye nokungondleki ngaphandle kweNkqubo yeSondlo eDityanisiweyo yeDoH&W. Ngaphaya koko, amathuba emisebenzi yexeshana aza kuqhubeka ukuyilwa, ingakumbi kulutsha, abasetyhini kunye naBantu abakhubazekileyo, kwicandelo lezentlalo nge-EPWP.

Inkqutyana ijolise ekudaleni indawo yokukhulisa, inkxaso nekhuselekileyo, nokufikelela kumathuba omsebenzi ukuze iintsapho ziphumelele kwaye ziphuhlise iimeko zokuphila ezisempilweni. Ukuphucula impilo yonke kunye nokuphila kakuhle kwabantu kulungelelaniswa ngokuthe ngqo ne-Priority 4: "Ukuhlenganisa uMvuzo weNtlalo ngeenkonzo ezisisiseko eziThembekileyo

²⁸ Esi salathisi sinxibelelene nesalathisi seMTSF "Ipesenti yabantu abasesichengeni sokulambela ukufikelela ekutyeni ngokusebenzisa amaphulo okutya nokhuseleko lwesondlo".

²⁹ Esi salathisi sinxulumene nesalathisi seMTSF "Inani lamathuba emisebenzi e-EPWP adalwe ngeenkqubo zeDSD".

³⁰ Isalathisi esingaxelwanga kwi-APP kunyakamali ka-2020/21, impumelelo iye yajongwa yaza yanikwa ingxelo ngeNkqubo yokuNika iNngxelo kaZwelonke ye-EPWP.

neziseMgangathweni" zeMTSF ehlaziyiweyo yama 2019-2024 kunye nomxholo weMpilontle wesiCwangciso soBuyiselo. Le nkqutyana iza kugxila ekuxhobiseni nasekulungiseni amaqela ekujoliswe kuwo ukuba abe negalelo ekuphunyezweni kwempembelelo ecetywayo: "Ukubonelela bonke abahlali baseNtshona Koloni ngamathuba okubumba ikhondo lobomi babo, apho banikwe amandla okuba baphile ubomi obunesidima nobunentsingiselo, ngelixa ifaka igalelo ekuphuculeni nasekuphileni koluntu".

Indawo yokutya yeSebe iza kugcinwa ngeeCNDC ezingama 92 kunye neendawo ezingama 20 zokuhambisa ukutya kwiphondo liphela, ezixhaswa ngakumbi ngamakhitshi oluntu angama 512. IiCNDC ziza kubonelela ngokutya okuphekiweyo kunye nongenelelo lwenkqubo yophuhliso (efana nokwabelana ngolwazi, imfundo, uqeqesho nophuhliso lwezakhono) kubaxhamli abasesichengeni. Le ndlela ifuna ukudala ubomi obuzinzileyo, ngokuphucula kunye nokutya kwentlalontle yabaxhamli. Ukusabela kwimfuno ekhulayo yenkxaso yokutya, iNkqutyana iza kwandisa indawo yayo ngenkxaso eyongezelelekileyo yamakhitshi oluntu, ingakumbi emaphandleni nalapho kungekho ziCNDC zisesikweni zikhoyo.

Ukuxhasa ngakumbi ukuyilwa kweendlela zokuphila ezizinzileyo ekujonganeni nokungalingani, intlupheko kunye nentswelangqesho, iSebe liza kuqhubeka lidala amathuba omsebenzi exeshana elifutshane nge-EPWP. Le nkqubo iya kulandela inkqubo yenkqubo, apho ubume obuncedayo budalwa ngokubonelela indlela yokufikelela kumathuba ekunciphiseni intlupheko nokukhuthaza ukubandakanywa koluntu.

Inkqutyana 5.5: UPhando noCwangciso oluSekelwe kuLuntu

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela uluntu ngethuba lokufunda ngobomi neemeko zengingqi yalo kunye nokuphucula imingeni kunye neenkxalabo ezijongene noluntu lwalo, kunye namandla abo kunye nempahla enokuthi ixhaswe ukujongana nemingeni yabo.

Olu ngenelelo lulawulwa ngokuxananazileyo kwinkqutyana.

Inkqutyana 5.6: UPuhliso loLutsha

Injongo yeNkqutyana

Kukwenza imeko yokunceda abantu abatsha baphuhlise ubudlelwane obakhayo, obuqinisekisiweyo kunye nobuzinzileyo ngelixa ngaxeshanye ubonelela ngamathuba okuba bakhe ubuchule babo kunye nezakhono ezifunekayo zokubandakanya njengamahlakani kupuhliso lwabo kunye noluntu lwabo.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo		Ixesha leMTEF	
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilontle yalo.	Iinkqubo zophuhliso lwezakhono zolutsha ziyafumaneka.	5.6.1.1 Inani lolutsha oluthatha inxaxheba kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono.	16 315	12 229	12 615	10 000	10 000	10 000	10 000
	IiKhefi zoLutsha ezifumana inkxaso ziyasebenza.	5.6.1.2 Inani leeKhefi zoLutsha ezifumene inkxaso.	13	12	12	12	12	12	12

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.6.1.1 Inani lolutsha oluthatha inxaxheba kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono.	10 000	2 000	3 000	2 000	3 000
5.6.1.2 Inani leeKhefi zoLutsha ezifumene inkxaso.	12	-	-	-	12

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

INkqutyana iya kuhlala igxile ekuboneleleni ngenkqubo ebanzi nezinzileyo kudluliselo lwezakhono, uqeqesho kunye neenkqubo zophuhliso lobuqu kubantu abatsha. Le ndlela ijolise ekwenzeni abantu abatsha baqesheke ngakumbi, banethemba, basempilweni kwaye balungele ukutshintshela kubuntu obudala ngoluhlu lweenkonzo zophuhliso loluntu.

I-NYP yama 2030, iPhondo kunye neSebe lobuCwangciso loPhuhliso loLutsha zibonelela ngesicwangciso apho iikhefi zoLutsha kwakunye neMibutho esekelwe kuLuntu (CBO) isebenze njengenegalelo eliphambili ekuboneleleni ngoqeqesho lwezakhono ezikhethekileyo ezigxile ekujonganeni neeNEET zolutsha neenguqu zolutsha ngaphakathi kwenkqubo yophuhliso lolutsha ephondweni. Inkqubo yoPhuhliso loLutsha iza kugxila ekubekeni umgangatho weenkqubo ukuze kuphuculwe umgangatho weenkonzo neenkqubo zayo ngentsebenziswano neenkqubo zangaphakathi kunye namasebe angundoqo karhulumente. Oku kulungelelaniswa ngokuthe ngqo kwimixholo yesiCwangciso soBuyiselo soKhuseleko neNtlalontle, egxile kakhulu kulutsha.

Eyona ngqwalasela yale Nkqutyana kukubonelela ngendawo ekhuselekileyo yophuhliso lolutsha, abasetyhini kunye naBantu abaPhila noKhubazeko, ngelixa beqeqeshwa. Ulutsha oluzimasa iiNkqubo zeKhefi yoLutsha eMva kweSikolo, luza kuba nokufikelela kumathuba oqeqesho kwi-intanethi, izakhono zokufunda nokubhala ngobuxhakaxhaka balemihla be-intanethi kunye nobuchule, kunye nenkxaso yezemfundo evela kubasebenzi beKhefi yoLutsha. Ngentsebenziswano neeCBO ezifumana inkxasomali, iKhefu yoLutsha iza kubonelela ngeenkqubo ezihlangeneyo zothintelo lweGBV nokwazisa uluntu ngoqeqesho olulodwa, iingcebiso kunye namaphulo enkxaso. Ezi nkqubo ziza kuba negalelo ngakumbi kwimfundo yezempilo yenzala, uphuhliso lobunkokeli obubalulekileyo, izakhono zobomi nokwandisa ulwazi lokuxhaphaka kweGBV eluntwini. Ngaphaya koko, iNkqutyana iza kuqhubeka nokubandakanya imisebenzi ejolise kulutsha oluphila nokhubazeko ukubanceda ekuphuhliseni izakhono nokuzithemba ekulawuleni imingeni ejongene nayo mihla le.

Inkqutyana 5.7: UPhuhliso lwabaseTyhini

Injongo yeNkqutyana

Kukwenza imeko yokunceda abafazi ukuba baphuhlise ubudlelwane obakhayo, obuqinisekisiweyo kunye nobuzinzileyo ngelixa ngaxeshanye ubonelela ngamathuba okuba bakhe ubuchule babo kunye nezakhono ezifunekayo zokubandakanya njengamahlakani kuphuhliso lwabo kunye noluntu lwabo.

Olu ngenelelo lulawulwa ngokuxananazileyo kwinkqutyana.

Inkqutyana 5.8: INkuthazo yoMgaqonkqubo waBemi

Injongo yeNkqutyana

Kukukhuthaza ukuphunyezwa koMgaqonkqubo waBemi kuwo onke amanqanaba karhulumente noluntu ngophando lwabemi, ubhengezo, ukuxhotyiswa ngezakhono nangokubeka iliso nokuvavanya ukuphunyezwa komgaqonkqubo.

Iziphumi, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi Ophicothiweyo/Owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26
Uphuculo lolawulo lweziko kunye nohanjiso lwenkonzo.	Uphando lwamanani abantu kunye nokuchazwa kweprofayili kwenzelwe ukuhlalutya abemi kunye nemeko yophuhliso.	5.8.1.1 Inani leeprojekthi zophando ezigqityiweyo.	1	1	1	1	1	1	1
		5.8.1.2 Inani leeprojekthi zeprofayili yabemi ezigqityiweyo.	11	6	6	6	6	6	6
	Iinkqubo ziphunyezwa ukukhuthaza ulwazi nokuqonda imiba yabemi kunye nophuhliso.	5.8.1.3 Inani leeseshoni zophuhliso lwezakhono zabemi ezithe zaqhutya.	AYINGENI	6	4	4	4	4	4
	Iingcebiso, ulwazi, imfundo kunye nonxibelelwano (IEC) imisebenzi iyaphunyezwa.	5.8.1.4 Inani leentshukumo zothelekelelo lwabantu, ulwazi, imfundo nonxibelelwano (IEC) eziphunyezweyo.	AYINGENI	4	4	4	4	4	4

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko koNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
5.8.1.1 Inani leeprojekthi zophando ezigqityiweyo.	1	-	-	-	1
5.8.1.2 Inani leeprojekthi zeprofayili yabemi ezigqityiweyo.	6	1	2	1	2
5.8.1.3 Inani leeseshoni zophuhliso lwezakhono zabemi ezithe zaqhutya.	4	-	-	-	4
5.8.1.4 Inani leentshukumo zothelekelelo lwabantu, ulwazi, imfundo nonxibelelwano (IEC) eziphunyezweyo implemented.	4	-	-	-	4

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisigaba esiphakathi sonyaka

Le nkqutyana iza kuba negalelo ekuphuculeni ukudityaniswa okucwangcisiweyo kokuguquguquka kwabantu kuyo yonke imigaqonkqubo, izicwangciso, iinkqubo kunye nobuchule kuwo onke amanqanaba nakuwo onke amacandelo nakumaziko karhulumente.

Eyona nto kugxilwe kuyo kukuqinisekisa ukuba iinkcukacha zamanani abemi beNtshona Kapa kunye nemeko yophuhliso lwabantu eNtshona Kapa ziyafumaneka kwaye ziyafikeleleka kubo bonke abacwangcisi bakarhulumente ukwazisa ukwenziwa komgaqonkqubo kunye noyilo lwenkqubo, ukuphunyezwa, ukubeka iliso kunye nokufikeleleka kuvabanyo. Oku kuhambelana nemixholo yoKhuseleko neNtlalontle yesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Kapa, ngokukodwa ngokubhekiselele kuvimba weenkukacha zenkqubo yokucupha ukhuseleko, ungenelelo lokhuseleko kwiindawo zesigqubu kunye nokwenziwa kwemephu yokungenelela kwentlalontle.

5.5.1 Iingqwalaselo zezixhobo zenkqubo

Ukuhla ngama R20.894 ezigidi okanye i17.86 leepesenti kuhlalo lwabiwomali oluhlaziyiweyo lwe R117.020 lezigidi ngowama 2022/23 ukuya kuma R96.126 ezigidi ngowama 2023/24 kubangelwe kukuhla kolwabiwo lokutya. Emva koko uhlahlo lwabiwomali lonyuka ukuya kutsho kuma R93.885 ezigidi ngowama 2024/25 kunye nama R99.261 ezigidi ngowama 2025/26.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – INkqubo yesi 5: UPuhliso noPhando

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluPhambili	Ulwabiwo olulungelelanisiweyo	Uqikelelo oluhlazi-yiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlazi-yiweyo
	Esiphicothiweyo 2019/20	Esiphicothiweyo 2020/21	Esiphicothiweyo 2021/22	2022/23	2022/23	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2022/23
5.1 ULawulo neNkxaso	6 770	6 845	6 891	6 732	7 452	7 452	7 208	7 308	7 665	(3.27)
5.3 Ukuxhotyiswa ngezakhono kwamaZiko kunye neNkxaso yeeNPO	2 195	2 595	2 270	2 365	2 951	2 951	2 855	2 895	3 036	(3.25)
5.4 UkuPheliswa lweNtlupheko noBomi obuZinzileyo	34 487	131 005	62 094	60 518	86 459	86 459	65 664	62 484	65 430	(24.05)
5.6 UPuhliso loLutsha	22 273	17 554	18 031	17 298	16 928	16 928	17 296	18 056	19 834	2.17
5.8 INkuthazo yoMgaqonkqubo yaBemi	3 192	3 218	3 923	3 072	3 230	3 230	3 103	3 142	3 296	(3.93)
Zizonke iintlawulo neengqikelelo	68 917	161 217	93 209	89 985	117 020	117 020	96 126	93 885	99 261	(17.86)

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – INkqubo yesi 5: UPuhliso noPhando

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluPhambili	Ulwabiwo olulungelelanisiweyo	Uqikelelo oluhlazi-yiweyo	Uqikelelo lwesigaba esiphakathi sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlazi-yiweyo
	Esiphicothiweyo 2019/20	Esiphicothiweyo 2020/21	Esiphicothiweyo 2021/22	2022/23	2022/23	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2022/23
Iintlawulo zangoku	18 320	93 431	31 820	20 146	27 151	27 151	28 132	23 558	24 707	3.61
Imbuyekezo yabasebenzi	17 266	17 500	18 899	18 961	20 959	20 959	21 869	22 132	23 216	4.34
Iimpahla neenkonzco	1 054	75 931	12 921	1 185	6 192	6 192	6 263	1 426	1 491	1.15
Udluliselo nezibonelelo	50 597	67 648	61 181	69 839	89 861	89 861	67 994	70 327	74 554	(24.33)
Kwii-arhente nakwii-akhawunti zesebe	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Kumaziko angenzi nzuzo	50 597	67 589	60 306	69 839	89 861	89 861	67 994	70 327	74 554	(24.33)
Kwizindlu	-	59	875	-	-	-	-	-	-	-
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	-	138	208	-	8	8	-	-	-	-
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezisisigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	-	138	208	-	8	8	-	-	-	(100)
iSoftware nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Iintlawulo zee-asethi zemali	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke iindidi zoqoqosho	68 917	161 217	93 209	89 985	117 020	117 020	96 126	93 885	99 261	(17.86)

Izicwangciso zeSebe kunye nohlahlo lwabiwomali ziza kuqhubeka ziboniswe ngokutsha ngeyona ndlela yoqoqosho, isebenzayo nefanelekileyo elunga phakathi kweemfuno zoluntu kunye nezinto eziphambili kuzwelonke kunye neeVIP zephondo njengoko kubonisiwe phantsi kwenkqutyana.

Le mithethosiseko ilandelayo iya kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwomali kwiMTEF:

- Ukuphunyezwa kwesiCwangciso loPhuhliso loLutsha lwePhondo, uvavanyo lweeKhefi zoLutsha, kunye nesicwangciso sokuyalela ulutsha kwiikhefi ezingasetyenziswa kakuhle nakwiinkqubo ezisekelwe eluntwini apho kungekho zinkonzo zaKhefu yoLutsha zifumanekayo; kwaye
- Gcina iziseko zeentlawulo zokhutshelo kuphuhliso lolutsha kunye neendlela zokuphila ezizinzileyo.

5.5.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncithiso loMngcipheko
Abantu abasesichengeni banenkxaso yesondlo kunye namathuba omsebenzi.	<p>Ukonyuka kwendlala kunye nokungakhuseleki kokutya ngabaxhamli abasesichengeni okubangelwa yimeko yezoqoqosho ethintelweyo kunye namazinga aphezulu entswelangqesho.</p> <p>Ukungasebenzisani nababoneleli benkonzo nto leyo enokukhokelela ekuhanjiseni kwenkonzo esesichengeni – izinga lenkonzo engekho semgangathweni nabaxhamli abanokubekwa emngciphekweni.</p> <p>Ukungathotyelwa kwemilinganiselo yempilo yendalo esingqongileyo kunye neyomntu – (enokukhokelela ekusasazweni kwezifo ezosulelayo).</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuphumeza iimodeli ezixubileyo zezibonelelo zokutya ngeeCNDC kunye neeNdawo zokuphekela zoLuntu kunye nokomeleza uthelwano kunye nentsebenziswano nabanye abachaphazelekayo (imibutho phakathi koorhulumente nangaphakathi kurhulumente) kwindlela yokuhanjiswa kweenkonzo ngokubambisana. ● Ukuququzelelwa kweenkqubo zokuxhobisa ukuphuhlisa ubuchule bemibutho ukuphumeza inkqubo. ● Ukubeka iliso kuzo zonke iiCNDC ngokwemigaqo nemigangatho narhoqo ukuphelisa ukusetyenziswa gwenxa kweemali ezinokubeka esichengeni unikezelo lwenkonzo. ● Ubonelelo ngesikhokelo kunye nenkxaso kwimibutho efumana inkxasomali kuphuhliso nokuphunyezwa kwemigaqo yokhuseleko lwezifo ezosulelayo kunye namaphulo okhuseleko kwiindawo zokutya.

Isiphumo	Umgcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
<p>Ulutsha lwenza ukhetho olwakhayo, olusempilweni, oluphucula impilontle yalo.</p>	<p>Uthethathethwano olunganelanga nolutsha lweNEET. Izibonelelo ezinqongopheleyo zokuba nefuthe elisebenzayo kwiiNEET. Ukuncitshiswa kolwabiwomali lwenkxasomali edlulisiweyo. Ifuthe: Uhanjiso lweenkonzo olunyiniweyo kuLutsha. Ukwanda kwiingxaki zentlalo. Ukwanda kwezidingo kwezinye iinkonzo zophuhliso loluntu kunye nokwandisa umthwalo kwizibonelelo zephondo. Ukunqongophala kolungelelwaniso olusebenzayo kuwo onke amasebe ephondo okukhokelela kunikezelo lweenkonzo olunyiniweyo kulutsha.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuvavanywa kweenkonzo zeNPO kusetyenziswa iMimiselo neMigangatho yeeNkonzo zoPhuhliso loLutsha. ● Ukubekw'esweni ngokulandelelana kweenNPO nokuphunyezwa kweenkqubo. ● Ukuphucula ulungelelwaniso nentsebenziswano kunye nokuphuhlisa imodeli entsha yamaxabiso. ● Uthethathethwano nabachaphazelekayo-komeleza intsebenziswano phakathi koorhulumente nangaphakathi kurhulumente.
<p>Uphuculo lolawulo lweziko kunye nonikezelo lwenkonzo.</p>	<p>Ukungathotyelwa kwemigaqo yeeNPO ngenxa yolawulo olulambathayo, ukunqongophala kwezakhono nobuchule.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uxhotyiso lweenNPO luyakhiwa kwaye iinkonzo zenkxaso ziyabonelelwa apho zifuneka khona. Oku kuya komeleza amandla olawulo lweenNPO neminye imibutho yoluntu echongiweyo. ● Iinkqubo ziphumeza izicwangciso zophuculo kunye nokubeka iliso okwenza ukuba unikezelo lwenkonzo lungqinelane nemimiselo yemithetho eyahlukeneyo. ● Ulawulo lokusebenza, uphuhliso lweeSOP, ulawulo kunye nemigaqonkqubo yokunikezelwa kweenkonzo kunye nokuphunyezwa kwayo. Uqikelelo lwabemi base-Stats SA baPhakathi kuNyaka
	<p>Ukunqongophala kweenkcukacha ezithembekileyo ezihlaziyiweyo zenqanaba lejografi elisezantsi elisetyenziselwa ucwangciso lohanjiso lweenkonzo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Fumana olwako uqikelelo lwabemi olusekwe kuQikelelo lwaBemi lweZiko leeNkcukachamanani loMzantsi Afrika lwaPhakathi eNyakeni ngentsebenziswano namanye amaSebe kaRhulumente afana neDotP kunye neSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso.

6. Amaqumrhu kaRhulumente

Ayingeni.

7. Iiprojekthi zeziseko zophuhliso

Azikho. Uhlahlo lwabiwomali nolawulo lwazo zonke iiprojekthi zeziseko zophuhliso kumaziko esebe nakwiindawo zokuhlala zixhomekeke kwiSebe leziSeko zoPhuhliso.

Inombolo	Igama leprojekthi	Inkqubo	Inkcazelo ngeprojekthi	Iziqhamo	Umhla eqale ngawo iprojekthi	Umhla egqitywe ngayo iprojekthi	Zizonke iindleko eziqikelelweyo	Inkcitho yonyaka oMiyo
	Ayikho.							

8. INTsebenziswano kaRhulumente namaShishini abuCala (PPP)

Ayingeni.

ICANDELO D: linkcazelo ngeZalathisi zoBuchwepheshe (iITID)³¹**INkqubo yoku 1: Ulawulo****Inkqutyana 1.2: liNkonzo zoLawulo oluManyeneyo**

Inombolo yesalathisi	1.2.1.1
Igama lesalathisi	Inani lamangenelelo oqeqesho omsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalontle.
Inkcazelo emfutshane	Isalathisi sibhekiselele kwinqubo zokufunda ezikhokelela kwinqanaba elinesakhono esithile semfundo nesimiselayo okanye isifundo nje esingakhokeleli kwelinye inqanaba lesifundo ezinikezelwa kwiingcali zentlalontle (oonontlalontle, abasebenzi bokukhathalela abantwana kunye nolutsha, abasebenzi abancedisayo bezentlalontle, abaphathi bezentlalontle, abaphathi bezentlalontle kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu) ababoneleli ngeenkonzo bangaphakathi nabangaphandle kwisithuba sokunikezelwa kwale ngxelo.
Injongo	Ukuqinisekisa ukuba uphuhliso oluqhubekayo lobuchwepheshe luphucula umgangatho womsebenzi kuwo wonke umsebenzi wentlalontle kunye nemisebenzi enxulumene nomsebenzi wentlalo.
AbaXhamli abaPhambili	Iingcali zentlalontle (abasebenzi bezentlalo, abasebenzi bokukhathalela abantwana kunye nolutsha, abasebenzi abancedisayo bezentlalontle, abalawuli bezentlalontle, abaphathi bezentlalontle kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu).
